

IsiXhosa

ULwimi lwaseKhaya nezaKhono zoBomi

3

Ikota 1



INcwadi kaTitshala

3

Ikota 1

IsiXhosa

ULwimi lwaseKhaya nezaKhono zoBomi

INcwadi kaTitshala



Isivumo

Inkqubo edityanisiweyo yoLwimi lwaseKhaya nezaKhono zoBomi yaphuhlisa liqela lakwaFunda Wande ngokubonisana nabantu abavela kumacandelo ekharithulam eSebe leMfundo eNtshona Koloni, eLimpopo naseMpuma Koloni, izifundiswa nabafundisintsapho abasuka kwiigunivesithi ezininzi nootitshala abasenkonzweni.

Ukuphuhlisa kwezi ncwadi kwenzeka ngenxa yenkxasomali ye-Allan Grey Orbis Foundation Endowment, iFEM Education Foundation, iMichael & Susan Dell Foundation, kunye neZenex Foundation.

Imifanekiso

Sibulela kakhulu ku-Anja Stoeckigt ngegalelo lakhe kwimifanekiso ephambili efunaneka kule ncwadi.

Iqweqwe: Anja Stoeckigt

Eminye imifanekiso izotywe ngu:

Alex Latimer: iphepha 11, 39, 47, 63 nele-72;

Crazy Cat: iphepha 84, 86 nele-96;

Patrick Latimer: iphepha 13, 33, 37, 51, 85 nele-99;

Jiggs Snaddon-Wood: iphepha 57, 59, 61 nele-87;

Zinelda McDonald: iphepha 60, 62 nele-72;

Rassie Erasmus: amagama ezandi.

Iikhredithi zeefoto:

Funda Wande Media Team: zonke iifoto ezithathwe ezikolweni naseziklasini;

Gallo Images: Iphepha 12, 14 nele-24: Matthew Childs (iqela lombhoxo leSpringbok emva kokuphumelela i-IRB World Cup ngo2019),

Iphepha 9: Mike Hewitt (uSiya Kolisi edlala kumdlalo wombhoxo),

Iphepha 13a: Christiaan Kotze (uTemba Bavuma edlala iqakamba),

Iphepha 13b: Stringer (uTemba Bavuma kwiuniformu yeeProteas),

Iphepha 15a: Sydney Seshibedi (u-Amanda Dlamini kwiuniformu yeBanyana Banyana),

Iphepha 15b: Lefty Shivambu (u-Amanda Dlamini edlala kumdlalo wesoka),

Iphepha 17a: Ezra Shaw (uCaster Semenya neflegi yoMzantsi Afrika),

Iphepha 17b: Patrick Smith (uCaster Semenya ebaleka),

Iphepha 19a: Patrick Smith (uWayde van Niekerk nembasa yegolide),

Iphepha 19b: Anton Geyser (uWayde van Niekerk ebaleka),

Iphepha 21 nele-25: Leon Sadiki (uPretty Yende ecula),

Iphepha 23: Stringer (uSiya Kolisi ephakamise indebe ye-IRB World Cup),

Iphepha 27: Rich Fury (uTrevor Noah ethetha),

Iphepha 29: Leon Morris (uBrenda Fassie ecula),

Iphepha 46: Theana Calitz (uLira ecula),

Iphepha 55: Sowetan/Antonio Muchave (umxhentsi onxibe ixibelani); iStock: Iphepha: GlobalIP (umsila welovane),

Iphepha 41b: jacoblund (ibhinqa elinxibe ilaphu lekente),

Iphepha 43: siete_vidas (amanina ombethe amalaphu ekanga),

Iphepha 51: Alessandro Biascioli (amanina anxibe iikaftan),

Iphepha 53a: NEIMUD (ibhinqa elithwele isicholo);

Iphepha 35: Leonardo da Vinci (uMona Lisa);

Iphepha 37: MiaKora (imephu yamalaphu ase-Afrika);

Shutterstock: Iphepha 39a: Tayvay (ibhinqa elinxibe iimpahla zesi-aso-oke),

Iphepha 39b: Tayvay (indoda enxibe iimpahla zesi-aso-oke);

WikiCommons: Iphepha 21a: ZSM (ilaphu lekente),

Iphepha 53b: Retlaw Snellac Photography (amanina athwele izicholo),

Iphepha 103: Ossewa (unxweme oluseMpumakoloni);

Iphepha 59: Maggie Laubser (iBasutoland Hills);

Iphepha 97: MyAngelG (indlovu);

Iphepha 99: Northern Cape Tourism (intlango yeKalahari).

iStock: Stepanyda (iipete zepesika)

Yonke eminye imifanekiso ekumaphepha ashicilelweyo ebonelelwe ngokusetyenziswa kwepremium ngu-Freepik, Rawpixel kunye no-Pexels.

www.fundawande.org

ISBN: 978-1-998960-28-6

Version 2: 2025



Nabani na uvumelekile ukwabelana (ukukhuphela kunye nokusasaza kwakhona imathiriyeli kuyo nayiphi na indlela okanye ifomathi) okanye ulungelelanise (uphinde wakhe okanye uguqule kwakhona ngokweenjongo onazo.) unike iikhredithi ngoluhlobo: Funda Wande, IsiXhosa ULwimi lwaseKhaya nezaKhono zoBomi, INcwadi kaTitshala, IBanga 3, Ikota 1, CC BY 4.0.

Awunakongeza miqathango okanye uguqule milinganiselo ethintela abanye ngokusemthethweni ekwenzeni nantoni na eneemvume ngokwelayisenisi.

Fumana iinkcukacha: <https://creativecommons.org/licenses/by/4.0/>

Isiqulatho


Ii-ayikhoni nezishunqulelo	iv
Isicwangciso sezixhobo zakwaFunda Wande	
INcwadi kaTitshala: Emakufundiswe	1
IsiKhokelo seNdlela yokuFundisa: Indlela yokufundisa	1
INcwadi Yomfundi Yomsebenzi neNcwadi eNkulu: Omawukufundise	1
Isicwangciso seKota yesi-3	2
Isicwangciso seveki	4
ImiSebenzi yezemiThambo: Ikota yesi-3	5
Iveki yoku-1 Wamkelekile kwiBanga lesi-3	6
Iveki yesi-2 Okumalunga nam	8
Iveki yesi-3 Okumalunga nam	20
Iveki yesi-4 Iimvakalelo	32
Iveki yesi-5 Iimvakalelo	44
Iveki yesi-6 Ukugcina umzimba wam ukhuselekile	56
Iveki yesi-7 Ukugcina umzimba wam ukhuselekile	68
Iveki yesi-8 Amalungelo noxanduva	80
Iveki yesi-9 Amalungelo noxanduva	92
Iveki ye-10 Ukudityaniswa kunye nohlaziyo	104
ISICWANGCISO SOHLOLO LWEKOTA YOKU-1	106
Iirubhrikhi netsheklisti yohlolo yoLwimi lwaseKhaya neLitheresi	
Ukuphulaphula nokuthetha	107
Izandi	108
Ukufunda nengqiqo	109
Ukubhala ngesandla	110
Ukubhala	111
Iirubhrikhi neetsheklisti zohlolo zezaKhono zoBomi	
ZB nePN	112
EzobuGcisa (obuBonwayo)	113
EzobuGcisa (beQonga)	114
EzemiThambo	115
Amaphepha afotokotshwayo ohlolo	116
Upelo	122
Oonobumba bokudibanisa	124

li-ayikhoni nezishunqulelo

ULwimi lwaseKhaya



UkuFunda
ngokuVakalayo/
UkuPhulaphula
nokuThetha



Ukufunda



Izandi



Ukubhala



UkuFunda ngamaQela
eNcediswa nguTitshala



UkuBhala ngeSandla
nomSebenzi Owenza
Wedwa



UkuJonga unike iNgxelo
LK neZB

IzaKhono zoBomi



ULwazi olusisiSeko
nokuziPhatha neNtlalo



EzobuGcisa beQonga




EzemiThambo

li-ayikhoni ezisetyenziswayo kwiNYY



Bhala



Faka imbala
okanye zoba



Sika

IsiKhokelo seNdlela yokuFundisa – KNF
INcwadi kaTitshala – NT
INcwadi Yomsebenzi Yomfundi – NYY
UkuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala – FQNT
UkuziPhatha neNtlalo – PN
ULwazi olusisiSeko – LS
ULwimi lwaseKhaya – LK
UkuFunda ngabaBini – FB
UmSebenzi Owenza Wenza – SOW
Iincwadi zemisebenzi zeRainbow – DBE

Isicwangciso sezixhobo zakwaFunda Wandé

Inkqubo yakwaFunda Wandé idibanisa uLwazi lokuFunda nokuBhala uLwimi lwaseKhaya kunye nezaKhono zoBomi zabafundi bamaBanga 1-3 ezisekelwe kwikharithyulam kaCAPS. Ngokulandela le nkqubo, abafundi baza kufunda ukufunda nokubhala kwaye baphuhlise ulwazi olusisiseko, izakhono nesigama. Konke oku kuza kubalungiselela ibanga eliphezulu kunye nezinye izifundo zolwini.

INcwadi kaTitshala: Emakufundiswe

Kukho iNcwadi kaTitshala yekota nganye kuwo onke amabanga esiGaba esisiSeko. Sisalathiso semihla-ngemihla sootitshala abaxakekileyo, ukubanceda ngesicwangciso sabo, ulandelelwano noholo. INcwadi kaTitshala ibonisa umxholo wesifundo ngasinye – omawukufundise kwaye ngoluphi ulandelelwano. Isicwangciso seveki nesicwangciso sekota nazo zinikiwe. INcwadi kaTitshala (NT) ikwanika **nangemiSebenzi yoHlobo** ecetyisiweyo ekupheleni kweNT nganye. Izifundo nemisebenzi yohlobo zisekelwe, kwaye ziquka yonke ikharithyulam kaCAPS.




IsiKhokelo seNdlela yokuFundisa: Indlela yokufundisa

IsiKhokelo seNdlela yokuFundisa (NYY) esahlukileyo, esongezelelweyo sinika nezikhokelo malunga nezinto zesiqhelo zokwenza izinto, iingcebiso ngendlela yokufundisa uhlobo lwesifundo ngasinye kwinkqubo kaFunda Wandé. Singasetyenziswa ekuqaleni kwekota nganye ngexesha lokuqeqesha okanye elokucwangcisa kwaye naninina, ukujonga ukuba uwalandela ngokuchanekileyo na amanyathelo esifundo kwaye usisebenzisa ngokupheleleyo na isifundo. **NgeMivulo kwiNcwadi kaTitshala siphawula amaphepha athile kwiKNF axhasa ukufundisa isifundo seveki.**

Kuhlobo ngalunye lwesifundo, IsiKhokelo seNdlela yokuFundisa (NYY) sichaza:

1. **injongo** yolu hlobo lwesifundo: kutheni sifundisa ezi zifundo nje
2. **inkqubela** yoluhlobo lwesifundo: indlela yokwenza izinto nesicatshulwa esinikiweyo kwinkqubo siqhabela phambili kuwo omathathu amabanga ukuqinisekisa ukuba abafundi bafumana izakhono nolwazi oluthe kratya
3. **indlela yokufundisa:** indlela yokufundisa isifundo, ngendlela ecacileyo, ulandelelwano ngenyathelo ngalinye; injongo yenyathelo ngalinye kwaye nawuphina umahluko phakathi kwamabanga omathathu ucacisiwe
4. **ukwahlula:** ukumelana nabafundi abakumanqanaba ahlukileyo kolu hlobo lwesifundo
5. **uHlobo olungekho seSikweni:** indlela yokusebenzisa olu hlobo lwesifundo ukuhlola inkqubo yemihla ngemihla yabafundi
6. **uHlobo oluseSikweni:** indlela esesikweni yokuhlola izakhono nolwazi olufundisiweyo kolu hlobo lwesifundo kwikota nganye, esekelwe kwikharithyulam kaCAPS



IsiKhokelo seNdlela yokuFundisa (NYY) yincwadi yesalathiso elungiselelwe bonke ooTitshala besiGaba esisiSeko, iBanga 1-3, ukuba bayisebenzise kunye neNT.

INcwadi Yomfundi Yomsebenzi neNcwadi eNkulu: Omawukufundise

INcwadi Yomfundi Yomsebenzi (NNY)

inamaphepha esetyenziswa ngabafundi ngexesha lesifundo. Amaphepha abekwe ngendlela enye nemisebenzi ekwiNT. Abafundi baza kugqibezela eminye imisebenzi ebhalwayo kwiNNY kodwa bagqibezela uninzi lwemisebenzi ebhalwayo kwincwadi yokubhala.



INcwadi eNkulu yenzelwe ukuba isetyenziswe xa abafundi behleli emethini ngesifundo sokuFunda noTitshala nesezaKhono zoBomi. Zikhona kwiikota zonke zeBanga loku-1 nakwikota yoku-1 neyesi-2 kwiBanga lesi-2. Amaphepha **eNcwadi eNkulu (NN)** akhona nakwiNcwadi Yomfundi Yomsebenzi (NNY).

Isicwangciso sekota yoku-1

Iveki	Umxholo	Ibali elifundwa ngutitshala	Ibali lokufunda notitshala	Umsebenzi wokufunda wedwa	Izandi	
1	Iveki yokuqhelaniswa: ukuseka iinkqubo zesiqhelo, uhlaziyo.					
2	Okumalunga nam/Ulandelelwano lwamaxesha	Ibali ngobomi bukaSiya Kolisi	Ibali ngobomi bukaSiya Kolisi	Abantu bezemidlalo baseMzantsi Afrika	nx; nxw; hl; hlw	
3	Okumalunga nam/Ulandelelwano lwamaxesha	Ibali ngobomi bukaPretty Yende	Ibali ngobomi bukaSiya Kolisi	Abantu abangabonwabisi baseMzantsi Afrika	bh; ng; th; nt	
4	limvakalelo	UPitso waloyisa uloyiko lwakhe	Umakhulu kaSindi	Amalaphu nempahla yase-Afrika	xh; xhw; nts	
5	limvakalelo	Intliziyo yenkawu	Umakhulu kaSindi	Impahla yesintu yaseMzantsi Afrika	ndl; ntl; nk	
6	Ukugcina umzimba wam ukhuselekile	Umzimba wam ngowam	UPhesi Hagu uyagula	Izixhobo zezempilo	gw; ngw; ny	
7	Ukugcina umzimba wam ukhuselekile	Ingonyama neenkunzi zenkomo ezine	UPhesi Hagu uyagula	Ukhwaze uthi dyakalashe (Izahluko)	gx; ngx; nx	
8	Amalungelo noxanduva	Masihloniphane	UHana noLizo	Izimuncumuncu eziswiti	gw, ngw, xhw, nts	
9	Amalungelo noxanduva	UNosambatho Sibomvu	UHana noLizo	Okusingqongileyo okukhethekileyo eMzantsi Afrika	ng, gc; ngc	
10	Ukudityaniswa					

	Ukwakhiwa kolwimi	Ukubhala	ULwazi oluSisiseko noPN	EzobuGcisa: UbuGcisa obuBonwayo	EzobuGcisa: UbuGcisa beQonga	Ezemi-Thambo
	Ubudlelwane phakathi kombuzo-nempendulo lxesha elidlulileyo	Umbhalo wakhe: Ubomi bam ukuzokuthi ga ngoku	Ukukhula: Amanqanaba okukhula. Itheyibhile: Bakwazi ukwenza ntoni? (izakhono kwiminyaka eyahlukileyo) Ifomu: linkcukacha zomntu	Imigca neemilo	Bonisa uze uchaze – Into yam yakudala	Ututshala ukhethe imisebenzi emine yeveki
	Ubudlelwane Phakathi kombuzo-nempendulo	Umbhalo ochwangcisiweyo: Ulandelelwano lwexesha lwam	Ulandelelwano lwamaxesha: Umzekelo: USiya Kolisi. Ukuthelekisa ulandelelwano lwamaxesha: Abantwana beendlovu kunye nabantwana babantu. Dibanisa uze uphonononge: Amanqaku ngam	Imigca, uhlikihlo	Mamela uze ushukumele umculo waseMzantsi Afrika	
	Umlinganiswa webali. Uvelwano nomlinganiswa lizichazi	Umbhalo wakhe: Into ebendiyinxibile	YFF: Iimvakalelo. Ukulawula ixhala. Ukulawula umsindo (ibali) Ukuphonononga umxholo	Umboniso wobugcisa: Umzobo kaMona Lisa	Umdlalo: Qashisa imvakalelo (ngokubona ngeempawu zomzimba)	
	Umlinganiswa webali. Uvelwano nomlinganiswa lizichazi	Umbhalo ochwangcisiweyo: Ukuchaza umntu (imihlathi emi-2)	Ukuxolisa/Ukucela uxolo. Ukuvisa kabuhlungu (imifanekiso) Thelekisa iipowusta ngokuxhaphaza Ukuphinda ujonge umxholo	Umfanekiso	Dlala indima: Ukuxolisa	
	Uqikelelo (usebenzisa isihloko, imifanekiso)	Umbhalo wakhe: Ngexesha ndandigula	Ukuthemba kunye nentlonipho (ibali lemifanekiso) Ukuthemba: Zeziphi iimeko ezikhuselekileyo kuSofi? Intlonipho: Imifanekiso. Ukuphonononga umxholo	Ubungakanani kunye nembonakalo	Imidlalo yokulinganisa: Ukuthi hayi	
	Uqikelelo (usebenzisa isihloko, imifanekiso)	Umbhalo ochwangcisiweyo: Ngaphambili nangoku. Imihlathi emibini/ amaxesha entetho amabini	Ingozi (uncedo lokuqala) Ulandelelwano lwexesha lwengozi. Isigama somxholo		Isingqi: Shukumela umculo. Ukulinganisa kwamaqela	
	Ulwakhiwo lwebali. Izicwangciso zebali	Umbhalo wakhe: Ukuchaza ngomfanekiso wam	YFF: Amalungelo noxanduva (Uthelekiso) Ekxhaya Esikolweni Ukudityaniswa	Umboniso wobugcisa: Inggayi	Umdlalo: 'Statyu'	
	Ukwakhiwa kweBali. Iindawo enzekeka kuzo amabali	Umbhalo wakhe: Ukuchaza umzobo	Imithetho yeklasi Amalungelo abantwana Ukudityaniswa	Inggayi (iyaqhubeka)	Ibali: Isiqalo/ isiqu/ isiphelo	

Isicwangciso seVeki

Utshintsho kwisicwangciso esihlaziyiweyo luphawulwe ngombala obomvu. Xa usebenzisa isicwangciso esihlaziyiweyo, lungisa isicwangciso sesifundo ngolu hlobo:

- Dibanisa izifundo ezimbini zobuGcisa obuBonwayo ibesisifundo esinye okanye uyeke isifundo esinye.
- Dibanisa izifundo ezimbini zobuGcisa beQonga ibesisifundo esinye okanye uyeke isifundo esinye.
- KwezemiThambo, qhubeka usebenza ngezitishi zemisebenzi ezine, kodwa utshintshantshintshe abafundi kweziveki zimbini.
- Xa amaQela okuFQNT enziwe (iveki yesi-5), izifundo ezifakelweyo zoFQNT zingasetyenziswa ukuphinda imisebenzi kwaye ukomeleza izakhano ezifundisiweyo evekini.

IBANGA LESI-3 (ULWIMI LWASEKHAYA)					
	Mvulo	Lwesibini	Lwesithathu	Lwesine	Lwesihlanu
10 imiz	Ixesha lokulawula: irejista/ikhalenda/iintsuku zokuzalwa/izaziso				
IBHLOKO YEZIBALO					
Iiyure ezisi-7 (kwisiCwangciso esiHlaziyiweyo yongeza imiz eli-15 x iintsuku ezi-5 ngeveki)					
IBHLOKO YELITHERESI					
UTSHINTSHO: Ingoma					
15 imiz	UkuPhulaphula nokuThetha/PN (Iindaba) (kwisiCwangciso esiHlaziyiweyo: imiz eli-10)	UkuPhulaphula nokuThetha	UkuPhulaphula nokuThetha	UkuPhulaphula nokuThetha	UkuPhulaphula nokuThetha/PN (Isicwangciso seveki) (kwisiCwangciso esiHlaziyiweyo: imiz eli-10)
UTSHINTSHO: ukulola iipensile, ukukhupha/ukunika iincwadi, imithambo yezandla					
12 imiz	Izandi	Izandi	Izandi	Izandi/Ulwimi	Izandi (Ubizelo/Ukufunda amagama ngexesha elibekiweyo)
10 imiz	Ukubhala ngesandla	Ukubhala ngesandla	Ukubhala ngesandla	Ukubhala ngesandla	Ukubhala ngesandla
UTSHINTSHO: Isicengelezo/ingoma eneentshukumo					
15 imiz	UkuPhulaphula nokuThetha (Utitshala ufunda ngokuvakalayo)	Ukufunda notitshala (Ingqiqo)	Ukufunda notitshala (Isigama)	Ukufunda notitshala (Ulwimi /Ukuziqhelanisa notyibiliko)	
15 imiz	IsiNgesi ulwimi lokuqala olongezelelweyo	Ukubhala (Ingqiqo)	Ukubhala (Isigama)	Ukubhala (Ulwimi)	Ukubhala wedwa
UTSHINTSHO: Ukuzolula nokuzishukumisa. Amaqela aya emethini ukulungiselela ukuFQNT					
15 imiz	FQNT nokuFunda Wedwa	FQNT nokuFunda Wedwa	FQNT nokuFunda Wedwa	FQNT nokuFunda Wedwa	FQNT nokuFunda Wedwa
15 imiz	FQNT nokuFunda Wedwa	FQNT nokuFunda Wedwa	FQNT nokuFunda Wedwa	FQNT nokuFunda Wedwa	FQNT nokuFunda Wedwa
15 imiz					Ukufunda notitshala: Ukuqwalasela nokunika ingxelo (Iitekisi zokuFunda Wedwa)
45 imiz	ISINGESI ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (kwisiCwangciso esiHlaziyiweyo: yongeza imiz eli-10 ngeveki)				
IzaKhono zoBomi					
UTSHINTSHO: Isicengelezo/ingoma eneentshukumo					
30 imiz	ULwazi olusisiSeko noPN	ULwazi olusisiSeko noPN	ULwazi olusisiSeko noPN	ULwazi olusisiSeko noPN (Ingqikelelo yokucinga kwakhona) kwisiCwangciso esiHlaziyiweyo: imiz eli-15)	ULwazi olusisiSeko noPN (incwadi zomsebenzi zeDBE) (kwisiCwangciso esiHlaziyiweyo: ungasenzi esi sifundo)

UTSHINTSHO: Imithambo yokuphefumla, izixhobo zokuncedisa ekunikezelwa ngazo					
30 imiz	EzobuGcisa obuBonwayo	EzobuGcisa obuBonwayo (kwisiCwangciso esiHlaziyiweyo: endaweni yayo makwenziwe omnye umsebenzi wokuFQNT nosebenzi owenza wedwa wakwaDBE)	EzobuGcisa beQonga	UbuGcisa beQonga (kwisiCwangciso esiHlaziyiweyo: endaweni yayo makwenziwe omnye umsebenzi wokuFQNT nosebenzi owenza wedwa wakwaDBE)	
UTSHINTSHO: Batshintsha iimpahla, kuphunywa phandle, banike izixhobo zokusebenza					
30 imiz	Izitishi zemisebenzi zezemiThambo (kwisiCwangciso esiHlaziyiweyo: endaweni yayo makwenziwe omnye umsebenzi wokuFQNT nosebenzi owenza wedwa wakwaDBE)	Izitishi zemisebenzi zezemiThambo	Izitishi zemisebenzi zezemiThambo (kwisiCwangciso esiHlaziyiweyo: endaweni yayo makwenziwe omnye umsebenzi wokuFQNT nosebenzi owenza wedwa wakwaDBE)	Izitishi zemisebenzi zezemiThambo	Izitishi zemisebenzi zezemiThambo (kwisiCwangciso esiHlaziyiweyo: endaweni yayo makwenziwe omnye umsebenzi wokuFQNT nosebenzi owenza wedwa wakwaDBE)

Imisebenzi yezititshi zemisebenzi yezemiThambo: IBanga lesi-3

Khetha imisebenzi emine ngeveki, engqale kwizakhono ezahlekileyo.

Intshukumo zamalungu omzimba: Ugqatso
- Ugqatso lwekiriva - Ugqatso olunemilenze emithathu - Ugqatso lokubaleka ngesantya (ukubaleka ngesantya, goba xa uza kuqala) (kwakunye nesingqi)
Ukuqonda iintsukumo: Umdlalo wentenetya
- Ukuhamba ngesangqa kumgangatho oqinileyo. 1. Gqampisa ibhola yentenetya emoyeni nasemhlabeni. 2. Gqampisa ibhola yentenetya usebenzisa ibhethi. 3. Gqampisa ibhola yentenetya utshintsha amacala ebhethi. - Kunye neqabane, betha ibhola iwele phezu komnatha/kwentambo usebenzisa isandla sangaphambili; betha ibhola phezu komnatha/kwentambo usebenzisa isandla esingasemva. - Dlalani umdlalwana onamanqaku.
Isingqi: Imitsi
- Ukhuphiswano lokutsiba umtsi omde - Ukhuphiswano lokutsiba umtsi ophezulu
Ukusebenzisana kwamalungu: Ukuphosa
- Ngababini, phosani nize nigange ibhola yentenetya. - Ukuphosa uze ugange ibhola: ukuphosa phantsi kwengalo/entla kwengalo, phantsi komlenze, ngezandla zombini.
Ukuziqhelanisa nesithuba: Umdlalo wokubaleka nowemiqobo
- Chonga iindawo ezithile (umthi, ucingo, ipaseji njl.). - Abafundi bayatshintshana ukunika imiyalelo kwiqela labo, umz. baleka uye ecingweni, baleka uye emthini, jika, baleka ubuye ecingweni, njl. - Lungisa indawo nemiqobo enzima.
Ukuxhathisa
Umdlalo weqakamba phakathi kwamaqela amabini (ikwaziindidi zemidlalo).
Icala
Ngababini: ukukhaba ibhola ekhatywayo utshintsha iinyawo.

ISICWANGCISO SEVEKI



Wamkelekile kwiBanga lesi-3!

Le vekhi ayicwangciswa kangako. Nangona kunjalo, ibonisa ubume bonyaka. Gcina abafundi **bexakekile benento yokwenza**, ukudlulisa umyalezo wokuba isikolo simalunga nokusebenza nzima, kodwa ngokusonwabela.

INcwadi Yomsebenzi Yomfundi (NYY) iqulethe imisebenzi embalwa ehlaziya umsebenzi weBanga lesi-2, kwaye ikwanika utitshala ulwazi malunga nezakhono zabafundi zokufunda nokubhala.

IMISEBENZI ECETYISWAYO KWIVEKI YOKU-1

SEKA IINKQUBO ZESIQHELO

- Seka iinkqubo zesiqhelo **zolawulo lwegumbi lokufundela** ezifana nokuya emethini, ukuya kwindlu yangasese, ukuma emgceni, inkqubo yokutya, ukugcina igumbi liqoqoshekile kwaye licocekile, ukunikezela ngeencwadi, ukuziqokelela nozikugcina, ukulola iipensile, njl.
- Seka neenkqubo zesiqhelo **zemisebenzi engundoqo yokufunda** efana nokunikana amathuba okuthetha neqabane, ukuthatha inxaxheba kwingxoxo yeklasi, ukumamela ngononophelo, kwaye uphendule ngendlela elungileyo.

ZOBA, BHALA UZE UFUNDE YONKE IMIHLA

Qokelela amaphepha alahliweyo, amaphepha okusebenzela (ichaphaza ukuya kwichaphaza, ukufaka imibala, izibalo ezilula okanye iimilo zoonobumba), iipensile neezikhongozeli zeekhrayoni, kwakunye neencwadi zokufunda ezibolekwe kwiBanga lesi-2, ukuze abafundi bakwazi ukuzoba, ukubhala nokufunda ukususela kusuku loku-1.

IMISEBENZI YENYY

INYY ibandakanya imisebenzi efana neye-EGRA, enokuthi isetyenziselwe ukuziqhelanisa ukulungiselela i-EGRA. Sebenzisa i-EGRA ukuvavanya izakhono zokufunda nokubhala zabafundi, ngamnye ngamnye ngeeveki 1-3. Le misebenzi inokwenziwa nangeliphi na ixesha phakathi evekini.

Bhala oonobumba abancinci

- Lo msebenzi unika ulwazi malunga nezakhono zokubumba oonobumba kunye nolwazi loonobumba abakhulu nabancinci.

Bangaphi oonobumba onokubafunda ngomzuzu?

- Lo gama utitshala ebeka umzuzu omnye, abafundi baqala bafunde oonobumba abancinane, baze balandele ngoonobumba abakhulu. Ukuba kukho abafundi abangekakwazi ukufunda oonobumba abangama-40 ngomzuzu omnye, banike ithuba lokuziqhelanisa nokufunda rhoqo, kwaye uqhubeke nokuvavanya bade bafikelele kwinqanaba elilindelekileyo.

iph. 2

UMHLA			
Bhala oonobumba abancinci.			
A	V	C	X
G			
S	F	G	H
I	D	K	P
M	Y	O	L
Q	R	Z	T
U	B	W	J
N	E		

Ungafunda oonobumba abangaphi ngomzuzu?

2 : IVEKI YOKU-1

Phawula izandi ozaziyo

- Abafundi bafundela utitshala okanye iqabane izandi.

Bhala izandi ozivayo

- Abafundi babhala izandi ezibizwa ngutitshala (naziphi na izandi ebezifundiswe kwiBanga lesi-2).

iph. 3

UMHLA

Phawula izandi ozaziyo.

☐ bh	☐ ph	☐ ndl	☐ ngcw
☐ tj	☐ nqa	☐ hl	☐ shw
☐ mv	☐ nqa	☐ hlw	☐ nkx
☐ mf	☐ nts	☐ ngc	☐ nzw
☐ ng	☐ shw	☐ gow	☐ ng

Bhala izandi ozivayo.

1	2	3	4
5	6	7	8
9	10		

IVEKI YOKU-1

Funda ze uphendule imibuzo

- Abafundi bafunda umhlathi ngokuthe cwaka, baze baphendule imibuzo. Esi sicutshulwa besifundwe kwiBanga lesi-2, ngoko ke siqhelekile kubafundi. Lo msebenzi ubanika ulwazi malunga nezakhono zokufunda nokuqonda kwabafundi. Abafundi banokuwufundela utitshala umhlathi ngokuvakalayo.

iph. 4

Incanda

Incanda zisebenzisa iintaba zazo ukukhulisa. Zingqisa ngeengqo, zivuthulule iintaba zazo ukugqisa ezinge izilwanyana. Ukuba izilwanyana azibeki, zibekela ngama ukuze iintaba zazo ezibukhali zibambeke kweso silwanyana.

Incanda zingazozakalisa iingonyama, amahosi, izinja nabantu. Iphinda khulu iintaba ezintsha xa iintaba zazo zisiwa. Amantshantsha eencanda azilwa enantsho ezilumkileyo. Iintaba zazo zithatha iintso ezindana ukomelela.

1. Phawula zonke izinto ezenziwa ziincanda ukukhulisa.

- ☐ zingqisa ngeengqo zazo
- ☐ zizaluma ezinge izilwanyana
- ☐ zivuthulule iintaba zazo
- ☐ zibekela kwesinge izilwanyana
- ☐ zidubula ezinge izilwanyana ngeentsaba zazo

2. Ingaba ayakwazi ukukhulisa amantshantsha eencanda?

☐ Ewe ☐ Hayi

Ngoba?

4 - IVEKI YOKU-1

IMISEBENZI YEDBE

Abafundi bangenza imisebenzi ephuma kwiincwadi zomsebenzi zeDBE, zoLwimi lwaseKhaya nezaKhono zoBomi ngalo naliphi na ixesha evekini.

**EZEMITHAMBO**

Nika abafundi ithuba lokushukuma benze nemisebenzi yaphandle. Jonga iphepha lesi-5 ukufumana iingcebiso.



ISICWANGCISO SEVEKI YESI-2

Okumalunga nam



OKUZA KWENZIWA KULE VEKI

Ubafundi baza:

- Kufunda baze bagqibezele itheyibhile emalunga nokukhula, kwaye baqaphele izakhono nolwazi abathe baluphuhlisa oko bazalwa.
- Kuzazi ubuqu/ubuni babo, imvelaphi nembali yabo kunye neyabanye ngokuthetha ngento yakudala enentsingiselo kubo.
- Kubhala ngobomi babo ukuza kuthi ga ngoku, baze babhale izivakalisi ezisuka kwisivakalisi esiyipatheni.
- Kufunda malunga nobudlelwane beempendulo nemibuzo ukomeleza izakhono zokufunda nengqiqo.
- Kuhlaziya oonobumba abakhulu kunye nezandi.
- Funda amagama opelo ali-10.
- Kuqala ukubhala ngokudibanisa.

AMALUNGISELELO

Oonotsheluzo

Isigama solwimi	umphathi	iNdebe yeHlabathi	itumente	isibonelelo semali sokufunda	isikolo ekuhlalwa kuso ngabafundi
	<i>captain</i>	<i>World Cup</i>	<i>tournament</i>	<i>scholarship</i>	<i>boarding school</i>
Isigama sezaKhono zoBomi	umhla wokuzalwa		ubudala		idilesi
	<i>date of birth</i>		<i>age</i>		<i>address</i>

Isivakalisi

USiya wazalwa ngomhla we-16 kweyeSilimela, eMpuma Koloni.
Siya was born on 16 June in the Eastern Cape.

IZIXHOBO ZEMISEBENZI

- Into yakho yakudala (ekuza kuxoxwa ngayo kumsebenzi woLwazi olusiSiseko ngoLwesibini)
- Amaphepha neependlela zomsebenzi wezobuGcisa obuBonwayo
- Izixhobo ezifunekayo kwimisebenzi ekhethiweyo yezemiThambo.

UHLOLO

Olusisiseko: Sebenzisa iEGRA okanye iNYY, iveki 1 iphepha 2–4 (Mvulo–Lwesihlanu, ngamnye ngamnye)

Qokelela iincwadi uze uzikorekise: Ukubhala eyedwa (Ubomi bam ukuza kuthi ga ngoku, Lwesihlanu), Isigama (Lwesithathu), Izivakalisi (Lwesine), Ukubhala ngesandla (Lwesihlanu)

Olungekho sesikweni: Amagama afundwa ngexesha elibekiweyo (Lwesihlanu)

Ibali likaSiya Kolisi

Ibali lanamhlanje limalunga nomntu okhethekileyo, ogama linguSiya Kolisi. **Unendumasi** ngokuba ungumdlali, **kwanomphathi** weqela lombhoxo loMzantsi Afrika, elibizwa ngokuba ziSpringboks.

Kodwa ke wayengadumanga ngaphambili. Wazalelwa kwilali encinci yaseMpuma Koloni. Kwakunzina kunina ukuba amkhulise, waze ke wagqiba kwelokuba amse kuninakhulu ukuya kuhlala naye elokishini, kwisixeko iGqeberha.

Uninakhulu wayehlala kwindlu enamagumbi amabini. Wayengafumani mali ingako, kodwa wayemthanda umzukulwana wakhe uSiya, kwaye emkhathalele. Kwakubakho amaxesha awayelamba ngawo, ngamanye amaxesha avuke emanzi ngenxa yophahla lwendlu olwaluvuza, kodwa uSiya wakhula waba yinkwenkwana eyomeleleyo ethanda isikolo, ekwakuthanda nokubaleka. Yena nomhlobo wakhe wasesikolweni babedla ngokubaleka iikhilomitha ezi-5 yonke imihla ukuze bahlale bomelele. Ngenye imini wabona iqela lamadoda libaleka. Bonke babenxibe iimpahla zezemidlalo. Umhlobo wakhe wamxelela ukuba la madoda ayengaweqela lombhoxo, elibizwa ngokuba yi-African Bombers.

USiya wayenomdla wokwazi ngalo mdlalo ubizwa ngokuba ngumbhoxo. Waqalisa ukuya kubukela iqela lalo mdlalo ngellixa **lizilolonga**, waze wafunda ngawo. Utata wakhe kuba wayeke wangumdlali wombhoxo wamfundisa imithetho yawo. Ngamaxesha okuzilolonga wayenceda iqela elo ngokuthi alande ibhola xa iqengqekelele kude. Ngamanye amaxesha wayedla ngokuyikhaba loo bhola yombhoxo. Umqeqeshi weqela waqwalasela indlela uSiya awayeyikhaba ngayo ibhola, waze wamncedisa ukuba aye kwisikolo apho wayeza kuphuhlisa isiphiwo sakhe zokudla umbhoxo. Kungekudala uSiya waba ngumphathi weqela lombhoxo lesikolo.

Ngenye imini kwakukho **itumente** yombhoxo yezikolo. Zonke izikolo zaseGqeberha zathatha inxaxheba, neqela likaSiya lalikwalapho. Iqela likaSiya loyiswa kumdlalo walo wokuqala, kodwa uSiya wawakhuthaza amanye amakhwenkwe, wazama kangangoko anako, baze baphumelela eminye yemidlalo kuloo tumente. Ootitshala bezinye izikolo bayibona indlela uSiya adlale kakuhle ngayo, saza esinye isikolo samabanga aphakamilo esibizwa ngokuba yiGrey, sampha isibonelelo semali sokufunda sombhoxo.

Walishiya ke ikhaya uSiya waba ngumhlali apho esikolweni. Wayesithi uyayithanda indlela eyayicwangciswe ngayo yonke imihla esikolweni, yaye kwakusoloko kukho ukutya okwaneleyo! Wenza ubuhlobo namanye amakhwenkwe esikolweni, kwaye waqhubeka ukudlala **umbhoxo**. Kunyaka wakhe wokugqibela esikolweni, wenziwa umphathi weqela lombhoxo lesikolo, waza wakhethwa ukuba adlale kwiqela lezikolo zaseMpuma Koloni.

Emva kokuba egqibile ukufunda, uSiya wanyulwa ukuba adlalele iqela lombhoxo laseNtshona Koloni, eKapa. Wafudukela eKapa, waza waqalisa ukudlala umbhoxo ngokupheleleyo. Yaba ngumsebenzi wakhe. Kungekudala wakhethwa ukuba adlalele iqela loMzantsi Afrika, iSpringboks. Kwiminyaka emibini nje wenziwa umphathi weqela. Wayengumphathi ngethuba uMzantsi Afrika uphumelela **iNdebe yeHlabathi yoMbhoxo**. Yaba kukufezekiswa kwephupha lakhe.





UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Ingaba unazo iindaba ezikhethhekileyo?
- **Ngababini:** Xelela iqabane lakho iindaba zakho. Phendulanani ngobubele.
- **Yabelanani:**
 - Abafundi abambalwa babelana neklasi iindaba zabo.

lindaba

- Qinisekisa ukuba bonke abafundi bafumana ithuba kwikota nganye.
- Bhala oko ukuqwalaseleyo encwadini yakho.

Lungiselela abafundi iveki yesikolo ezayo (into abazakuza nayo, iziqaneko ezikhethhekileyo, njl.).

15 imiz



IZANDI

Uhlaziyo lweBanga lesi-2


- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwiBanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Bafunda amagama opelo ale veki kwiphepha le-122 leNYY.
- Chazela abafundi ukuba baza kuvavanywa kula magama.
- Abafundi baziqhelisa ukubhala la magama yonke imihla ekhaya.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekishe umsebenzi kunye.

iph. 15

12imiz

KNF

iph. 8-13



UKUBHALA NGESANDLA

Ukudibanisa $\dot{v}$, $\ddot{v}$


- Landela inkqubo yezifundo zokubhala ngesandla.
- Bhala ngokucinezela kumsebenzi wangoMvulo. Krwela eminye imigca yokuzighelisa kwiincwadi zokubhalela.

iph. 14

10 imiz

KNF

iph. 31–37



UKUFUNDA

Utitshala ufunda ngokuvakalayo

Phambi kokufunda

- Ngoobani enakhhe neva ngabo ababekhe badlalela ilizwe lethu imidlalo? Ngeyiphi imidlalo ababeyidlala?
- Jonga umfanekiso okwiphepha lesi-6. Ngubani lo? Udlala owuphi umdlalo?

- **Nika injongo yokuphulaphula:**
Phulaphula ibali likaSiya Kolisi ukuze ufumanise ukuba waba yincutshe njani kumdlalo wakhe.

Fundela abafundi ibali

Emva kokufunda

- Ingaba eli libali lokwenyani?
Wazi njani?
- Yintoni oyithanda kakhulu ngeli bali?

NT

iph. 9

15 imiz



ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO

- Fundisa isifundo esisuka kwinkqubo yoLwimi lokuQala oloNgezelelweyo.

15 imiz





UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

Amalungiselelo

- Cacisa inkqubo yesiqhelo kunye nendlela yokwenza **umSebenzi Owenza Wedwa**.
- Funda izivakalisi **njengomsebenzi weklasi yonke**.
- Bonisa indlela yokufunda ngokuthe cwaka. Hamba-hamba ngelixa abafundi beziqhelanisa noku.
- Xoxani ngento umntu ekufuneka ayenze xa edibana negama angalaziyo (jonga kwiphepha le-15).

Umsebenzi owenza wedwa

- Abafundi baphinda bafunde isivakalisi.
- Mabaphendule imibuzo.


Ngelixesha abafundi bezisebenzela, yenza uvavanyo lwe-EGRA nomfundi ngamnye.

iph. 16

30 imiz

KNF

iph. 28-30



ULWAZI OLUSISISEKO

Ukukhula

Ulwazi lwangaphambili

- Yintoni okwaziyo ukuyenza ngoku owawungakwazi ukuyenza ngokuya wawulusana?

Ukufunda notitshala

- Funda isicatshulwa esikwiNYY kunye nabafundi.

Ulwazi olutsha

- Thethani ngeentsana kunye nabantwana abaziwayo ngabafundi. Yintoni abakwaziyo ukuyenza? Yintoni ekusafuneka bafunde ukuyenza? Singabanceda njani?

Ukubhala

- Abafundi bagqibezela izivakalisi ezikwiNYY.

iph. 17

30 imiz



EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Imigca neemilo

Fundisa ngemigca

- Umgca udibanisa iziphelo ezimbini.
- Fundisa ingoma, ushukumisa iingalo phambi kwesifuba: ngokuthe tyaba, ngokuthe nkqo, ngokuxwesileyo, ngokuthe nkqo, ngokumelana.

Umsebenzi weNYY

- Loluphi uhlobo lwemigca olubonayo kweli phepha? Funda isigama.
- Cinezela ngekhayoni phezu komgca ogoso goso, umgca othe tyaba, umgca oligophe.

- Izibini: Bonisa kwaye uchaze iimilo ozicinezeleyo.

Fundisa ngeemilo

- Imilo sisithuba esisicaba esivalwe ngemigca.
- Izibini: Nikanani amathuba nenze imilo emoyeni ngeminwe. Ingaba iqabane lakho lingayichaza imilo yakho? Faka isandi kwimilo yakho.
- Fundisa umahluko phakathi kweemilo zejiyometri, ezifana nezendalo okanye ezendalo.
- Cinezela phezu kwemilo efana neyendalo ekwiphepha leNYY.

iph. 18

30 imiz



EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

- Landela inkqubo yezitishi zemisebenzi yezemithambo ekwiphepha lesi-5.

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa iklassi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.

30 imiz

KNF

iph. 51-52



LWESIBINI



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Ubuntwana bam

15 imiz

Ingxoxo yeklasi

- Ingaba zikhona izinto ozaziyo kwezi: Wafunda ukuhamba uneminyaka emingaphi? Leliphi igama lokuqala owalithethayo? Ngubani owayekujonga ngelixa wawunguntwana omncinci?
- Ungalufumana phi ulwazi lwezi zinto?

Yazisa into yakho yakudala

- Bonisa abafundi into yakho yakudala, umz. ingubo, unodoli, incwadi.
- Xela ukuba yintoni na; xa uyisebenzisa, kwaye kutheni ibalulekile kuwe.
- Cacisa ukuba abafundi baza kukhetha into kwizinto zabo zakudala. Baza “kubonisa kwaye bathethe” ngexesha lezobuGcisa beQonga kule veki.



IZANDI

Uhlaziyo

- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwiBanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Bafunda amagama opelo ale veki kwiphepha le-122 leNYY.
- Chazela abafundi ukuba baza kuvavanywa kula magama.
- Abafundi baziqhelisa ukubhala la magama yonke imihla ekhaya.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekise umsebenzi kunye.




UKUBHALA NGESANDLA

Ukudibanisa
t, tt

- Landela inkqubo yezifundo zokubhala ngesandla.
- Bhala ngokucinezela kumsebenzi wangoLwesibini. Krwela eminye imigca yokuziqhelisa kwiincwadi zokubhalela.

iph. 14

10 imiz



UMHLA

Fakela isandi esishiyiweyo.

1. i <u> </u> xili	5. ame <u> </u>
2. u <u> </u> me	6. isihlwa <u> </u> zi
3. inxa <u> </u> di	7. ihlwe <u> </u>
4. izihla <u> </u>	8. i <u> </u> wa

IVEKI YESI-2 • LWESIBINI • 11



UKUFUNDA NOTITSHALA

Phambi kokufunda

- Seka iinkqubo yesiqhelo yexesha lokufundelwa ngutitshala (jonga iphepha le-11).
- Funda isihloko. Ukhumbula ntoni ngoSiya Kolisi?

Ukufunda notitshala

- Funda ibali kunye nabafundi.

Ingqiqo

- Yima ucacise nawaphi na amagama amatsha, umz. usebenzisa imifanekiso okanye isithethantonye.

Emva kokufunda

- Ngowuphi umfanekiso/umzobo owuthande kakhulu? Ngoba? Ububonisa ntoni?

iph. 6-11

15 imiz

Ibali likaSiya Kolisi

USiyamthanda Kolisi ngumphathi weqela lombhoxo laMzantsi Afrika. Wayengumphathi ngexesha uMzantsi Afrika uphumela (Nobela yenobhuthe) uqheliswa ngowama-2019. Eli ibali ngabomi bakhe.

6 - IVEKI YESI-2



UKUBHALA

Ingqiqo 1

Yazisa ngeentlobo zemibuzo

- **Khangela uze ufumane imibuzo:** Jongisisa isicatshulwa ude ufumane impendulo ebhalwe kwiphepha.
- **Imibuzo yokunda neyokucinga:** Funda isicatshulwa sonke uze ucinge ngenyameko ukuze unike impendulo.
- **Kwimibuzo yam:** Nika eyakho impendulo esekelwe kwinto oyaziyo okanye oyicingayo. Awuyi kuyifumana impendulo kwisicatshulwa.

Bhala

- Gqibezela umsebenzi okwiNYY.

Jonga uze ukorekise.

iph. 12

15 imiz

UMHLA

Ingqiqo 1

Funda ibali likaSiya Kolisi.

1. Lingabani eli bali?
2. Ingaba uSiya Kolisi ngumntu wokwenyani (ewe okanye hayi)?
3. Ingaba eli bali libali lokwenyani (ulwazi oluqinisekile) okanye libali elingqongileyo (akhiwe engqondweni)?

Phanda ufumane

4. Libizwa ngokuba yintoni iqela lombhoxo laMzantsi Afrika?
5. USiya ufunda kwizikolo ezingaphi?
6. Uqela ngowuphi umzobo uSiya ukudlalela iqela lombhoxo laMzantsi Afrika?

12 - IVEKI YESI-2



UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

Amalungiselelo

- Khumbuza abafundi ngenkqubo yesiqhelo yomSebenzi Owenza Wedwa.
- Funda isicatshulwa, *UTemba Bavuma* – umdlali weqakamba, njengomdlalo weklasi yonke.
- Bonisa indlela yokufunda ngokuthe cwaka. Hamba-hamba egumbini ngelixa abafundi beziqhelanisa noku.

- Xoxani ngento oyenzayo xa udibana negama ongalaziyo (jonga kwiphepha le-15).

Umsebenzi owenza wedwa

- Abafundi baphinda bafunde isicatshulwa, *UTemba Bavuma* – umdlali weqakamba.
- Phendula imibuzo.

Ngelixesha abafundi bezisebenzela, yenza uvavanyo lwe-EGRA nomfundi ngamnye.

iph. 20
30 imiz

UMHLA

UTemba Bavuma – umdlali weqakamba

UTemba Bavuma wazalelwa eKapa ngowe-1990. Njengomdlali weqakamba esikolweni, waba ngumqokosi obalaseleyo. Njengomdlali weqakamba, ubudala, wawulwa ukuba adlalele iqela leqakamba laMphantsi Afrika.

Funda ucinge
Ingaba eli bali libali lokwenyani?

Phanda ufumane
UTemba wazalelwa phi?

20 - IVEKI YESI-2 - LWESIBINI UKUFUNDA MEDHA



ULWAZI OLUSISISEKO

Ulwazi lwangaphambili

- Ufunde ntoni kwisicatshulwa sayizolo? (*Njengoko sikhula, sifunda izakhono ezintsha nolwazi olutsha.*)
- Sesiphi isakhono onqwenela ukusifunda njengokuba usakhula? (*umz. ukuqhuba*). Khuthaza abafundi babeneenjongo ezizezabo.

Funda ze nixoxe

- Hlaziya indlela esebenza ngayo itheyibhile, oko kukuthi, funda izihloko phezulu nagama asecaleni.
- Cacisa umsebenzi.

Yintoni abakwaziyo ukuyenza?

- Gxininisa into yokuba njengoko sikhula siyakwazi ukufunda izakhono ezintsha, yiyo loo nto sifunda ukwenza izinto ezintsha esikolweni nasekhaya.

Bhala

- Abafundi basebenza ngababini, bacinge ukuba zeziphi iibhokisi emabaziphawule ngokweqela lobudala ngalinye besebenzisa izakhono zokuqeqesha nengqiqo.

iph. 21
30 imiz

UMHLA

Yintoni abakwaziyo ukuyenza?

Phawula izinto esikwaziyo ukuzenza ngokubudala bekhaya.

	usana	umntwana	umntu omdala
ukufunda			
ukusela			
ukubaleka			
ukuzityela			
ukutsiba			
ukugxuba imoto			
ukuncuma			
ukukhwela emithini			

IVEKI YESI-2 - LWESIBINI 21



EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Krwela imigca

Ulwazi lwangaphambili

- Phinda ingoma usenza neentshukumo ngeengalo: ngokuthe tyaba, ngokuthe nkqo, ngokuxwesileyo, ngokuthe nkqo, ngokumelana (enye eceleni kwenye zingangqubani).

Umsebenzi (ipensile ephepheni)

- Nika imiyalelo efana nale, ubemnye ngexesha:
 - Krwela umgca onqamleza iphepha, obonisa intshukumo yembovane encinane erhubuluza inqumla iphepha/umvundla otsibayo/ukhozi olubhabhayo/inkumba ihamba, ishiya umzila obanzi wesilivere ngasemva.
 - Krwela umgca wokubonisa iimvakalelo, unomsindo/ubhidekile/uchulumancile.
 - Krwela umgca ucinezela ngamandla/ngokuthambileyo/ngecala lepensile.

Gcina amaphepha ekhuselekile, uza kugqibezela kwiveki ezayo.

30 imiz



Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa iklasi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.



EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

- Landela inkqubo yezitishi zemisebenzi yezemiThambo ekwiphepha lesi-5.

25 imiz

KNF
iph. 51-52



LWESITHATHU



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Izakhono zokuthetha

15 imiz

Ukulungelelanisa

Ekuhambeni kwale veki, abafundi baza kuthetha/bonisa ngezinto zabo zakudala.

Bonisa, ze uvumele abafundi babonise ubuchule bokuthetha.

- Yima ngxi.
- Jonga kubafundi.

- Bulisa utitshala kunye nabafundi, uze uzazise.
- Xela into oza kuthetha ngayo.
- Bonisa into oza kuthetha ngayo.
- Chaza ukuba kutheni ibalulekile nje.
- Emva koko, bulela utitshala kunye nabafundi ngokukumamela.



IZANDI

Bhala izivakalisi

15 imiz

KNF
iph. 8-13

- Qwalasela ulwazi lwabo lwezandi ebezifundiswe kwiBanga lesi-2.
- Bhala amagama opelo ali-10 ebhodini.
- Abafundi basebenzisa la magama ukubhala awabo amagama ali-10 kwiincwadi zabo zokubhalela.
- Ngamaqela, umfundi ngamnye ufunda esinye sezivakalisi zabo ngokuvakalayo.
- Iqela likhetha esona sivakalisi silungileyo. Loo mfundi ufundela ikhosi yonke isivakalisi sabo.





UKUBHALA NGESANDLA

Ukudibanisa
i, it

iph. 14

10 imiz

- Landela inkqubo yezifundo zokubhala ngesandla.
- Bhala ngokucinezela kumsebenzi wangoLwesithathu. Krwela eminye imigca yokuziqhelisa kwiincwadi zokubhalela.



UKUFUNDA

Isigama

iph. 6-11

15 imiz

Isigama

- Bonisa uze ufunde isigama seveki ebhodini okanye koonotsheluzi:

umphathi	indebe yehlabathi	itumente	isibonelelo semali sokufunda	isikolo ekuhlalwa kuso ngabafundi
----------	-------------------	----------	------------------------------	-----------------------------------

Ukufunda notitshala

- Phinda ufunde isicatshulwa kunye nabafundi.
- Ukukhangela amagama:** Njengoko nifunda, abafundi bajonga amagama esigama kwisicatshulwa kwiNYY. Bakrwela umgca ngaphantsi kwegama ngalinye okanye balibiyele.
- Xoxani ngentsingiselo yegama kumxholo webali.

Abafundi bacwangcisa oonotsheluzi ngokulandelelana kwealfabhethi.



USiyamthanda Kolisi ngumphathi wegela lambhaxo laMzantsi Afrika. Wayengumphathi ngeshwa uMzantsi Afrika uphumelela indebe yehlabathi yeMhlabho ngowama-2019. Eli ibali ngibomi bakhe.

6 - IVEKI YESI-2



UKUBHALA

Isigama

iph. 22

15 imiz


I-oral

- Funda imisebenzi ekwiNYY ngokuvakalayo.

Bhala

- Gqibezela imisebenzi yokubhala kwiNYY. Jonga uze ukorekisehe.
- Abafundi bakhuphela amagama oonotsheluzi amahlanu kwizichazi-magama zabo.

Bonisa oonotsheluzi besigama kudonga lwamagama.



UMLHA

U-Amandla Dlamini - umdlali webhola ekhatywayo

U-Amandla Dlamini wazalelwa KwaZulu-Natal. Wofunda ukudlala ibhola ekhatywayo ekhisheni. Khele shukela nemingqiso e-i-10, wadlalela igela lamakhwenkwe, kaze okubhola, wadlalela igela lamakhwenkwe. Uthe shukela nemingqiso e-i-10, wadlalela ibhanga-bhanga. Ngowama-2016 wogqalela okubhele uMantsha Afrika imidlalo i-i00!

Phanda ufumane

Wazolelwa phi u-Amandla?

Funda ucinge

Ucinga okuba kutheni u-Amandla wazolelwa igela lamakhwenkwe ngexesha wayemincinci?

Funda ucinge

Ucinga okuba kutheni u-Amandla wazolelwa igela lamakhwenkwe ngexesha wayemincinci?

Funda ucinge

Ucinga okuba kutheni u-Amandla wazolelwa igela lamakhwenkwe ngexesha wayemincinci?



UMHLA

Okumalunga nam

Gcwaliswa ifomu.

1. Igama: _____

2. Umhla wokuzalwa: _____

3. Indawo ozalelwe kuyo: _____

4. Idilesi yendawo ohlala kuyo ngoku: _____

5. Igama lomazwi/umntu okukhulisaayo: _____

6. Igama lesikolo: _____

7. Faka umbala kwiphondo ozalelwe kulo. _____

24 • IVEKI YESI-2 • I-WESTTHATHU



15

LWESINE



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Izakhono zokuthetha

Hlaziya isakhono sokuthetha. Jonga iintetho ebezisemgangathweni kusuku olungaphambili, ngexesha lezobuGcisa beQonga.

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Yeyiphi eyona ntetho uyithandileyo? Ngoba?
- **Ngababini:** Xelela iqabane lakho.
- **Yabelana** neklasi
- Bhala oko ukuqwalaseleyo encwadini yakho.

15 imiz



IZANDI

Gqibezela izivakalisi

- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwiBanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Bafunda amagama opelo ale veki kwiphepha le-122 leNYY.
- Chazela abafundi ukuba baza kuvavanywa kula magama.
- Abafundi baziqhelisa ukubhala la magama yonke imihla ekhaya.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekise umsebenzi kunye.
- Kumsebenzi owenziwa ekhaya, abafundi bafunda ukupela amagama opelo.




UKUBHALA NGESANDLA

Ukudibanisa
t, ti

- Landela inkqubo yezifundo zokubhala ngesandla.
- Bhala ngokucinezela kumsebenzi wangoLwesine. Krwela eminye imigca yokuziqhelisa kwiincwadi zokubhalela.

iph. 14

10 imiz



iph. 25

12 imiz

KNF
iph. 8-13

UMHLA

Gqibezela izivakalisi ngamagama achanekeleyo.

esihlwahlwazayo umhlaba ukunxwala

ihlathi luneshilwatha inxelo

1. Bekusitha ihlathi elingasekhaya.

2. Usana lwasekhaya seenwela.

3. Ulinda usebenzisa xa ebhala.

4. USipha akadlali kakuhle, uyathanda abanye abantwana.

5. Uchumile wesikolo sethu, kukhula imifuno eluhlaza.

6. Umama uthe ubawela isiselo _____.

IVEKI YESI-2 • LWESINE • 25



UKUFUNDA NOTITSHALA

Ulwimi

15 imiz

Yazisa isivakalisi

- Bhala isivakalisi ebhodini.
- Funda isivakalisi ngokucotha kunye nabafundi.
- Abafundi bafumana isivakalisi kwisicatshulwa esikwiphepha lesi-7.
- Bakrwela umgca/bafaka umbala isivakalisi.

Sebenza ngesivakalisi. Chonga:

- igama elisixelela ukuba simalunga **nabani** esi sivakalisi. (*uSiya*)

- **inani namagama** achaza umhla wokuzalwa kukaSiya.
- amagama asixelela ukuba uSiya wazalelwa **phi**.
- amagama aqala ngoonobumba abakhulu. Kutheni la mazwi eqala ngolo hlobo?
- igama/inxalenye yegama elisixelela ukuba oku kwenzeka kwixesha elidlulileyo. (*wazalwa*)

USiya wazalwa ngomhla we-16 kweyeSilimela, eMpuma Koloni.



UKUBHALA Ulwimi

15 imiz

Bhala

- Phindani nakhe isivakalisi kunye ngomlomo.
- Bonisa indlela yokusebenzisa isivakalisi njengepatheni. Umzekelo: *UNomsa wazalwa ngomhla we-10, kweyoMsintsi eNtshona Koloni.*
- Yalela abafundi bajonge upelo lweenyanga kwikhalenda yeklasi.
- Gqibezela iphepha lomsebenzi kwiNYY.

Fundela iqabane isivakalisi sakho, ujonge ukwakhiwa kwaso.

UNomsa wazalwa ngomhla we-10 kweyoMsintsi, eNtshona Koloni.



UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

Amalungiselelo

- Yalela abafundi ukuba bakhumbuzane ngenkqubo yesiqhelo yomSebenzi Owenza Wedwa.

Umsebenzi owenza wedwa

- Abafundi bafunda isicatshulwa, *UCaster Semenya – imbaleki*.
- Phendula imibuzo.

Ngelixesha abafundi bezisebenzela, yenza uvavanyo lwe-EGRA nomfundi ngamnye.

iph. 26

30 imiz



ULWAZI OLUSISISEKO

Uphononongo lwengqiqo

30 imiz

Xoxani

- **Ukukhula:** Sikhule njani ngokwasemzimbeni?
- **Izakhono:** Yintoni esikwaziyo ukuyenza ngoku esasingakwazi ukuyenza sisebancinci? Sesiphi isakhono ongxamele ukusifunda?
- **Iimbali zethu:** Ufunde ntoni ngembali yakho? Njani? Ufunde ntoni ngembali yomnye umntwana?
- **Iimpepha/lifomu:** Iimpepha/iifomu uzigcwalisa xa kutheni?

Uhlanganiso nesiNgesi: usuku lokuzalwa, ubudala/iminyaka, idilesi



EZOBUGCISA BEQONGA


Into yasebuntwaneni bam

30 imiz

Iintetho

- Qhubeka ngemiboniso yeentetho.

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa iklasi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.



EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

25 imiz

- Landela inkqubo yezitishi zemisebenzi yezemiThambo ekwiphepha lesi-5.

KNF
iph. 51-52



LWESIHLANU



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Uphononongo lweveki

15 imiz

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Yeyiphi eyona ntetho uyithandileyo esikolweni kule veiki? Ingaba ikhona into eye yakukhathaza?
- **Ngababini:** Xelela iqabane lakho.
- **Yabelanani:** Singenza njani ukuze sibengumphathi okunwabelayo ukufunda?



IZANDI

Ukufunda amagama ngexesha elibekiweyo

Fundela abafundi amagama.

Bafunda ngababini

- Bayatshintshana befundelana.
- Bekela ukufunda ixesha (1 umz).
- Abafundi babhala inani lwamagama abawafundileyo.
- Phindani ukuphucula inani.

Ukunika ingxelo

- Fundani amagama kwakhona nabafundi.
- Abafundi mabarhangqele amagama abangawafundanga kakuhle.

iph. 27

12 imiz

KNF iph. 16

UMHLA

Ukufunda amagama ngexesha elibekiweyo.

Funda la magama neqabane lakho. Phawulani amagama eningakwaziyo ukufunda. Fundani amagama eningawazange.

igusha	ujingi	phakama	phatha	umva
ngako	uyogika	ifoto	amagama	nguye
imbewu	ipilisi	idolo	bhaka	dlula
jikeleza	yima	ibali	ingaba	mhle
luma	igolide	yakha	ingxolo	xuba
qhekeza	igagaga	linda	ifowuni	umvundla
qhuba	ayeke	luma	vula	ubhuti
ufuna	azama	xhuma	vula	ngomso

Ngoku funda ngomzuzu omnye. Mangaphi amagama owafundileyo? Amagama awafunde ngakuchanelekeyo. Zama ukwenza ngaphakulu kwenqaku lakho kukupela.

IVEKI YESI-2 • LWESIHLANU • 27




UKUBHALA NGESANDLA

Uhlaziyo

iph. 14

10 imiz

- Landela inkqubo yezifundo zokubhala ngesandla.
- Khuphela umsebenzi wangoLwesihlanu. Krwela eminye imigca yokuziqhelisa kwiincwadi zokubhalela.



UKUBHALA

Bhala malunga nawe

15 imiz

KNF iph. 38-41

- Abafundi babhala umhlathi onezivakalisi ezimbini nangaphezulu.
- Cacisa inkqubo "yokuzama ukwenza" xa ubhala naxa upela wedwa.
- Yiba nengxoxo emfutshane yaphambi kokubhala malunga nokuba abafundi banokubhala ngantoni.
- Cacisa: Izivakalisi "ezigqithileyo" kumhlathi.
- **Khangela:** linkumbulo ezinika umdla.

Ngexesha ndandimncinci
Ndazalwa ... (umhla).
Ngexesha ndandimncinci,
ndandihlala e... (indawo).
Ndandijongwa/
ndakhuliswa ngu... wam.
Ndandithanda ...



UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

Amalungiselelo

- Yalela abafundi ukuba bakhumbuzane ngenkqubo yesiqhelo yomSebenzi Owenza Wedwa.

Umsebenzi owenza wedwa

- Abafundi bafunda isicatshulwa, UWayde van Niekerk – imbaleki.
- Phendula imibuzo.

Ngelixesha abafundi bezisebenzela, yenza uvavanyo lwe-EGRA nomfundi ngamnye.

iph. 28

30 imiz

UMHLA

UWayde van Niekerk – imbaleki

UWayde van Niekerk wazalelwa eNtshona Koloni ngowe-1992. Wayawuthanda umdlalo wombhaxo nokubaleka ezikweni. Wayabaleka ngqondo lwemitha ezingama-200 kwisikolo sakhe samabanga aphakamileyo. Kwage wazalula ephumela. Uthe elulwa nemigqalelo engama-20 ubudala, wathintshela kugqondo lwemitha ezingama-400. Wayabaleka inkqubo lekhobathi, waze waphumelela imbasa gegelide kwimidlalo yee-Olimpiki yango-2016.

Phanda ufumane
Yeyiphi le migama mibini ukwayde van Niekerk wayabaleka?
kunge

Ngokukokwam/ngokuzimela
Chaza enye imbaleki yeMzantsi Afrika eyaphumelela imbasa gegelide.

28 • IVEKI YESI-2 • LWESIHLANU UKUFUNDA WEDWA



UKUFUNDA

Ukufonononga

15 imiz

Funda uze uphendule imibuzo


- Fundela ikhosi izicatshulwa **zomSebenzi Owenza Wedwa**, ngokuvakalayo. Abafundi bayalandela ezincwadini zabo.
- Emva kwesicatshulwa ngasinye, funda umbuzo/imibuzo. Ngesicatshulwa banike iimpembelelo, abafundi bazikorekisha ngokwabo.

Xoxani ngesicatshulwa

- Sisiphi isicatshulwa osithande kakhulu? Ngoba?
- Ingaba lukhona ulwazi olutsha olufundileyo? Amagama amatsha?

Ukukorekisha

- Beka unobumba wokuqala wegama kuphela. Bhala ukuba ngubani ongakwaziyo ukufunda nokuphendula imibuzo.



ULWAZI OLUSISEKO

Ixesha lencwadi yomsebenzi yeDBE

Ukujonga uze unike ingxelo

- Jongani kunye imisebenzi eyenziwe kwiveki edlulileyo kwiincwadi zomsebenzi zeDBE.
- Abafundi mabenze izilungiso okanye bagqibezele imisebenzi yabo.

Gqibezela amaphepha eDBE

- Incwadi yomsebenzi yezaKhono zoBomi 1, iphepha lesi-2 nelesi-3.
- Incwadi yomsebenzi yoLwimi lwaseKhaya 1, iphepha lama-53 nelama-75.

30 imiz

Ibanga lesi-

3



Izakhono zoBomi ngesiXHOSA
Incwadi yoku-1
Ikota 1 & 2

Ikhosi

basic education
Department of Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA



EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

- Landela inkqubo yezitishi zemisebenzi yezemiThambo ekwiphepha lesi-5.

25 imiz

KNF
iph. 51-52



Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa ikhosi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.

UPHONONONGO LWEVEKI LUKATITSHALA

Kule veki:

- **ndizithathile iiNYY**, ndenza amanqaku ngokubhala.
- **ndiwajongile ndawakorekisha amanye amaphepha eNYY**, ndazibona iindawo ezifuna ukunikwa ingqwalasela okanye abafundi abafuna uncedo oluthe kratya.
- **ndiphinde ndajonga Isicwangciso seVeki**, ndazibona izifundo endingazigqibanga.
- **ndiyijongisisile incwadi yam**, ndaqaphela abafundi abadinga uncedo lokufundiswa bebodwa okanye ukuziqhelisa ukufunda bekunye nam kwiveki ezayo.

Ndilicwangcisele ixesha leveki ezayo:

- **lokuleqa umsebenzi wekhosi** okanye nayiphi na ingxelo efunekayo.
- **lokufundisa umfundi ngamnye**, umz. xa ikhosi ixakekile, okanye phambi kokungena kwesikolo.

Ndiyijongile iveki elandelayo ukuqinisekisa ukuba ndizilungiselele, kwaye ndinako konke endiza kukudinga ukuqala iveki.

ISICWANGCISO SEVEKI YESI-3



Okumalunga nam

OKUZA KWENZIWA KULE VEKI

Abafundi baza:

- Kufunda ngolandelwano lwexesha lwabantu abakwicandelo lezolonwabo.
- Kuthelekisa ulandelwano lwexesha lwabantwana babantu nabazilwanyana.
- Kuyila baze bafake imibala kumzobo wabo olula besebenzinsa intlobo ngeentlobo zombala oluhlaza okwesibhakabhaka.
- Kumamela baze bashukumele iindidi ngeendidi zomculo.
- Kubhala izivakalisi ezikwixesha eladlulayo.
- Kugxininisa kumxholo wokuba umbuzo wengqiqo uya kukuxelela ukuba ungayijonga phi impendulo.
- Kubhala elabo ulandelwano lwexesha.

AMALUNGISELELO

Oonotsheluzo

Isigama solwimi	umphathi	iNdebe yeHlabathi	itumente	isibonelelo semali sokufunda	isikolo ekuhlalwa kuso ngabafundi
	<i>captain</i>	<i>World Cup</i>	<i>tournament</i>	<i>scholarship</i>	<i>boarding school</i>
Isigama sezaKhono zoBomi	ukukhula		imbali	izakhono	
	<i>growth</i>		<i>history</i>	<i>skills</i>	

Isivakalisi

USiya wazalwa ngowe-16 kweyeSilimela eMpuma Koloni.
Siya was born on 16 June in the Eastern Cape.

IZIXHOBO ZEMISEBENZI

- Iphepha nepayinti okanye iikhrayoni zomsebenzi wezobuGcisa obuBonwayo
- Iindidi ezintathu ezahlukeyo zomculo eziza kwenzelwa iintshukumo
- Izixhobo ezifunekayo ukwenza imisebenzi ekhethiweyo yezemiThambo

UHLOLO

OlusiSiseko: Sebenzisa iEGRA okanye iNYY, iveki yoku-1 iphepha 2–4 (Mvulo–Lwesihlanu, ngamnye ngamnye)

Qokelela iincwadi uze uzikorekise: Ukubhala eyedwa (Ulandelelwano lwexesha, Lwesihlanu), Isigama nomsebenzi woLwimi (Lwesithathu), Ukubhala ngesandla (Lwesihlanu)

Olungekho sesikweni: Ubizelo (Lwesihlanu); Ukuziqhelanisa notyibiliko (Lwesine)

UPretty Yende

UPretty Yende wazalwa ngomhla wesi-6, kweyoKwindla kwiphondo laseMpumalanga, kufutshane naseSwatini. Wayelizibulo kusapho lwakhe, kwaye ukusukela eseyintwazana eselula wayewuthanda umculo. Rhoqo ngeCawe xa besendleleni eya ecaweni, umakhulu wakhe wayemfundisa amaculo ecawa.

Njengoko uPretty wayekhula, waba yinkokheli yolutsha ecaweni yakhe. Wayedla ngokucula eyedwa okanye akhokele umculo ecaweni, waye eya eqhela ukuculela abaphulaphuli. Kunjalo nje wayesebenza ngokuzimisela nasesikolweni, waze kwisikolo samabanga aphezulu wagqiba kwelokuba uza kufundela ukusebenza ebhankini. Umama wakhe wayengumfundisi-ntsapho, kwaye wayemkhuthaza uPretty kunye nabantwana bakowabo abancinci, notata wakhe wayezingca kuba intombi yakhe yayiqhuba kakuhle.

UPretty wayekwathanda ukumamela umculo kunomathotholo nakumabonakude. Yena nabahlobo bakhe babethanda ukucula nokudanisela iingoma zamva nje xa bekunye. Wava kumabonakude ingoma eyatshintsha ubomi bakhe. Wayebukele intengiso ye*British Airlines* xa weva i*The Flower Duet*. Wayengazange wayiva into enje ngaphambili. Uthi yabangathi uva into evela amazulwini.



Ngosuku olulandelayo esikolweni, wabuza utitshala wakhe womculo ngalo mculo. Waze utitshala wamchazela ukuba yi-opera. I-opera luhlobo lomculo olufumaneka kakhulu eYurophu, kwaye ngeloo xesha babengekho baninzi abantu abantsundu baseMzantsi Afrika ababeziimvumi ze-opera. Kodwa uPretty wayesazi ukuba nguwo kanye lo mculo awayefuna ukuwufunda. Wayeneminyaka eli-16 kuphela ubudala, kodwa wafumanisa ukuba kwakukho imvumi entsundu ye-opera eyayifundisa kwidyunivesithi yaseKapa. Wayitsalela umnxeba wamcela ukuba aye kuphicothwa ukuze afunde ukucula i-opera.

Hayi ke ukusuka apho zange aphinde ame. Wafunda i-opera eKapa, waza waqalisa ukuphumelela ukhuphiswano lwe-opera. Emva koko, wafunda ngakumbi e-Italy, ikhaya le-opera. Kungekudala wacelwa ukuba enze iindima eziphambili ze-opera e-Italy, eNew York, eMelika naseParis. Kungoku nje ungomnye weemvumi ze-opera ezaziwayo ehlabathini.

Ngubani owayenokucinga ukuba ingoma enye nje ingakukhokelela kuyo yonke loo nto!

MVULO



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

lindaba

15 imiz

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Ingaba unazo iindaba ezikhethekileyo? Ubusenza ntoni ngempela-veki?
- **Ngababini:** Xelela iqabane lakho iindaba zakho. Phendulanani ngobubele.

• Yabelanani:

- Abafundi abambalwa babelana neklasi ngeendaba zabo.
- Qinisekisa ukuba bonke abafundi bafumana ithuba kwikota nganye.
- Bhala oko ukuqwalaseleyo encwadini yakho.

Lungiselela abafundi iveki yesikolo ezayo (izinto ekufuneka baze nazo, iziganeko ezikhethekileyo, njl.).



IZANDI

Tshatisa umfanekiso negama

- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwiBanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Bafunda amagama opelo ale veki kwiphepha le-122 leNYY.
- Chazela abafundi ukuba baza kuvavanywa kula magama.
- Abafundi baziqhelisa ukubhala la magama yonke imihla ekhaya.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekise umsebenzi kunye.

iph. 30

12 imiz

KNF

iph. 8-13



UKUBHALA NGESANDLA

Ukudibanisa *nv, nv*


- Landela inkqubo yezifundo zokubhala ngesandla.
- Bhala ngokucinezela kumsebenzi wangoMvulo. Krwela eminye imigca yokuziqhelisa kwiincwadi zokubhalela.

iph. 29

10 imiz

KNF

iph. 31-37



UKUFUNDA

Utitshala ufunda ngokuvakalayo

Phambi kokufunda

- Ngabaphi abantu bolonwabo boMzantsi Afrika obaziyo? Benza ntoni?
- Bonisa umfanekiso kaPretty Yende okwiNYY (iphepha lama-36).
- Injongo: Njengokuba umamele ibali, qaphela ukuba wayeneminyaka engaphi uPretty mhla ethatha isigqibo sokuba ufuna ukuba yimvumi yeopera.

Fundela abafundi ibali

Emva kokufunda

- Jonga ingqiqo: Yintoni eyakhuthaza uPretty ukuba abe yimvumi ze-opera?
- Ngubani owakhe wawuva umculo we-opera? Wawonwabela?
- Khangela uze udlale ingoma, i*The Flower Duet* ukuze uve ukuba yintoni le yakhuthaza uPretty Yende.

NT
iph. 21

15 imiz



ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO

- Fundisa isifundo esisuka kwinkqubo yoLwimi lokuQala olongezelelweyo.

15 imiz





UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

Amalungiselelo

- Cacisa inkqubo kunye nendlela yokwenza **uMsebenzi Owenza Wedwa**.

Umsebenzi owenza wedwa

- Abafundi bafunda izivakalisi.
- Baphendula imibuzo.

Ngelixesha abafundi bezisebenzela, yenza uvavanyo lwe-EGRA nomfundi ngamnye.

iph. 31

30 imiz

KNF

iph. 28-30

UMHLA

Funda izivakalisi

Bathi besatheza ehlathini babona ihlasi.

Ubhuti ungenele ukhuphiswano lokwenyuka intaba.

ULiya ulungwe ginyaka wadumba ingalo.

ULizo ubuye emnyama lilanga laseBhaji.

Utata wam uyawuthanda umbhoxo.

Ngubani ulungwe ginyaka?

UKUFUNDA WEDWA IVEKI YESI-3 - MVULO - 31



ULWAZI OLUSISISEKO

Ulwazi lwangaphambili

- Khumbuza abafundi ukuba besithetha ngeembali zethu.
- Buza: Ungabonisa njani okwenzekileyo ebomini bakho **ngokulandelelana** okuchanekileyo? Xoxani nisebenzisa amanani, amagama (okokuqala, okwesibini, njl.) kunye nemihla.

Ulandelelwano lwexesha lukaSiya Kolisi

Ulwazi olutsha

- Enye indlela yokubonisa ixesha kukusebenzisa **ulandelelwano lwexesha**. Yindlela ecacileyo yokulandelanisa iziganeko.

Ukufunda notitshala

- Funda ulandelelwano lwexesha lobomi bukaSiya Kolisi.

Ukubhala

- Abafundi bagqibezela izivakalisi ezikwiNYY.

iph. 32

30 imiz

UMHLA

Ulandelelwano lwexesha lukaSiya Kolisi

Ulandelelwano lwexesha lusobonisa ukuba izinto zamaziko nini ngokulandelelana kwazo.

1991 Wazalelwa eMgama Kolisi

1998 Waga ukuhamba iSaka

2003 Wabangumphathi wegela lombhoxo lesikolo samabanga aphantsi

2004 Waga kwisikolo ekuhlalwayo kuso ngabafundi

2004 Wabangumphathi wegela lesikolo samabanga aphakamileyo iGree

2011 Waga kuhlala eKapa. Wadlalela igela lombhoxo leNtshona Kolisi

2013 Wachongwa ukuba adlalele uMzantsi Afrika (Springboks)

2018 Wabangumphathi weSpringboks

Kungela ngamnye, bhala u-1 okanye u-2 ukubonisa ukuba yintoni esenzeka kuqala okanye eyesibini.

Waga kwisikolo ekuhlalwayo kuso ngabafundi	Wabangumphathi wegela lombhoxo lesikolo samabanga aphantsi
Wadlalela uMzantsi Afrika	Wabangumphathi weSpringboks
Wadlalela igela lombhoxo leNtshona Kolisi	Wadlalela uMzantsi Afrika

32 - IVEKI YESI-3 - MVULO



EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Imigca (iyaqhubeka)

30 imiz

Ulwazi lwangaphambili

- Yeyiphi **imibala yendalo** emithathu engenakwenziwa ngokudibanisa eminye imibala? (*bomvu, mthubi nozuba*).


Xoxani

- Chonga imibala ezuba eyahlukileyo eklasini.
- Uzenza njani iintlobo ngeentlobo zemibala ezuba? (*Dibanisa umbala omhlophe, dibanisa intwana yombala omnyama, yenza ipeyinti ibe manzi kakhulu, njl.*)

Umsebenzi

- Fakela iintlobo ngeentlobo zemibala ezuba.

Yigcine kwindawo ekhuselekileyo iza kugqityezelwa kwiveki ezayo.



EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

- Landela inkqubo yezitishi zemisebenzi yezemiThambo ekwiphepha lesi-5.

30 imiz

KNF

iph. 51-52



Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa iklasi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.

LWESIBINI



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Isingqi

- Shicilela iintlobo ezahlukileyo zomculo ezi-2 ukuya kwezi-3, umz. owe-opera, owesintu nowangoku.
- Dlala umculo ngelixa abantwana bephulaphule.
- Cacisa ukuba luhlobo luni lomculo.
- Dlala uhlobo lomculo ngalunye kubekabini. Abantwana baqhwabe ngesingqi.

15 imiz



IZANDI

Ukuziqhelanisa

- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwiBanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Bafunda amagama opelo ale veki kwiphepha le-122 leNYY.
- Chazela abafundi ukuba baza kuvavanywa kula magama.
- Abafundi baziqhelisa ukubhala la magama yonke imihla ekhaya.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekise umsebenzi kunye.

iph. 33

12 imiz

KNF
iph. 8-13

UMHLA

Isinye nesininzi

Isinye sesibizo sithetha ngento enye kuphela. Sizizininzi sesibizo sithetha ngizinto ezingaphesha kwesinye. Izibizo zinesingqongileyo ezithetha ngento ezinye.

Isinye	Isininzi
ilori	ilori
umntu	abantu

A. Fakela izimphambili zesinye okanye zininzi.

Isinye	Isininzi
1. abo	abo
2. ama	ama
3. imi	imi
4. izi	izi
5. isi	isi
6. um	um

B. Bhala izininzi zala magama kwincwadi yakho yokubhalela.

1. abo 2. ama 3. imi 4. izi 5. isi 6. um

IVEKI YESI-3 • LWESIBINI • 33



UKUBHALA NGESANDLA

Ukudibanisa

mv, mvv

- Landela inkqubo yezifundo zokubhala ngesandla.
- Bhala ngokucinezela kumsebenzi wangoLwesibini. Krwela eminye imigca yokuziqhelisa kwiincwadi zokubhalela.

iph. 29

10 imiz

LWESIBINI

x	m	mv	mvv	mvv	mvv	mvv	mvv	mvv	mvv
x	mn	mnv	mnv	mnv	mnv	mnv	mnv	mnv	mnv



UKUFUNDA NOTITSHALA

Utyibiliko

Ukufunda notitshala

- Funda nawaphi na amaphepha amabini ebali kunye nabafundi.
- Bonisa **utyibiliko nemvakalelo** (qaphela iziphumlisi, ubizo-magama, dlulisela intsingiselo ngemvakalelo, funda ngesantya esifanelekileyo).

Ukufunda ngababini

- Isibini sifunda iphepha sinikana amathuba, siziqhelanise nokufunda ngokutyibilika nangemvakalelo.
- Mamela uze unike ingxelo njengoko uhamba-hamba egumbini.

iph. 6-11

15 imiz

Ibali likaSiya Kolisi

Ukufunda ngababini: Ukuqonda ngokucinezela ngokutyibilika nangemvakalelo. Ukuqonda ngokucinezela ngokutyibilika nangemvakalelo. Ukuqonda ngokucinezela ngokutyibilika nangemvakalelo.

6 • IVEKI YESI-2



UKUBHALA

Ingqiqo 2

Phonononga iintlobo zemibuzo

- Phinda ujonge imibuzo ethi, **khangela ufumane** nemibuzo ethi, **ngokukokwam**.

Funda ze nixoxe ngemibuzo

- Cacisa **ukujongisisa**: Cacisa ukuba kwimibuzo **khangela ufumane** ubuyela emva **uhambise amehlo** ebalini (hambisa iliso lakho ngokukhawuleza ephepheni okanye emaphepheni) ukuze ufumane igama okanye umfanekiso othile.

Bhala

- Gqibezela umsebenzi kwiNYY.

Jonga uze ukorekisehe

iph. 13

15 imiz

UMHLA

Ingqiqo 2

Phinda ufunde **Ibali likaSiya Kolisi**.

Phinda ufumane

1. Khangela igama abafundi alithetha into enye ngama inkokothi yegale. Libhale phantsi.
2. Bhala inkokothi ezizolile ukuba ngexesha uSiya wayesemcimbi wayengenamali ingale.
3. Zeziphi izivako ezimbini uSiya owakhe wahlala kuwo?

Ngokukokwam/ngokuzimela

4. Ucinga ukuba kutheni uSiya ekwazi ukufaka amaphupha akhe?
5. Uqinisekisa elakho iphepha?

IVEKI YESI-2 • 13



UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

Amalungiselelo

- Qhubeka uqalise ukujonga abafundi befunda bebedwa.

Umsebenzi owenza wedwa

- Abafundi bafunda ibali, *UPretty Yende – imvumi ye-opera*.
- Baphendula imibuzo.

Ngelixesha abafundi bezisebenzela, yenza uvavanyo lwe-EGRA nomfundi ngamnye.

iph. 34

30 imiz

UMHLA

UPretty Yende
- Imvumi ye-opera

1985 Wazalwa ngomhlaba wesi-6 kweyokwindi, eMpumalanga

1997 Wazalwa ukucala kwigale lolutha lecala

2001 Wela umculo we-opera kumabandakude

2003 Waza eKapa ukuya kufundela i-opera

2005 Waza e-Tsali, waphumela amabhoso amantshi

2008 Waba ndumosi, kenza icweco lomculo we-opera

Phanda ufumane
Wazalwa phi uPretty?

Ngokukhuluma/ngokuzimela
Wakhe wawu umculo we-opera? Phi?

34 • IVEKI YESI-3 • LWESIBINI • UKUFUNDA WEDWA



ULWAZI OLUSISISEKO

Gxininisa ekuphuhliseni izakhono zokuthekelela nokuthelekisa

Ulwazi lwangaphambili

- Ngabaphi abantwana bezilwanyana owakhe wababona? (Badwelise ebhodini.)
- Babehluke njani kubantwana babantu?
- Yintoni abantwana bezilwanyana abakwaziyo ukuyenza engenakwazi ukwenziwa ngabantwana babantu?

Abantwana babantu nabezilwanyana

- Yintoni abantwana babantu abakwaziyo ukuyenza engenakwazi ukwenziwa ngabantwana bezilwanyana?

Ulwazi olutsha

- Funda ulandelelwano lwexesha lwabantwana bendlovu nolwabantwana babantu.
- Thelekisa ujonge: Yintoni efanayo, iyintoni eyohlukileyo?

Bhala

- Abafundi bagqibezela umsebenzi kwiNYY.

iph. 35

30 imiz

UMHLA

Abantwana babantu nabezilwanyana

Funda ulandelelwano lwexesha.

Ulandelelwano lwexesha lwabantwana bendlovu	Ulandelelwano lwexesha lwabantwana babantu
Figure ezi-2 uyaphakama	Figure e-1 uyabona
Figure ezi-3 ugale ukuhamba	Figure ezi-2 usala ubisi
Figure ezi-4 usala ubisi	Figure ezi-3 uyacuma
Figure ezi-5 uyabona	Figure ezi-4 amazinzo okugalela
Figure ezi-6 angajitya ingca kunye namagqabi	Figure ezi-5 ugale ukuhamba nokutheka

Thelekisa abantwana. Bhala indlela okanye umntu.

1. Ngomphi umntwana ahambe kugale?
2. Ngomphi umntwana osala ubisi kugale?
3. Ngomphi umntwana okwazi ukubona kugale?

IVEKI YESI-3 • LWESIBINI • 35



EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Gqibezela umsebenzi wobugcisa

- Bhala phezu komgca ngekoki emnyama.

Xoxani


- Bonisa iqabane umsebenzi wakho wobugcisa. Chaza iindidi ezahlukileyo zemigca kumzobo wakho.

Bonisa

Imigca (iyaqhubeka)

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa ikhosi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.

30 imiz



EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

- Landela inkqubo yezitishi zemisebenzi yezemiThambo ekwiphepha lesi-5.

25 imiz

KNF
iph. 51-52



LWESITHATHU


UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA **Isingqi**

15 imiz

- Qalisa isingqi sokuqhwaba. Abafundi bayangenelela. Tshintsha isingqi.
- Dibanisa nokubethwa komzimba (ukunqakra iminwe, ukubetha amathanga, izandla emgangathweni).
- **Izibini:** Tshintshisanani nifundisane isingqi sokuqhwaba.
- **Yabelana:** Ezinye izibini zenza/zibonisa izingqi zazo.


IZANDI **Gqibezela izivakalisi**

15 imiz

- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwiBanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Bafunda amagama opelo ale veki kwiphepha le-122 leNYY.
- Chazela abafundi ukuba baza kuvavanywa kula magama.
- Abafundi baziqhelisa ukubhala la magama yonke imihla ekhaya.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekiske umsebenzi kunye.
- Qwalaselani amagama opelo.

KNF
iph. 8-13


umbhako
ibhobhile
ibhakala
ingubo
ingono
ithuba
ithoba
intuku
intambo
intombi


UKUBHALA NGESANDLA **Ukudibanisa**
fu, fvu

iph. 29

10 imiz

- Landela inkqubo yezifundo zokubhala ngesandla.
- Bhala ngokucinezela kumsebenzi wangoLwesithathu. Krwela eminye imigca yokuziqhelisa kwiincwadi zokubhalela.


UKUFUNDA **Isigama nolwimi**

15 imiz

Hlaziya isigama nolwimi

- Funda oonotsheluzi beveki ephelileyo.
- Abafundi bajonga umsebenzi weNYY weveki ephelileyo, benze izilungiso.

Uhlanganiso nesiNgesi

- Thetha ngendlela amagama abizwa ngayo ngesiNgesi.
- Xoxa ngendlela yokusivakalisa isivakalisi ngesiNgesi. Bhala ebhodini.
- Xoxani ngomsebenzi wegama ngalinye kwisivakalisi.

captain
World Cup
tournament
scholarship
boarding school
growth
history
skills

Siya was born on 16 June in the Eastern Cape.


UKUBHALA **Ukuhlela**

15 imiz

Umsebenzi wezivakalisi

- Abafundi basebenza ngezivakalisi zabo zeveki ephelileyo.
- Chaza ikhrayitheriya yokuhlela yale veki (ezimbini okanye ezintathu).
- Abafundi bahlela ezabo izivakalisi besebenzisa le khayitheriya.

Ukufunda

- Abafundi bafundela amaqabane abo izivakalisi zabo.
- Abafundi abambalwa bafundela iklasi izivakalisi zabo.

KNF
iph. 38-41**Ingaba ndiye**

- Ndafaka iziphumlisi?
- Ndasebenzisa ixesha lentetho elichanekileyo?
- Ndasebenzisa amagama amabini achazayo?



UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

Amalungiselelo

- Qhubeka uqalise ukujonga abafundi befunda bebodwa.

Umsebenzi owenza wedwa

- Abafundi bafunda isicatshulwa, *UTrevor Noah – iqhula*.
- Baphendula imibuzo.

Ngelixesha abafundi bezisebenzela, yenza uvavanyo lwe-EGRA nomfundi ngamnye.

iph. 37

30 imiz

UMHLA

UTrevor Noah – iqhula

1984 Wazalelwa eSoweto, eGauteng
1990 Wagqisa ukuhamba isikolo eHowutini
2002 Wagqisa ukufunda
2003 Wasebenza njengeqhula
2004 Wagqizela inkqubo zikamabonakude ezahlukeneyo eMazantsi Afrika
2011 Wafudukela e-United States
2015 Waba ngumhuzi wamabonakude amakhulu kamabonakude waseMelika

Phanda ufumane
UTrevor Noah wafudukela kweliphi izwe?

Ngokukokwam/ngokuzimela
Yintoni umsebenzi weqhula?

UKUFUNDA WEDWA IVEKI YESI-3 - LWESITHATHU - 37



ULWAZI OLUSISISEKO

Ulwazi oluyinyani malunga nam

Funda ze nixoxe

- Jonga umsebenzi ngamnye.
- Fumana imizekelo kubafundi.

Imisebenzi

- Abafundi bagqibezela iphepha lomsebenzi.
- Jonga iimpendulo kunye nabafundi.

iph. 38

30 imiz

UMHLA

Iphepha lamangaku ngam

Yenza uluhlu lweminyaka oyiphilileyo.

Ungaka	Ubudala/Iminyaka
	Ndazalwa

Faka umbala kwingango yakho gokuqalwa.

EyoMqungu	EyoMdumba
EyoKwindla	UTshazimpuzi
UCanzibe	EyoSikimela
EyoKhala	EyoThupha
EyoMintzi	EyoDwarha
EyoMkanga	EyoMnga

Faka umbala kumaphondo okhe wahlala kuwo.

Ngoma	Kusasa	Gatshani	Umdlalo	Umdlalo	Umdlalo	Umdlalo	Umdlalo

Bhala izinto ezine ozenzayo ngoku owawungakwazi ukuzenza ukuzalwa kwakho.

38 - IVEKI YESI-3 - LWESITHATHU



EZOBUGCISA BEQONGA

Ukushukumela umculo

Lungisa

- Khetha iintlobo ezintathu ezahlukeneyo zomculo. (Zisenokuba zezi bezidlalwa ngexesha le-Orali kodwa zibende).

Mamela uze ushukume

- Mamela ingoma enye kabini.
- Kwisihlandlo sesibini, yalela abafundi ukuba bashukume ngokukhululekileyo okanye badanise.
- Yenza ngolu hlobo nangezinye iingoma.

Xoxani

- Zahluke njani ezi ngoma?
- Yeyiphi eyona bekulula ukuyidanisela?
- Abafundi bavotela umculo abafuna ukuwudanisela ngomso.

30 imiz



EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

- Landela inkqubo yezitishi zemisebenzi yezemithambo ekwiphepha lesi-5.

25 imiz

KNF
iph. 51-52



Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa iklasi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.

LWESINE


**UKUPHULAPHULA
NOKUTHETHA**
**Indlela yokuthetha
efanelekileyo**

15 imiz

Xoxani

- Yeyiphi indlela yokuthetha efanelekileyo enokusetyenziswa eklasini? (*ngokuzithoba, ngobubele*).

Ukuziqhelanisa ngababini

- Ukucela into komnye umfundi ngokuzithoba.

- Ukucela imvume yokuphuma kutitshala.
- Ukubuza utitshala ukuba angathanda na ukuba ucoce ibhodi.
- Uzazisa kwiqela.


IZANDI
Ukuziqhelanisa

15 imiz

KNF
iph. 8–13



- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwiBanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Bafunda amagama opelo ale veki kwiphepha le-122 leNYY.
- Chazela abafundi ukuba baza kuvavanywa kula magama.
- Abafundi baziqhelisa ukubhala la magama yonke imihla ekhaya.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekise umsebenzi kunye.


UKUBHALA NGESANDLA
**Ukudibanisa
r, tr**

iph. 29

10 imiz

- Landela inkqubo yezifundo zokubhala ngesandla.
- Bhala ngokucinezela kumsebenzi wangoLwesine. Krwela eminye imigca yokuziqhelisa kwiincwadi zokubhalela.


UKUFUNDA
Ukuziqhelanisa notyibiliko

iph. 39

15 imiz

Ukufunda ngababini

- Isibini sifunda isicatshulwa sinikana amathuba.
- Jonga ixesha xa befunda (1 umz). Bhala inani lwamagama afundiweyo.
- Phinda.

Ingxelo

- Funda isicatshulwa kunye nabafundi.
- Abafundi babiyela igama abangalifundanga ngokuchanekileyo.
- Bakhuthaze ukuba baziqhelanise nokufunda emakhaya.

UMHLA

Ukuziqhelanisa notyibiliko

Zigxilele ukufunda la magama neqabane lakho. Fundani notyibiliko. Gaphelani iziphumli.

U-Siya Kalsi wazalwa ngomhla we-16 kveSilimela ngowe-1941, ezalelwa eMpuma Koloni. Kwathi akuba neminyaka eli-12, iqela lesikolo lase kufala kwitumente yombhoxo yezikola ezinkulu eMossel Bay. Kuloo tumente wonke umntu wayebona indlela u-Siya adlala ngayo. Waye wanikwa isibonelela semali yokufunda sombhoza sakufunda kwiskola ekuhlalwa kuso ngabafundi, eGqeberha njengomnye wabantwana abahlala esikolweni.	6
Wayekuthanda ukuhlala esikolweni. Wayadlala umbhaxo kwiskola sakhe, waze kungaba wakhe wakugqibela kwiskola samabanga aphakamileyo wakhetelwa ukudlala kwiqela lombhoxo lezikola zaseMpuma Koloni.	12
Ngoku funda ngomzuzu omnye. Mangaphi amagama awafundileyo? Zama ukwenza ngaphezulu kwenqaku lakho laseqela.	18
	24
	30
	36
	42
	48
	54
	60
	66
	72

Inani lamagama endingawazanga.	1	2
--------------------------------	---	---

IVEKI YESI-3 • LWESINE • 39


UKUBHALA NOTITSHALA
Ukwenza ulandelelwano lwexesha

15 imiz

KNF
iph. 38–41

- Sebenza kunye nabafundi nenze ulandelelwano lwexesha ngobomi bomnye wabafundi.
- Iimpawu:** Ifomathi yethayibhile, sebenzisa ixesha lentetho elinye, izivakalisi azinyanzelekanga; iziganeko ezibalulekileyo, ngokulandelelana.

**(Igama) Ulandelelwano
lwexesha lukaLizo**

Unyaka	Ubudala	Okwenzekayo
2015	0	Wazalwa
2019	4	Kwazalwa udadewabo
2022	7	Waqala isikolo
2022	7	Ibanga 1
2023	8	Wafudukela eNelspruit
2023	8	Waphumelela Ibanga 2



UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

Amalungiselelo

- Qhubeka uqalise ukujonga abafundi befunda bebedwa.

Umsebenzi owenza wedwa

- Abafundi bafunda isicatshulwa, *UBrenda Fassie – imvumi ekwangumbhali weengoma*.
- Baphendula imibuzo.

Ngelixesha abafundi bezisebenzela, yenza uvavanyo lwe-EGRA nomfundi ngamnye.

iph. 40

30 imiz

UMHLA

UBrenda Fassie – imvumi ekwangumbhali weengoma

1964 – Wazalelwa eKapa, ngomhla wesi-3 kwagqibezayo

1970 – Wagala isikalo

1977 – Wafudukela eRhawutini ukuya kucala

1983 – Ukukhutshwa kwecwecwe lokuqala

1998 – Waphumelela iimbasa zecwecwe likaMameza

2004 – Eyona ngoma ethandwayo yeshumi leminyaka: 'Vul' indlela

Funda ucinge
UBrenda wafudukela eRhawutini eneningaka emingaphi?

Ngokukakwani/ngokuzimela
Bhala igama lengoma eculewa ngubrenda Fassie.

40 • IVEKI YESI-3 • lwESINE

UKUFUNDA WEDWA



ULWAZI OLUSISISEKO

Ukukhula namazinyo

30 imiz

Ulwazi olutsha

- Xa sizalwa, sizalwa sinamazinyo obisi angama-26 phantsi kweentsini zethu. Njengoko sikhula, elinye iqela lamazinyo lilindele ukutyhalela ngaphandle amazinyo obisi. Lawo ngamazinyo ethu asisigxina.

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- Ingaba uyayazi ukuba aphuma nini amazinyo akho okuqala obisi? (Uza kubuza kubani?)
- Wawuneminyaka emingaphi mhla ukhumka izinyo lakho lokuqala lobisi?
- Inkumbulo: Wawuphi mhla ukhumka? Wenza ntoni?
- Mangaphi amazinyo asisigxina onawo ngoku?

Dibanisa

- Besithetha ngendlela esikhula ngayo, iimbali zethu kunye nendlela esifunda ngayo izinto ezintsha.
- Yabelana ngephepha lakho lolwazi oluyinyani malunga nawe (kwiNYY iphepha lama-38) kunye neqabane/iqela lakho.

Oonotsheluzi beelwimi ezimbini

Lithetha ukuthini eli gama (inkcazelo)? Leliphi igama lesiNgesi elifana nalo?

- ukukhula
- imbali
- izakhono



EZOBUGCISA BEQONGA

Intshayelelo

- Mamela umculo okhethiweyo.

Cwangcisa uze uziqhelanise

- Yahlula iklasi ibengamaqela amane.
- Iqela ngalinye lithetha ngokuziqhelanisa nomdaniso olula.

Linganisa

- Iqela ngalinye linikana amathuba ukudanisela umculo.

Ukushukumela umculo

30 imiz

Vavanya

- Khuthaza izimvo ezakhayo emva komdlalo ngamnye.
- Nika ezakho izimvo ngeentshukumo nokulungelelaniswa komculo, ukugcina isingqi esizinzileyo kunye nokutolika komculo.



Kwasicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa iklasi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.



EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

- Landela inkqubo yezitishi zemisebenzi yezemithambo ekwiphepha lesi-5.

25 imiz

KNF
iph. 51-52



LWESIHLANU



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Ukuphonononga iveki

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Ngento enye ibikunika umdla oyifundileyo kule veki? Ingaba isakhono okanye ulwazi lwakho lukhule njani kule veki?
- **Ngababini:** Xelela iqabane lakho.
- **Yabelanani:** Yintoni oza kuyenza ngendlela eyahlukileyo kwiveki ezayo?

15 imiz



IZANDI

Ubizelo

Landela inkqubo yobizelo ekwiphepha lesi-8.

Amagama obizelo: Ilanga, ibhola, imvumi, i-opera, umculo, iqhula, ngokuzithoba, kuphicothwa, umculo, entsundu.**Isivakalisi sobizelo:** Umama uphunga iti ehleli ebhedini.

- Abafundi balungisa iincwadi zabo zokubhalela.
- Bafunda igama ngalinye ngokucutha, kabini.
- Bafunda isivakalisi kabini.
- Ukuze bazikorekise ngokwabo okanye bakorekishane, bhala amagama okanye izivakalisi ebhodini.

15 imiz

KNF
iph. 10

ilongwe
ilanga
ingedle
ingacu
ingulo
ibhoma
ibhokhwe
ibhedi
ibhakala
ibhekile

iph. 29


10 imiz



UKUBHALA NGESANDLA

Uhlaziyo

- Landela inkqubo yezifundo zokubhala ngesandla.
- Bhala ngokucinezela kumsebenzi wangoLwesihlanu. Krwela eminye imigca yokuziqhelisa kwiincwadi zokubhalela.



UKUBHALA

Ulandelelwano lwexesha lwam

- Abafundi bayila ulandelelwano lwexesha olungangemigca emi-4–6.
- Khetha naziphi na iziganeko ezifanelekileyo okanye ezibalulekileyo ebomini bakho.
- Itheyibhile kufuneka izotywe ngepensile (imigca emi nkqo kuphela).
- Ungajonga kwifomu yolwazi olumalunga nawe ukuba kukho imfuneko (IzaKhono zoBomi).
- **Qaphela:** ukuba usebenzise ifomathi echanekileyo, ixesha lentetho elinye, ukhethe iziganeko ezifanelekileyo malunga naye, ngokulandelelana.

15 imiz

KNF
iph. 38–41

Ulandelelwano lwexesha lwam

Unyaka	Ubudala	Okwenzekayo



UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

Amalungiselelo

- Qhubeka uqalise ukujonga abafundi befunda bebodya.

Umsebenzi owenza wedwa

- Abafundi bafunda isicatshulwa, *ULira – imvumi*.
- Abafundi baphendula imibuzo.

Ngelixesha abafundi bezisebenzela, yenza uvavanyo lwe-EGRA nomfundi ngamnye.

iph. 41

30 imiz

UMHLA

ULira – imvumi

1979 Wazalelwa eGauteng, ngomhla we-14 kwigqirwindi

1986 Waphela isikolo eDreyton

1986 Waphumelela ibanga le-12

1987 Wafundela izifundo ze-Accounting

2003 Izwane lokugqala: All my love

2010 Wacula kwiNdebe yeHlabathi yeFIFA nangomhla wokuzalwa koNelson Mandela, egqibisa imingqubo engama-12

2016 Izwane lozi-6 lofika kwiigqirwindi

2016–2019 Waba ngomnye wezazi kwiThe Voice South Africa

Phanda ufumane

ULira wazalelwa kweliphi iphondo?

Ngakukakwam/ngokuzimela

Yeyiphi egona imvumi yaseMzantsi Afrika uyithandayo?

UKUFUNDA WEDWA IVEKI YESI-3 • LWESIHLANU • 41



UKUFUNDA

Ukuphonononga umsebenzi owenza wedwa

15 imiz

Funda uze uphendule imibuzo


- **Fundela** iklasi izicatshulwa zomsebenzi owenza wedwa zale veki ngokuvakalayo. Abafundi bayalandela ezincwadini zabo.
- Emva kwesicatshulwa ngasinye, funda umbuzo/imibuzo. Nika iimpendulo, abafundi bazikorekisha ngokwabo.

Xoxani ngezicatshulwa

- Sesiphi isicatshulwa osithande kakhulu? Ngoba?
- Ingaba lukhona ulwazi olutsha olufundileyo? Amagama amatsha?

Ukukorekisha

- Beka unobumba wokuqala wegama kuphela. Bhala ukuba ngubani ongakwaziyo ukufunda nokuphendula imibuzo.
- Phendula imibuzo.



ULWAZI OLUSISISEKO

Ixesha lencwadi yomsebenzi yeDBE

Ukujonga uze unike ingxelo

- Jongani kunye imisebenzi eyenziwe kwiveki edlulileyo kwiincwadi zomsebenzi zeDBE.
- Abafundi mabenze izilungiso okanye bagqibezele imisebenzi yabo.

Gqibezela amaphepha eDBE

- Incwadi yomsebenzi yezaKhono zoBomi 1, iphepha lesi-4 nelesi-5.
- Incwadi yomsebenzi yoLwimi lwaseKhaya 1, iphepha le-11 nele-19.

30 imiz




EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

- Landela inkqubo yezitishi zemisebenzi yezemiThambo ekwiphepha lesi-5.

25 imiz

KNF
iph. 51-52



Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa iklasi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.

UPHONONONGO LWEVEKI LUKATITSHALA

Kule veki:

- **ndizithathile iINYI**, ndenza amanqaku ngokubhala.
- **ndiwajongile ndawakorekisha amanye amaphepha eNYI**, ndazibona iindawo ezifuna ukunikwa ingqwalasela okanye abafundi abafuna uncedo oluthe kratya.
- **ndiphinde ndajonga Isicwangciso seVeki**, ndazibona izifundo endingazigqibanga.
- **ndiyijongisisile incwadi yam**, ndaqaphela abafundi abadinga uncedo lokufundiswa bebodwa okanye ukuziqhelisa ukufunda bekunye nam kwiveki ezayo.

Ndilicwangcisele ixesha leveki ezayo:

- **lokuleqa umsebenzi weklasi** okanye nayiphi na ingxelo efunekayo.
- lokufundisa **umfundi ngamnye**, umz. xa iklasi ixakekile, okanye phambi kokungena kwesikolo.

Ndiyijongile iveki elandelayo ukuqinisekisa ukuba ndizilungiselele, kwaye ndinako konke endiza kukudinga ukuqala iveki.

ISICWANGCISO SEVEKI YESI-4

Iimvakalelo



OKUZA KWENZIWA KULE VEKI

Abafundi baza:

- Kuqonda ngakumbi malunga neemvakalelo ngokufunda ibali nangetshathi yeYFF.
- Kudlala indima, baze bafunde ukulawula iimvakalelo ezithile (umsindo, ixhala).
- Kuxoxa ngomfanekiso odumileyo (uMona Lisa), baze bazobe umfanekiso womhlobo wabo.
- Kubonakalisa iimvakalelo ngokusebenzisa inkangeleko yobuso kumdlalo.
- Kungena ezinyaweni zomlinganiswa oyintloko ebalini elingotatomkhulu okanye umakhulu ongaqhelekanga.
- Kufunda ngamalaphu nempahla yesintu yeendawo ezithile zaseAfrika.
- Kubhala izivakalisi, nenkcazelo yempahla, besebenzisa izichazi.

AMALUNGISELELO

Oonotsheluzo

Isigama solwimi	uyazingca	ilaphu	iipatheni	iqhiya	ukuthetha ngendlela engaqhelekanga
	<i>proud</i>	<i>fabric</i>	<i>pattern</i>	<i>head-tie</i>	<i>speaking in a strange accent</i>
Isigama sezaKhono zoBomi	ixhala	ukuzola	ukucaphuka		
	<i>anxious</i>	<i>calm</i>	<i>angry</i>		

Isivakalisi

Lalithwele iqhiya enkulu, enombala ogqamileyo.
She wore a large, colourful head-tie.

IZIXHOBO ZEMISEBENZI

- Iipensile namaphepha zomsebenzi wezobuGcisa obuBonwayo
- Izixhobo ezifunekayo ukwenza imisebenzi ekhethiweyo yezemiThambo

UHLOLO

Thatha iincwadi uze ukorekise: Ukubhala wedwa (inkcazo yempahla, Lwesihlanu); Isigama (Lwesithathu); Izivakalisi (Lwesine); Ukubhala ngesandla (Lwesihlanu)

Olungekho sesikweni: Ukufunda amagama ngexesha elibekiweyo (Lwesihlanu)

UPitso woyisa uloyiko lwakhe

Eli bali liyintshayelelo kumxholo wezaKhono zoBomi othi, limvakalelo. Utitshala ulifunda ngoMvulo (jonga kwiNT, iphepha lama-54). Linxulumana nebali lemifanekiso kwisifundo sangoLwesibini soLwazi olusiSiseko kwiNYY, iphepha lama-64. Abafundi bangalandela ibali lemifanekiso kwiNYY zabo njengoko ufunda.

Njengoko ufunda, linganisa ngaphandle kokuthetha iimvakalelo kunye neentshukumo.



Yayiyimini yezemidlalo esikolweni sikaPitso. UPitso wayeza kubaleka kugqatso lwerileyi. Wayelindele ithuba lakhe lokubaleka nokhuni.

UPitso wayebonakala exhalabile. Intliziyo yakhe yayibetha ngamandla. Umlomo wawomile nezandla zimanzi tixi.

Wacinga uPitso, “Kuza kuthini xa ndinokuwisa ukhuni? Wonke umntu uza kundihleka.”

Ngoko nangoko uPitso wakhumbula amazwi aphume kuyise kusasa, “Yehlisa umoya, uphefumle ngokucutha. Zixelele ukuba ndingakwenza oku. Yiba nombono wakho uthatha ukhuni.”

Waphola uPitso, wazixelela ukuba, “Ndingakwenza oku!” Wazibona ephumelela ugqatso. Wathatha ukhuni waphaphatheka oku komoya. Abazali bakhe bamkhuthaza. Wonke umntu waqhwaba. Wanqumla umgca.

Wenze kakuhle, Pitso!



UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

- **Ukufunda ngamaqela:** Iqela A kunye noB
- **Umsebenzi owenza wedwa:** Izivakalisi

iph. 53

30 imiz

KNF

iph. 28-30

UMHLA

Funda izivakalisi

Utata usikwe yimela wananxaba esandleni.

Ixhalanga yintaka etya inyama yezinye izilwanyana.

Usisi ebegula waze wanyangwa lixhwele.

Ihlwempu licela amaliza.

Ibhobhathane liyazithanda iintyatyambo.

? Yintoni le ithonda iintyatyambo?

UKUFUNDA WEDWA IVEKI YESI-4 - MVULO - 53



ULWAZI OLUSISISEKO

Yaziza umxholo

- Uziva njani namhlanje? Ingaba uziva wonwabile? Udlamkile? Uvuya?

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Wazi ntoni ngeemvakalelo? Ungazichaza iimvakalelo ozaziyo?
- **Ngababini:** Xelela iqabane lakho.
- **Yabelanani:** Yabelana neklasi.

Iimvakalelo

Ukubhala notitshala: Itshathi yeYFF

- Bhala iingcebiso zabafundi kumqolo wokuqala wetshathi yeYFF ebhodini.
- Buza: Yintoni onqwenela ukuyifunda ngeemvakalelo kule veki? Bhala kumqolo wesi-2.
- Abafundi bakhetha into enye kumqolo ngamnye bayikhuphele kwiitshathi zabo zeYFF.

iph. 57

30 imiz

Into esiYaziyo

Into esiFuna ukuyazi

Into esiyiFundileyo



EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Umboniso wobugcisa: Umfanekiso

Malunga nomzobo

Lo mfanekiso ngomnye weyona mizobo edumileyo ehlabathini. Abantu bema ngomgca ukuza kubona lo mzobo kumboniso wobugcisa, bayawufota, bawukope babhale neencwadi ngawo. Wakhe wabiwa lo mzobo (kodwa wabuya wafunyanwa!). Abantu abaninzi bacinga ukuba uncumo lukaMona Lisa lunemfihlo. Igcisa lalinguLeonardo da Vinci, umzobi waselItaly, umkroli, umzobi wezakhiwo kunye nomyili owayephila malunga neminyaka engama-500 eyadlulayo.

Ngababini

- Jongisisa umzobo.
- Phendula imibuzo kwiNYY.

Ingxoxo yeklas

- Yintoni umfanekiso?
- Thetha ngokubonakala ngasemva.
- Ingaba wawuyintoni unobangela wolu ncumo lwakhe ludumileyo? Sebenzisa umfanekiso-ngqondweni wakho!

iph. 54

30 imiz

UMHLA

Umfanekiso

U Mona Lisa wazotywe nguLeonardo Da Vinci

1. Ubona ntoni kulo mabho?

2. Ingaba wonwabile okanye uluzizi?

54 - IVEKI YESI-4 - MVULO



EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

- Landela inkqubo yezitishi zemisebenzi yezemiThambo ekwiphepha lesi-5.

30 imiz

KNF

iph. 51-52



Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa iklasi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.

LWESIBINI



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

15 imiz

Ootatomkhulu noomakhulu

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- Qhelanisa abafundi nebali lokufunda notitshala ngokuthi nixoxe. ngootatomkhulu noomakhulu babo.
- **Cinga:** Ngubani onethamsanqa lokuba notatomkhulu nomakhulu? Bahlala phi? Uthanda ntoni ngabo?

- **Ngababini:** Xelela iqabane lakho ngootatomkhulu nomakhulu wakho.
- **Yabelanani:** Yabelana neklasi.
- Sebenzisa incwadi yakho ubhale izinto oziqapheleyo.



IZANDI

Ukuziqhelanisa

- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwiBanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Bafunda amagama opelo ale veki kwiphepha le-122 leNYY.
- Chazela abafundi ukuba baza kuvavanywa kula magama.
- Abafundi baziqhelisa ukubhala la magama yonke imihla ekhaya.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekise umsebenzi kunye.

iph. 55

12 imiz

KNF

iph. 8-13

UMHLA

Fakela isandi esishiyiweyo.

1 xho ma

2 iintsi

3 izixho

4 ixhwi

5 ela

6 iane

7 iimbi

8 xtha

IVEKI YESI-4 - LWESIBINI - 55



UKUBHALA NGESANDLA

Ukudibanisa
u, w

- Landela inkqubo yezifundo zokubhala ngesandla.
- Bhala ngokucinezela kumsebenzi wangoLwesibini. Krwela eminye imigca yokuziqhelisa kwiincwadi zokubhalela.

iph. 51

10 imiz

LWESIBINI

x V

x nv

IVEKI YESI-4 - LWESIBINI - 56



UKUFUNDA NOTITSHALA

Ingqiqo

Phambi kokufunda

- Funda nize nixoxe ngokufutshane ngesihloko nomzobo wokuqala. Ubona ntoni? Liza kuba malunga nantoni ibali?
- Nika injongo yokufunda: Makhe sibone ukuba yintoni eyayingaqhelekanga ngomakhulu kaSindi.

Ukufundelwa ngutitshala

- Funda ibali kunye nabafundi.
- Yima ucacise nawaphi na amagama amatsha, umz. usebenzisa imifanekiso okanye isithethantonye.

Emva kokufunda

- Yintoni eyayingaqhelekanga ngomakhulu kaSindi?
- Zatshintshwa yintoni iimvakalelo zikaSindi kweli bali?

iph. 43-48

15 imiz

Umakhulu kaSindi uze kutyelela

Umakhulu kaSindi wayesiza kutyelela. Wayehlala kwelinye ilizwe elikude. Wayesiza ngenqelomoya eMzantsi Afrika. USindi wawelela abahlobo bakhe ababini abasengweni, uKosho no-Almo, ngotyelo. Wayecinga ukuba ngabo umakhulu wakhe uza kufana na noomakhulu babahlobo bakhe.

IVEKI YESI-4 - 43



UKUBHALA

Ingqiqo 1

Funda ze nixoxe ngemibuzo

- Isikhumbuzo: **Imibuzo** ikuxelela ukuba uzijonga phi **iimpendulo**.
- Funda imibuzo yomsebenzi othi, **Funda ufumane**. Abafundi bayakhangela baze **bakrwele umgca phantsi kweempendulo** kwisicatshulwa.
- Funda imibuzo yomsebenzi othi, **Funda ucinge**. Xoxani ngeempendulo. (Iimpendulo izikho kwindawo enye)

Bhala

- Gqibezela umsebenzi kwiNYY.

Jonga uze ukorekise umsebenzi.

iph. 49

15 imiz

UMHLA

Ingqiqo 1

Funda ibali, Umakhulu kaSindi uze kutyelela.

Phanda ufumane

1 Ngawaphi amazwe amabini asebaleni? ne

Funda ucinge: Siyela iimpendulo ezichanekileyo

2 Wathi okufika umakhulu wakhe, uSindi waziva *uneentloni / ezingqila / ezingqa / ezolile*.

3 Emva kokuba umom' uQaamba ebonise ububele kubahlobo bakhe, uSindi waziva *uneentloni / ezingqila / ezingqa / ezolile*.

Ngokukokwam/ngokuzimela Gqibezela iinkqubo.

4 Ndiqazanga ngo ngabo

5 Ndiqaziva ndineentloni ngokuya

IVEKI YESI-4 - 44

KNF
iph. 24-27



A child's drawing of a person with orange hair and a large black nose, surrounded by yellow and green dots. The drawing is on a white background with a green border on the left. The person has a large black nose, blue eyes, and a pink mouth. The hair is orange and curly. The background is filled with yellow and green dots. There are some blue and yellow shapes at the top, possibly representing clouds or the sky. The drawing is signed 'Z' in the top left corner.



KNF
iph. 51-52



LWESITHATHU



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Iimvakalelo
zikaSindi

15 imiz

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Ngubani umlinganiswa oyintloko kwibali lethu lokufunda notitshala? Kwakutheni ukuze azive eneentloni? Kwakutheni ukuze azive ezingca?
- **Ngababini:** Thetha ngendlela ezatshintsha ngayo iimvakalelo zikaSindi (ukusuka kubaneentloni atshintshe ukuze azingce).
- **Yabelanani:** Yabelana neklasi.
- Sebenzisa incwadi yakho ubhale izinto oziqapheleyo.



IZANDI

Bhala izivakalisi

15 imiz

KNF
iph. 8-13

- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwiBanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Bafunda amagama opelo ale veki kwiphepha le-122 leNYY.
- Chazela abafundi ukuba baza kuvavanywa kula magama.
- Abafundi baziqhelisa ukubhala la magama yonke imihla ekhaya.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekise umsebenzi kunye.





UKUBHALA NGESANDLA

Ukudibanisa
w, pw

iph. 51

10 imiz

- Landela inkqubo yezifundo zokubhala ngesandla.
- Bhala ngokucinezela kumsebenzi wangoLwesithathu. Krwela eminye imigca yokuziqhelisa kwiincwadi zokubhalela.



UKUFUNDA NOTITSHALA

Isigama

Isigama

- Bonisa uze ufunde isigama seveki ebhodini okanye koonotsheluzi:

ukuzingca	ilaphu	ipatheni	iqhiya	ukuthetha ngendlela engaqhelekanga
-----------	--------	----------	--------	------------------------------------

Ukufunda notitshala

- Phinda ufunde isicatshulwa kunye nabafundi.
- **Ukukhangela amagama:** Njengoko nifunda abafundi bajonga amagama esigama kwisicatshulwa kwiNYY. Bakrwela umgca ngaphantsi kwegama okanye babiyele igama ngalinye.
- Xoxani ngentsingiselo yegama kumxholo webali.

Abafundi bacwangcisa oonotsheluzi ngokulandelelana kwealfabhethi.

iph.
43-48

15 imiz



UKUBHALA

Isigama

I-oral

- Funda imisebenzi yeNYY ngokuvakalayo.


Bhala

- Gqibezela imisebenzi yokubhala kwiNYY. Jonga uze ukorekise umsebenzi.
- Abafundi bakhuphela amagama oonotsheluzi amahlanu kwizichazi-magama zabo.

Bonisa oonotsheluzi besigama kudonga lwamagama.

iph. 58

15 imiz





UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

- Ukufunda ngamaqela: Iqela E kunye no-A
- Umsebenzi owenza wedwa: Iimpahla zaseNigeria

iph. 59

30 imiz

KNF

iph. 24-27

UMHLA

Iimpahla zaseNigeria

Nigeria, kukho iimpahla ezininzi ngokuba yikaso. Iimpahla zeAsa-Oke zenzelwe amaxesha okhethekileyo. Amabhunga anabawazi abizwa ngokuba yizibha, kunye namabhunga amde abizwa ngokuba yi-iro. Kukwakho neqhigisa entle ezizwa ngokuba yigile. Amadoda aninzi ihempe ewakwaku kunge nabhulukhwe. Emagweni, amadoda namabhunga baninzi umwango (esazi). Iimpahla zeAsa-Oke zingenziwa nangaphili na ilaphu. Izisoloko zizenzwe ngemibala eqaqambileyo.

Phanda ufumane

Bigela iimpendulo ezichanekileyo.

Iimpahla zeAsa-Oke zezase *Mzantsi Afrika / Nigeria / Lesotho*.

Iimpahla zeAsa-Oke inokuba *namaphi na umbhala / umbhala obomvu kunge nobhala kuphela / umbhala nobhala kunge nobhala kuphela*.

Igama lesiNigeria alithi gale lithetha *ibhulukhwe / isaki / iqhiga*.

Ezi mpahla zizithwa *gonke imibha / ngamaxesha athile / ezimithwa kanye kanye*.

UKUFUNDA WEDWA IVEKI YESI-4 - LWESITHATHU - 59



ULWAZI OLUSISISEKO

U-Ayanda uyacaphuka

Funda ze uxoxe

- Xoxa ngomfanekiso ngamnye:
 - Kwenzeka ntoni?
 - Ucinga ukuba bathini abalinganiswa?
 - Bavakalelwa njani?
- U-Ayanda uncedwe njani ngumama wakhe ukuze aqonde ukuba umnakwabo akasigilanga ngabom isiselo sakhe?
- Angawasebenzisa njani u-Ayanda amazwi kamama wakhe ukuze akwazi ukunqanda umsindo wakhe?

Ukubhala notitshala

- Nceda abafundi babhale isivakalisi esichazayo ngomfanekiso wesi-2 ukuya kowesi-4.

iph. 60

30 imiz

UMHLA

U-Ayanda uyacaphuka

Umntakwabo Ayanda omncinci ugile isiselo sakhe.

60 - IVEKI YESI-4 - LWESITHATHU



EZOBUGCISA BEQONGA

Intshayelelo

- Thetha ngendlela ubuso bakho obubonisa ngayo iimvakalelo.
- Buyela kwitshathi yeYFF kunye noluhlu lweemvakalelo.
- Bonisa umdlalo ngokuwulinganisa.

Amaqela

- Yahlula iklasi ibe ngamaqela. Iqela ngalinye lihleli kwisangqa esikhulu.
- Umfundi ngamnye unethuba lokubonisa imvakalelo.

Ukubonisa iimvakalelo

- Abanye baqashisele ukuba umfundi ngamnye uziva njani.
- Bangatsho ukuba kutheni becinga ukuba umfundi uziva ngoloo hlobo (ngokweengcinga).
- Umfundi obonisa imvakalelo ukhetha olona qikelelo luchanekileyo.

Iklasi

- Iqela ngalinye livotela eyona mvakalelo ilungileyo nesizathu ukubonisa iklasi.

30 imiz



EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

- Landela inkqubo yezitishi zemisebenzi yezemithambo ekwiphepha lesi-5.

25 imiz

KNF

iph. 51-52



Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa iklasi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.

LWESINE



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

limvakalelo
zethu

15 imiz

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Wakhe waneentloni nini? Wakhe wazingca nini?
- **Ngababini:** Xelela iqabane lakho kwakwenzeke ntoni?
- **Yabelanani:** Abafundi babelana neklasi.
- Bhala oko ukuqwalaseleyo encwadini yakho.



IZANDI

Uhlaziyo

- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwiBanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Bafunda amagama opelo ale veki kwiphepha le-122 leNYY.
- Chazela abafundi ukuba baza kuvavanywa kula magama.
- Abafundi baziqhelisa ukubhala la magama yonke imihla ekhaya.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekise umsebenzi kunye.

iph. 61

12 imiz

KNF

iph. 8-13

UMHLA

Gqibezela izivakalisi ngamagama achanekileyo.

Ubuxhwangu izixhobo Ixhwile

xhwitha Ixhwili uxhoma

1 Ebugula, waza wanikwa ijezo lixhwile.

2 Umama _____ impahla emanzi.

3 _____ yinja yokuzingela.

4 Utata usegadini kodwa akaziphethanga _____.

5 Wabillise amanzi oku _____ inkukhu.

6 _____ zimbovane eziluma kabuhlungu.

IVEKI YESI-4 • LWESINE




UKUBHALA NGESANDLA

Ukudibanisa
y, yt

iph. 51

10 imiz

- Landela inkqubo yezifundo zokubhala ngesandla.
- Bhala ngokucinezela kumsebenzi wangoLwesine. Krwela eminye imigca yokuziqhelisa kwiincwadi zokubhalela.



UKUFUNDA NOTITSHALA

Ulwimi

15 imiz

Yazisa isivakalisi

- Bhala isivakalisi ebhodini.
- Funda isivakalisi ngokucotha kunye nabafundi.
- Abafundi bafumana isivakalisi kwisicatshulwa esikwiphepha lama-50-55.
- Mabakrwele umgca ngaphantsi kwesivakalisi okanye basifake umbala.

Sebenza ngesivakalisi

- Chonga iimpawu zokubhala (*unobumba omkhulu, isiphumlisi, isingxi*). Hlaziya injongo nganye.
- Simalunga nabani esi sivakalisi? (*umakhulu – isimelabizo*)
- Leliphi igama elisixelela ukuba oku kwenzeka kwixesha elidlulileyo? (*lalithwele – isenzi sexesha elidlulileyo*)
- Ngawaphi amagama/amabinzana amabini asixelela ngakumbi malunga neqhiya? (*enkulu, enombala ogqamileyo – izichazi*). Faka umbala kula magama.

**Lalithwele
iqhiya enkulu,
enombala
ogqamileyo.**



UKUBHALA

Ulwimi

15 imiz

Bhala

- Phindani nakhe isivakalisi kunye.
- Bonisa indlela yokusebenzisa isivakalisi njengepatheni. Umzekelo: Bendinxibe ijezi encinci, ezuba okanye ULulu ebenxibe umnqwazi omkhulu oneentyatyambo.
- Gqibezela iphepha leNYY.

Fundela iqabane isivakalisi sakho, uze ujonge ukwakheka kwesivakalisi okuchanekileyo.

**Ndandinxibe ijezi
encinci, embala
ozuba.**

**ULulu
wayethwele
umnqwazi
omkhulu,
oneentyatyambo.**



UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

- **Ukufunda ngamaqela:** Iqela B kunye noC
- **Umsebenzi owenza wedwa:** *Ilaphu laseGhana*

iph. 62

30 imiz

KNF

iph. 24–27



ULWAZI OLUSISISEKO

Ukuphonononga ingcamango

30 imiz

Itshathi yeYFF, NYY iph 57

- Ncendisa abafundi ukugqibezela umqolo wokugqibela.

Oobhontsi phezulu/oobhontsi phantsi

- Phakamisa oonotsheluzi abathathu beelwimi ezimbini zegama ngalinye, uze ubuze imibuzo.

KNF

iph. 45

Ukuxhalaba

1. Ubanexhala xa kukho into oyoyikayo
2. Xa unexhala uziva uvuya kwaye uzithembile
3. Xa unexhala intliziyo yakho ibetha kakhulu nezandla zibile.

Ukuzola

1. Ukuphefumla ngokucotha kukunceda uze uzolile
2. Umculo opholileyo ukunceda uze uzolile.
3. Ingxolo ikunceda uze uzolile.

Ukucaphuka

1. Ukucaphuka sisichasi sokuzola
2. Ukuba umntu ube into yakho lonto ingakucaphukisa.
3. Abantu bangakuthanda ukuba uhleli ucaphukile.

Uhlanganiso nesiNgesi: ukuxhalaba (anxious), ukuzola (calm), ukucaphuka (angry)



EZOBUGCISA BEQONGA

Ngababini

- Ngababini, cingani ngemeko enenza ukuba nixhalabe (phambi kovavanyo, xa kuye kwamnyama, xa umama egoduke emva kwexesha, ukudibana nomxhaphazi esikolweni, njl.).
- Cinga ngento onokuthi uyithethe emntwini ukuze umncede xa ekuloo meko.

Xa uxhalabile

- Xoxani imizuzu embalwa.

Ukudlala indima

- Linganisa imeko (umfundi 1) kunye nento onokuyithetha (umfundi 2).
- Bonisa esinye isibini.

Linganisa

- Utitshala ukhetha izibini ezimbalwa zilinganisele iklasi.

30 imiz



Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa iklasi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.



EZEMITHAMBO

Izitimshi zemisebenzi

- Landela inkqubo yezitimshi zemisebenzi yezemithambo ekwiphepha lesi-5.

25 imiz

KNF

iph. 51–52



LWESIHLANU



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

15 imiz

Ukuphonononga iveki

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Thetha ngento enomdla oyifundileyo kule veki. Cinga ngexesha ubuvuye kakhuku nangexesha ubukhathazeke kakhulu kule veki, kwaye bekutheni ukuze uzive ngolu hlobo?
- **Ngababini:** Xelela iqabane lakho.
- **Yabelanani:** Yintoni esiza kuyenza ngolunye uhlobo kule veki izayo?



IZANDI

Ukufunda amagama ngexesha elibekiweyo

- Landela inkqubo yokufunda amagama ngexesha elibekiweyo ekwiphepha lesi-8.

iph. 63

12 imiz

KNF
iph. 16

UMHLA

Ukufunda amagama ngexesha elibekiweyo.

Funda la magama neqabane lakho. Phawulani amagama eningekwaziyo ukufunda. Fundani amagama eningekwaziyo.

phakama	umva	phatha	igusha	ujingi
ifoto	nguye	amagama	ngoko	uyoyika
idolo	dlula	bhaka	imbewu	ipilisi
ibali	mhle	ingaba	jikeleza	yima
yakha	xuba	ingxolo	lunka	igolide
linda	umvundla	ifowuni	qhekeza	igogogo
luma	ubhuti	vula	qhuba	ayeke
xhuma	ngomso	vala	ufuna	azama

Ngoku funda ngomzuzu omnye. Mangaphi amagama owafundileyo? Amagama owafunda ngakutshanke? Zama ukwenza ngaphezulu kwenqaku lakho lokupala.

IVEKI YESI-4 • LWESIHLANU 63




UKUBHALA NGESANDLA

Uhlaziyo

iph. 51

10 imiz

- Landela inkqubo yezifundo zokubhala ngesandla.
- Bhala ngokucinezela kumsebenzi wangoLwesihlanu. Krwela eminye imigca yokuziqhelisa kwiincwadi zokubhalela.



UKUBHALA WEDWA

Chaza impahla yakho

15 imiz

KNF
iph. 38-41

- Abafundi babhala umhlathi onezivakalisi ezi-3-4.
- Ingxoxo yangaphambi kokubhala:
 - Apho ubusiya/ubuye khona: Indawo yokwenyani okanye engumfanekiso-ngqondweni, umz. ecaweni, emtshatweni, eDolophini, njl.
 - Ziintoni onokuzichaza: Impahla eyahlukileyo, umnqwazi, izihlangu, njl.
 - Amagama achazayo: ende, enemibala, entle, enemigca, njl.
- **Khangela:** Ukhetho lwesigama esilungileyo, ubuchule bokuyila.

Ndandinxibe
Ngexesha
ndandisiya e...,
Ndandinxibe ...
Yayi... (Chaza).
Ndandinxibe ne...
Ndaziva ...



UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

- **Ukufunda ngamaqela:** Iqela D kunye no-E
- **Umsebenzi owenza wedwa:** Ilaphu elineepatheni ezimbini

iph. 64

30 imiz

KNF
iph. 24-27

UMHLA

Ilaphu elineepatheni ezimbini

Phanda ufumane

1 Ilaphu ikanga liyimitha **enge** enesingatha / **enge** / **imitha** ezimbini ubude.

2 Ilaphu ikanga lisoloko **linendawo** esembindini / **linamda** / **linomgalezo**.

3 Eli laphu liqhakile **uMntu** / **uMama** / **uMama** Afrika.

4 Ugenza impahla ngekanga/ngekanga **enge** / **ezimbini** / **ezintathu**.

EMpuma Afrika, ikanga ilaphu elingama ngokukhethekileyo, elimalunga nemitha ububanzi nemitha enesingatha ubude. Lineepatheni ejikeleza isiphelo, ezibwa ngokuba gipatheni yemda, kunge nopatheni eyahlukileyo esembindini. Kudla ngokukhethekileyo umgalezo okanye intatho elaphini. Abantu bafunda ngokuthenga ikanga ezimbini ukuze benze impahla.


64 • IVEKI YESI-4 • LWESIHLANU UKUFUNDA WEDWA



UKUFUNDA

Ukuphonononga

15 imiz



Funda uze uphendule imibuzo

- Fundela iklasi izicatshulwa **zomSebenzi Owenza Wedwa**, ngokuvakalayo. Abafundi bayalandela ezincwadini zabo.
- Emva kwesicatshulwa ngasinye, funda umbuzo/imibuzo. Kwisicatshulwa banike iimpendulo, abafundi bayazikorekisha imisebenzi yabo.

Xoxani ngezicatshulwa

- Sesiphi isicatshulwa osithande kakhulu? Ngoba?
- Ingaba lukhona ulwazi olutsha olufundileyo? Amagama amatsha?

Ukukorekisha

- Beka unobumba wokuqala wegama kuphela. Bhala ukuba ngubani ongakwaziyo ukufunda nokuphendula imibuzo.



ULWAZI OLUSISISEKO

Ixesha lencwadi yomsebenzi yeDBE

Ukujonga uze unike ingxelo

- Jongani kunye imisebenzi kwiincwadi zomsebenzi zeDBE.
- Abafundi mabenze izilungiso okanye bagqibezele imisebenzi yabo.

Gqibezela amaphepha eDBE

- Incwadi yomsebenzi yezaKhono zoBomi 1, iphepha le-10 nele-11.
- Incwadi yomsebenzi yoLwimi lwaseKhaya 1, iphepha lama-37 nelama-41.

30 imiz




EZEMITHAMBO

Izithishi zemisebenzi

25 imiz

KNF
iph. 51-52



- Landela inkqubo yezithishi zemisebenzi yezemithambo ekwiphepha lesi-5.

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa iklasi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.

UPHONONONGO LWEVEKI LUKATITSHALA

Kule veki:

- ndizithathile iiNYY**, ndenza amanqaku ngokubhala.
- ndiwajongile ndawakorekisha amanye amaphepha eNYY**, ndazibona iindawo ezifuna ukunikwa ingqwalasela okanye abafundi abafuna uncedo oluthe kratya.
- ndiphinde ndajonga Isicwangciso seVeki**, ndazibona izifundo endingazigqibanga.
- ndiyijongisisile incwadi yam**, ndaqaphela abafundi abadinga uncedo lokufundiswa bebodwa okanye ukuziqhelisa ukufunda bekunye nam kwiveki ezayo.

Ndilicwangcisele ixesha leveki ezayo:

- lokuleqa umsebenzi weklasi** okanye nayiphi na ingxelo efunekayo.
- lokufundisa **umfundi ngamnye**, umz. xa iklasi ixakekile, okanye phambi kokungena kwesikolo.

Ndiyijongile iveki elandelayo ukuqinisekisa ukuba ndizilungiselele, kwaye ndinako konke endiza kukudinga ukuqala iveki.

ISICWANGCISO SEVEKI YESI-5



Iimvakalelo

OKUZA KWENZIWA KULE VEKI

Abafundi baza:

- Kuthetha ngokucela uxolo, baze bafunde amanyathelo amane okucela uxolo.
- Kuxoxa ngeemvakalelo ezibuhlungu, ukuvisa kabuhlungu, iimvakalelo zabanye, kunye nendima yokucela uxolo.
- Kujongana nokuxhatshazwa ngokuhlalutya iipowusta ezichasene nokuxhatshazwa.
- Kudlala indima yokucela uxolo ngokufanelekileyo.
- Kuqhubeka nokusebenza ngemifanekiso yabo, bongeze iinkcukacha abazicingeleyo.
- Kufunda ngempahla enika umdla yesintu eMzantsi Afrika.
- Kubhala inkcazo ngomlinganiswa, besebenzisa izichazi ukutyebisa umbhalo.

AMALUNGISELELO

Oonotsheluzo

Isigama solwimi	uyazingca	ilaphu	iipatheni	iqhiya	ukuthetha ngendlela engaqhelekanga
	<i>proud</i>	<i>fabric</i>	<i>pattern</i>	<i>head-tie</i>	<i>speaking in a strange accent</i>

Isigama sezaKhono zoBomi	ukuxhaphaza	ukuxolisa	intlonipho
	<i>bully</i>	<i>apologise</i>	<i>respect</i>

Isivakalisi

Lalithwele iqhiya enkulu, enombala ogqamileyo.
She wore a large, colourful head-tie.

IZIXHOBO ZEMISEBENZI

- Ipeyinti okanye iikhrayoni nephepha lomsebenzi wezobuGcisa obuBonwayo
- Izixhobo ezifunekayo ukwenza imisebenzi ekhethiweyo yezemiThambo

UHLOLO

Qokelela iincwadi uze uzikorekische: Ukubhala eyedwa (inkcazo ngomlinganiswa, Lwesihlanu); Isigama nomsebenzi woLwimi (Lwesithathu); Ukubhala ngesandla (Lwesihlanu)

Olungekho sesikweni: Ubizelo (Lwesihlanu); Ukuziqhelanisa notyibiliko (Lwesine)

Intliziyo yenkawu

Titshala funda eli bali ngoMvulo (jonga iNT iphepha lama-46).

UKumkani uNgonyama wayegula. Wakhe weva ukuba xa enokutya intliziyo yenkawu angaziva ngcono. Izilwanyana zazisazi ukuba oku akuyonyani. Kodwa zazisazi nokuba ziza kufumana umvuzo ukuba zingeza nentliziyo yenkawu kwiKumkani uNgonyama.

UNgwenya yena wayewufuna ngokwenene lo mvuzo. Wabona inkawu isitya iziqhamo emthini ojinga phezu komlambo. Waza wacinga icebo. Wakhwaza, “Nkawu, ndicela undiphosele isiqhamo. Ndonele kukutya iintlanzi.” UNkawu wavelana noNgwenya. Waphosela uNgwenya iqhekeza lesiqhamo, waza uNkawu waqhubeka ngokutya isidlo sakhe sakusasa.

“Saze samnandi esi siqhamo,” watsho uNgwenya. “Ukukubulela, ndingathanda ukukumema uze ekhayeni lam. Ndiza kukubeleka emqolo. Uza kukhuseleka. Andizi kujika ndikutye.”

“Unobubele,” watsho uNkawu. Kwangoko watsibela emqolweni wengwenya. UNgwenya wancuma waza waqalisa ukudada enyuka umlambo. Wenza ngathi uya emzini wakhe. Kodwa ngokwenene wayesisa uNkawu kuKumkani uNgonyama.

Indlovu eyayisela ngaselunxwemeni lomlambo yabona uNgwenya noNkawu. “Uhlakaniphile, Mnu uNgwenya,” yatsho. “Uzisela uKumkani uNgonyama intliziyo yenkawu. Uza kukuvuza ngomvuzo omkhulu.”



UNkawu wayiva le nto ithethwa yindlovu, waqonda ukuba uNgwenya umqhathile. Kodwa wacinga icebo. Wathi, “Andisokuze ndikwazi ukuhlala ixesha elide emzini wakho Ngwenya. Uyabona, intliziyo yam ndiyishiye ijinga emthini. Ndenza loo nto rhoqo xa ndisitya isidlo sam sakusasa.”

“Intoni!” wakhwaza watsho uNgwenya, ngomsindo. “Akuzanga nentliziyo yakho! Kungcono sijike siye kuyithatha.” Wajika kwangoko ke uNgwenya wabuyela emthini.

Bathi nje bakufika emthini, uNkawu watsiba wehla emqolweni kaNgwenya, wakhwela emthini. Wathi, “Andizi, Ngwenya. Ndiyazi ukuba ngewunikise ngentliziyo yam kuKumkani uNgonyama.” Waza uNkawu waqhubeka ngesidlo sakhe sakusasa, evuyiswa kukuba esindile.

MVULO



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Ingaba unazo iindaba ezikhethekileyo? Ubusenza ntoni ngempela-veki?
- **Ngababini:** Xelela iqabane lakho iindaba zakho. Phendulanani ngobubele.
- **Yabelanani:**
 - Abafundi abambalwa babelana neklasi ngeendaba zabo.

Iindaba

- Qinisekisa ukuba bonke abafundi bafumana ithuba kwikota nganye.
- Bhala oko ukuqwalaseleyo encwadini yakho.

Lungiselela abafundi iveki yesikolo ezayo (izinto ekufuneka baze nazo, iziganeko ezikhethekileyo, njl.).

15 imiz



IZANDI

Ukuziqhelisa

- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwiBanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Bafunda amagama opelo ale veki kwiphepha le-122 leNYY.
- Chazela abafundi ukuba baza kuvavanywa kula magama.
- Abafundi baziqhelisa ukubhala la magama yonke imihla ekhaya.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekise umsebenzi kunye.

iph. 66

12 imiz

KNF
iph. 8-13

UKUBHALA NGESANDLA

Ukudibanisa *x, cy*

- Landela inkqubo yezifundo zokubhala ngesandla.
- Bhala ngokucinezela kumsebenzi wangoMvulo. Krwela eminye imigca yokuziqhelisa kwiincwadi zokubhalela.

iph. 65

10 imiz

KNF
iph. 31-37

UKUFUNDA

Utitshala ufunda ngokuvakalayo

Phambi kokufunda

- Eli bali libali lemveli laseAfrika.
- Zeziphi izilwanyana zaseAfrika ozaziyo? (Yamkela ezintlanu okanye ezintandathu.)
- Nika injongo yokuphulaphula: Mamela ibali uze ujonge indlela umlinganiswa ngamnye awayeziva ngayo.

Fundela abafundi ibali

Emva kokufunda

- Jonga ingqiqo: Waziva njani uNkawu akubona ukuba uqhathiwe?
- Waziva njani uNgwenya ngelixa wayeqhathwa?
- Uzive njani ngeli bali?
- Ngawaphi amanye amabali emveli owakhe waweve?

NT
iph. 44

15 imiz



ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO

- Fundisa isifundo esisuka kwinkqubo yoLwimi lokuQala olongezelelweyo.

15 imiz





UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

- **Ukufunda ngamaqela:** Iqela A kunye noB
- **Umsebenzi owenza wedwa:** Izivakalisi

iph. 67

30 imiz

KNF

iph. 28-30

UMHLA

Funda izivakalisi

Zinkulu iindlebe zendlovu.

Indulamthi sesona silwanyana side.

Usisi uxova intlama yokwenza amagwinya.

Intiziyo yakhe yabetha kakhulu luvalo.

Kwakhwa izindlu kwela bala lingoselkhaya.

Sesiphi esona silwanyana side?

UKUFUNDA WEDWA IVEKI YESI-5 - MVULO - 67



ULWAZI OLUSISISEKO

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Cinga ngexesha owawuzisola ngalo.
- **Ngababini:** Xelela iqabane lakho wawenze ntoni kunye nento owayithethayo.
- **Yabelanani:** Yebelana neklasi.

Funda ze uxoxe

- Fundani iphepha leNYY kunye.

Indlela yokucela uxolo

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Wawungalucela njani uxolo usebenzisa amanyathelo amane.
- **Ngababini:** Xelela iqabane lakho.
- **Yabelanani:** Yebelana neklasi.

Abafundi baza kulinganisa indlela yokucela uxolo kwezobuGcisa beQonga.

iph. 68

30 imiz

UMHLA

Indlela yokucela uxolo

1. Nibeka uxolo.

2. Bulungamalunga ndikungahleli.

3. Bantlangamalunga ukusyukisa.

4. Andabakazi ndikungahleli le nto.

Mbelele umntu indlela okokolelwa ngayo.

Mbelele le nto ingalunganga ugenzileyo.

Mbonise ukuba uyazi ukuba umenze waziva njani.

Lungisa le nto ugenzileyo.

68 IVEKI YESI-5 - MVULO



EZOBUGCISA OBUBONWAYO


Umfanekiso (uyaqhubeka)

Umsebenzi (ipeyinti okanye iikhrayoni)

- Abafundi bongeza izixhobo zokuhombisa kwizandla zomfanekiso wabo, baze bongeze iinkcukacha ngasemva, ukubonisa ukuba kutheni umntu okumfanekiso encumile. Sebenzisa iimbono zakho!
- Abafundi bafaka umbala kumfanekiso besebenzisa ipeyinti okanye iikhrayoni.

Gcina imifanekiso kwindawo ekhuselekileyo iza kugqityezelwa kwiveki ezayo.

30 imiz



EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

- Landela inkqubo yezitishi zemisebenzi yezemiThambo ekwiphepha lesi-5.

30 imiz

KNF

iph. 51-52



Kwiscwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa iklasi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.

LWESIBINI



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Ukucela uxolo

15 imiz

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Ubukhe walucela nini uxolo emntwini? Ngoba? Uye wathini?
- **Ngababini:** Xelela iqabane lakho kwenzeke ntoni.
- **Yabelanani:** Yebelana neklasi ngebali lakho ukuba uyafuna.
- Bhala oko ukuqwalaseleyo encwadini yakho.



IZANDI

Igramma

- Fundisa ulwimi.
- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwiBanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Bafunda amagama opelo ale veki kwiphepha le-122 leNYY.
- Chazela abafundi ukuba baza kuvavanywa kula magama.
- Abafundi baziqhelisa ukubhala la magama yonke imihla ekhaya.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekise umsebenzi kunye.

iph. 69

12 imiz

KNF
iph. 8-13

UMHLA

Ixesha langoku nelidulileyo

Izandi zichaza into eyenziwayo. Ixesha lesandi lisalelwa ukuba into leyo yenzekile nini na. Izandi zinezimphambili ezahlukelele ezikumaxesha ahlukelele.

Ixesha langoku	Ixesha elidulileyo
Ndibabala ndiphumela.	Ndibaphumela ugqirisa.

A. Fakela izimphambili zezesha langoku okanye zezesha elidulileyo.

Izimphambili zezesha langoku	Izimphambili zezesha elidulileyo
1. U... hla	W... hla
2. ... bapha	... bapha
3. ... thetha	... thetha
4. ... tya	... tya
5. ... thwala	... thwala

B. Bhala kwixesha elidulileyo kwincwadi yakho yokubhalela.

- Yena ubhala encwadini.
- Bona batya iziqhamo.
- Thina sikhwala telesi.
- Yena unxibela izihlangu.
- Mna ndinukisa iintyatyamba.

IVEKI YESI-5 • LWESIBINI • 69



UKUBHALA NGESANDLA

Ukudibanisa
a', ac

iph. 65

10 imiz

- Landela inkqubo yezifundo zokubhala ngesandla.
- Bhala ngokucinezela kumsebenzi wangoLwesibini. Krwela eminye imigca yokuziqhelisa kwiincwadi zokubhalela.

LWESIBINI	x	a	a'	a' a'	a' a'	a' a'	a' a'	a' a'	a' a'
LWESIBINI	x	ac	ac	ac ac	ac ac	ac ac	ac ac	ac ac	ac ac



UKUFUNDA NOTITSHALA

Utyibiliko

iph. 43-48

15 imiz

Ukufunda notitshala

- Funda nawaphina amaphepha ebali kunye nabafundi.
- **Bonisa utyibiliko nemvakalelo** (qaphela iziphumlisi, ubizo-magama, dlulisela intsingiselo ngemvakalelo, funda ngesantya esifanelekileyo).

Ukufunda ngababini

- Isibini sifunda iphepha benikana amathuba, siziqhelanise nokufunda ngokutyibilika nangemvakalelo.
- Mamela uze unike ingxelo njengoko uhamba-hamba apho egumbini.

Umakhulu kaSindi uze kutyelela

Umakhulu kaSindi wazisa kutyelela. Wayehlala kwiingxelo ilizwe elikude. Wayesiza ngengxelo-moya eMzantsi Afrika. UGindi wawelela abahlobo bakhe ababini abasengweni, uNqiso no-Alma, ngqiyela. Waycinga ukuba ngabo umakhulu wakhe uza kufana noomakhulu babahlobo bakhe.

IVEKI YESI-4 • 43



UKUBHALA

Ngengqiqo

iph. 50

15 imiz

Funda ze nixoxe ngemibuzo

- Jonga ukuba abafundi bayakhumbula ukuba yintoni **ukujongisisa**:
- Bakhumbuze ukuba kwimibuzo yomsebenzi, **khangela ufumane** ubuyela emva ujongisise ibali (hambisa iliso lakho ngokukhawuleza ephepheni okanye emaphepheni) ukuze ufumane igama okanye umfanekiso othile.

Bhala

- Gqibezela umsebenzi kwiNYY.

Jonga uze ukorekise

UMHLA

Ingqiqo

Funda ibali, Umakhulu kaSindi uze kutyelela.

Phanda ufumane

- Khangela iphepha elinagama, "Unethamsanga".
Iphepha _____
- Ngubani owathi, "Unethamsanga"? _____
- Ucinga ukuba uSindi unethamsanga? Kutheni usitho? _____
Ngaba _____
- Bhala izivakafisi ngento aziva unethamsanga ngayo.
Nsinethamsanga _____

50 • IVEKI YESI-4



UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

- **Ukufunda ngamaqela:** Iqela C kunye noD
- **Umsebenzi owenza wedwa:** *Ihempe yase-Afrika*

iph. 70

30 imiz

NYN

iph. 24-27

UMHLA

Ihempe yase-Afrika

Idashiki lukhulu lwelaphu alungapheli eshicilelwe kulo ipatheni indingano-macala. Ngamanye amaxesha ipatheni ye genziwa ngokuthungwa. Idashiki lukhulu lwelaphu lase-Afrika. Ihempe ikhi ibe gxinene gesuti gedashiki. Iba nabhululwe ebonakala ngqo. Uzifumana epi ihempe kulo kinko eli lase-Afrika. Zineltigwa ngamadoda kunge nungamabhinqa kwigwe azibhululwe.

Phanda ufumane
Bhala igama elithetha ukufana macala omabini:

Funda ucinge
Ingaba ihempe gedashiki ivazwa phazu kwebhululwe?

70 : IVEKI YESI-5 : LWESIBINI UKUFUNDA WEDWA



ULWAZI OLUSISISEKO

Funda ze uxoxe

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Wakhe waxhatshazwa?
- **Ngabanini:** Chazela iqabane lakho.
- **Yabelanani:** Yabelana leklasi

Bhala

- Nceda abafundi babhale isihloko esifanelekileyo somfanekiso.

Ukuvisa omnye umntu kabuhlungu

iph. 71

30 imiz

UMHLA

Ukuvisa omnye umntu kabuhlungu

Thetha ngomfanekiso



- Kwenzeka ntoni emfanekisweni?
- Kutheni abantwana beyiphatha kakubi intombazana?
- Bathini kuye?
- Ivakalelwa ngani intombazana?
- Ungenza ntoni xa unokubona kusenzeka le nto?

Kutheni kubalulekile ukhulupha imvakalelo zabanye abantu? Bhala izivakalelo.

IVEKI YESI-5 : LWESIBINI 71



EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Umfanekiso (uyaqhubeka)

Gqibezela umfanekiso

Bonisa uze uxoxe

- Abafundi bayachaza ukuba kutheni umntu osemfanekisweni encumile.

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa iklasi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.

30 imiz



EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

- Landela inkqubo yezitishi zemisebenzi yezemiThambo ekwiphepha lesi-5.

25 imiz

KNF

iph. 51-52



LWESITHATHU



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Ukuvisa kabuhlungu

15 imiz

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Ubukhe waviswa kabuhlungu nini ngumntu? Uye wenza ntoni? Cinga ngezisombululo ezahlukileyo.
- **Ngababini:** Xelela iqabane ngamava akho.
- **Yabelanani:** Yebelana neklasi.
- Khokela abafundi ukuba bajonge iindlela ezahlukileyo zokujongana nokukhathazeka.



IZANDI

Gqibezela izivakalisi

- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwiBanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Bafunda amagama opelo ale veki kwiphepha le-122 leNYY.
- Chazela abafundi ukuba baza kuvavanywa kula magama.
- Abafundi baziqhelisa ukubhala la magama yonke imihla ekhaya.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekise umsebenzi kunye.
- Qwalaselani amagama opelo.




UKUBHALA NGESANDLA

Ukudibanisa
d, di

iph. 65

10 imiz

- Landela inkqubo yezifundo zokubhala ngesandla.
- Bhala ngokucinezela kumsebenzi wangoLwesithathu. Krwela eminye imigca yokuziqhelisa kwiincwadi zokubhalela.



UMHLA _____

Gqibezela izivakalisi ngamagama achanekileyo.

indlovu iintlanzi intlama sandla
indulamthi yinkwenkwezi

1. Uloli ubhala nge _____ sasekhohlo.

2. Umama uxave _____ eninzi.

3. Ikhwezi _____ echaza ukuba kokusa.

4. Indlovu _____ ineendlebe ezinkulu.

5. _____ sesona silwanyana side.

6. Utata uyakuthanda ukuloba _____

72 • IVEKI YESI-5 • LWESITHATHU



UKUFUNDA

Isigama nolwimi

15 imiz

Hlaziya isigama nolwimi

- Funda amagama oonotsheluzi evekhi ephelileyo.
- Abafundi bajonga umsebenzi weNYY wevekhi ephelileyo baze benze izilungiso.
- Bhala uze ulungise izivakalisi ezisuka ebalini ebhodini. Ziqhelise.

Uhlanganiso nesiNgesi

- Thetha ngendlela amagama abizwa ngayo ngesiNgesi.
- Xoxa ngendlela yokusivakalisa isivakalisi ngesiNgesi. Bhala ebhodini.
- Abafundi bakhuphela amagama nezivakalisi zesiNgesi.

proud
fabric
pattern
head-tie
bully
apologise
respect
accent
*She wore a large,
colourful head-tie.*



UKUBHALA

Ukuhlela

15 imiz

Umsebenzi wezivakalisi

- Abafundi basebenza ngezivakalisi zabo zevekhi ephelileyo.
- Chaza ikhrayitheriya yokuhlela yale veki (ezimbini okanye ezintathu).
- Abafundi bahlela ezabo izivakalisi besebenzisa le khayitheriya.

Ukufunda

- Abafundi bafundela amaqabane abo izivakalisi zabo.
- Abafundi abambalwa bafundela iklasi izivakalisi zabo.

Ingaba ndiye...
• Ndafaka iziphumlisi?
• Ndasebenzisa ixesha elichanekileyo?
• Ndasebenzisa amagama amabini achazayo?



UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

- **Ukufunda ngamaqela:** Iqela E kunye no-A
- **Umsebenzi owenza wedwa:** *Ilokhwe yase-Afrika*

iph. 73

30 imiz

UMHLA

Ilokhwe yase-Afrika

Ikarfan luhlobo lwe-lokhwe ende okanye ihempe enesitsha ngamodolo namabini. Iwekuvakala kweye ndle ka-hulu. Tunge kakulu kwimazulu esushu kuba igcina umzimba wakho upholile. Ikarfan zihaphalile kumazwe ase-Afrika, ngakuforocco. Kule mihla abantu kwilobath jikelele banibiza i-ikarfan.

Funda ucinge
Ucinga ukuba kutheni le nto abantu kwilobath jikelele banibiza i-ikarfan?

Ngokukwam/ngokuzimela
Ungathanda ukujiniba i-ikarfan? Ngoba?

UKUFUNDA WEDWA IVEKI YESI-5 - LWESITHATHU - 73



ULWAZI OLUSISISEKO

Yeka ukuxhaphaza

Funda ze uxoxe

- **Jonga amagama akwipowusta** – Ucinga ukuba ngawaphi awona afanelekileyo? Ngoba?
- **Jonga imifanekiso** – yeyiphi ipowusta engaba yeyona ilungele igumbi leklasi yethu? Ngoba?

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- Ngawaphi amagama onokuwasebenzisa kwipowusta echasene nokuxhaphaza?

Bhala

- Bhala amagama onokuwasebenzisa kwipowusta echasene nokuxhaphaza.

iph. 74

30 imiz

UMHLA

Yeka ukuxhaphaza!

YEKA UKUXHAPHAZA!

Asigonto iphucukileyo ukwenza abanye abantu bazive bebansind.

Abahlolo banobubele!

Yiba ngumhlolo ungabi ngumxhaphazi!

Cwangcisa ipowusta yokunganda ukuxhaphaza.

Iza kubhekisa kubani?

Ungasebenzisa awaphi amagama?

- Amagama abalulekileyo: _____
- Amanye amagama: _____

Ungathanda ukuzaba umfanekiso onjani kuyo? _____

74 - IVEKI YESI-5 - LWESITHATHU



EZOBUGCISA BEQONGA

Ukudlala indima

Intshayelelo

- Abafundi basebenza ngababini okanye ngamaqela.
- Bacinga ngemeko apho umntu wenzakala kuyo (umfanekiso-ngqondweni okanye okwenyani) waze omnye umntu wacela uxolo.
- Bacinga ngeyona ndlela ilungileyo yokucela uxolo.

Ukuziqhelanisa

- Isibini ngasinye/eqela ngalinye lidlala indima yemeko ethile.
- Abafundi balungiselela ukubonisa eklasini ngomso.

Titshala uyahamba-hamba apho egumbini ubakhokela.

30 imiz



EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

- Landela inkqubo yezitishi zemisebenzi yezemithambo ekwiphepha lesi-5.

25 imiz

KNF
iph. 51-52



Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa iklasi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.

LWESINE



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Ukuvisa kabuhlungu

15 imiz

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Ubukhe wavisa nini umntu kabuhlungu? Ulucele njani uxolo?
- **Ngababini:** Xelela umhlobo wakho ukuba kwenzeka ntoni.
- **Yabelanani:** Yebelana neklasi.
- Khokela abafundi ukuba bajonge iindlela ezahlukileyo zokucela uxolo.



IZANDI

Ukuziqhelanisa

15 imiz

KNF
iph. 8–13

- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwiBanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Bafunda amagama opelo ale veki kwiphepha le-122 leNYY.
- Chazela abafundi ukuba baza kuvavanywa kula magama.
- Abafundi baziqhelisa ukubhala la magama yonke imihla ekhaya.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekise umsebenzi kunye.





UKUBHALA NGESANDLA

Ukudibanisa
g, gu

iph. 65

10 imiz

- Landela inkqubo yezifundo zokubhala ngesandla.
- Bhala ngokucinezela kumsebenzi wangoLwesine. Krwela eminye imigca yokuziqhelisa kwiincwadi zokubhalela.



UKUFUNDA

Ukuziqhelanisa notyibiliko

iph. 75


15 imiz

Ukufunda ngababini

- Isibini sifunda iphepha benikana amathuba.
- Babekele ixesha ngelixa befunda (1 umz). Bhala inani lwamagama afundiweyo.
- Phinda.

Ingxelo

- Funda isicatshulwa kunye nabafundi.
- Abafundi babiyela igama abangalifundanga ngokuchanekileyo.
- Bakhuthaze ukuba baziqhelanise nokufunda emakhaya.



UKUBHALA NOTITSHALA

Ukuchaza umlinganiswa

15 imiz

KNF
iph. 38–41

- Khumbuza abantwana ngoMam' uQaqamba, into awayeyinxibile nento awayeyenza.
- Bhala kunye nabafundi imihlathi emibini enezivakalisi ezi-2–3.
 - Umhlathi 1: (imbonakalo) Unjani yaye unxiba ntoni?
 - Umhlathi 2: (imikhwa) Ubonisa njani ububele? Uthanda ukwenza ntoni?
- **Iimpawu:** Umhlathi ngamnye okwisihloko esahlukileyo, ixesha lentetho langoku eliqhubekayo, ukubamba umongo womntu ngamazwi.

UMam' uQaqamba

Umhlathi 1: UMam' uQaqamba mhle. Uthwala iqhiya ezinkulu. Uyaziqeyinta iinzipho zakhe.

Umhlathi 2: UMam' uQaqamba uyabathanda abantwana. Ubafundisa ukudanisa. Uyabavumela ukuba balinganise izihlangu zakhe.



UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

- Ukufunda ngamaqela: Iqela B kunye noC
- Umsebenzi owenza wedwa: *Umnqwazi wesiNtu*

iph. 76

30 imiz

KNF

iph. 24–27



ULWAZI OLUSISISEKO

Ukuphonononga

30 imiz

Itshathi yeYFF (NYY IPH 57)

- Buza imibuzo:
 - Sifunde ntoni kule veki? (umz. indlela yokucela uxolo, indlela yokuzimela ngokunokwakho xa uxhatshazwa)
 - Ingaba siyifumanisile into ebesifuna ukuyazi?

- Nceda abafundi babhale iimpendulo zabo kumqolo wokugqibela wetshathi.

KNF

iph. 45

Oobhontsi phezulu/oobhontsi phantsi

- Phakamisa oonotsheluzi abathathu beelwimi ezimbini zegama ngalinye, uze ubuze imibuzo.

Ukuxhaphaza

1. Xa uxhaphaza umntu ubonisa imbeko kuye.
2. Xa uxhaphaza umntu uyamkhathaza.
3. Sifanele sizimele ebantwini abasixhaphazayo.

Ukuxolisa

1. Ukuxolisa kukucela uxolo.
2. Kufuneka ucele uxolo xa ukhathaze umntu.
3. Kubonisa ukuba ubuthathaka xa ucela uxolo.

Intlonipho

1. Kufuneka uhloniphe iimvakalelo zabanye abantu.
2. Ubonisa intlonipho ngokucela uxolo xa wonile.
3. Ukuthetha izinto ezimbi kubonisa intlonipho.

Uhlanganiso nesiNgesi: umxhaphazi, ukuxolisa, intlonipho

- Abafundi basebenza ngababini baziqhelanise nokuthi uxolo ngesiNgesi.



EZOBUGCISA BEQONGA

Ukubonisa

30 imiz

Intshayelelo

- Khumbuza abafundi ukuba babe ngabaphulaphuli abalungileyo.
- Nika izibini/amaqela imizuzu embalwa bazilungiselele.

Ukubonisa

- Izibini/amaqela angavolontiya ukuba abonise.
- Nika ingxelo eyakhayo.

Bhala amanqaku ezinto oziqwalaseleyo encwadini yakho.



Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa ikhosi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.



EZEMITHAMBO

Izitimshi zemisebenzi

25 imiz

KNF

iph. 51–52



LWESIHLANU



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Ukuphonononga iveki

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Cinga ngokukhathazeka. Ubukhe wakhathazeka kule veki? Ubukhe wakhathaza omnye umntu? Ulucelile uxolo?
- **Ngababini:** Xelela iqabane lakho.
- **Yabelanani:** Yintoni esiza kuyenza ngolunye uhlobo kule veki izayo?

15 imiz



IZANDI

Ubizelo

Landela inkqubo yobizelo ekwiphepha lesi-8.

Amagama obizelo: Iintlantsi, indlulamthi**Isivakalisi sobizelo:** Utata udibene neendlovu esiya kuloba iintlanzi elwandle.

15 imiz

KNF
iph. 10

intlonti
intlama
intlekele
indlwane
indlovu
indlulamthi
indlamanzi
inkweli
inkwali
inkwenkwezi




UKUBHALA NGESANDLA

Uhlaziyo

- Landela inkqubo yezifundo zokubhala ngesandla.

iph. 65

10 imiz



UKUBHALA WEDWA

Ukuchaza umntu omaziyo

- Abafundi babhala imihlathi emibini ngomntu abamazikakuhle.
- Ingxoxo yangaphambi kokubhala: Ngubani oza kubhala ngaye? (umakhulu, utata, njl.).
 - Umhlathi 1: (inkangeleko) mde, mdala, ungwevu, ubhityile, njl.
 - Umhlathi 2: (imikhwa) uthanda ukupheka; uyandifundela, uhamba icawe, njl.
- **Khangela:** Imihlathi, izivakalisi ezipheleleyo, ixesha lentetho langoku eliqhubekayo; uqwalaselo oluneenkukacha kunye nenkcazelo.

15 imiz

KNF
iph. 38–41

Isihloko: U _____ wam
Umhlathi 1: Ukhangeleka njani? Unxibe ntoni?
Umhlathi 2: Uthanda ukwenza ntoni? Ubonisa njani ububele?



UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

- **Ukufunda ngamaqela:** Iqela D kunye no-E
- **Umsebenzi owenza wedwa:** Isiketi sesiNtu

iph. 77

30 imiz

UMHLA

Isiketi sesiNtu

Abantu bamal'onga bahala
beindawo eMantla
waMzantsi Afrika. Uga
kufuneka amal'onga
nakwamanye amazwe
ase-Afrika. Ngaphambili,
amal'onga amal'onga
ayenxaba iziketi ezakhethekileyo
yo bawentse. Iziketi zazibizwa
ngokuba ziXibeleni. Kule mihla,
amal'onga aqondile ukumba
iziketi ezine ngamaveshu
akhethileyo. Iziketi zineqepi
ezininzi ezondlelengo.
Udinga ngaphazulu kweemitha
ezi-18 ukuba uwenza isiketi
esingqo.

Phanda ufumane
Kutheni kudingeka ilaphu elikhulu xa usenza iXibeleni?

Bigela impendulo echanekelelo.
IXibeleni sasinithwa ngamal'onga amal'onga / amaZulu / amaPedi.
Iziketi zinamagquba / igqili / iziqhu amazinzi/ezininzi.
Abantu abathatha iXisonga bahala aMzantsi Afrika / aMantla
Afrika nakwamanye amazwe ase-Afrika / aZimbabwe.

UKUFUNDA WEDWA IVEKI YESI-5 • LWESIHLANU 77



UKUFUNDA

Ukuphonononga umsebenzi owenza wedwa

15 imiz

Funda uze uphendule imibuzo

- Fundela ikhosi izicatshulwa zomsebenzi owenza wedwa zale veki ngokuvakalayo. Abafundi bayalandela ezincwadini zabo.
- Emva kwesicatshulwa ngasinye, funda umbuzo/imibuzo. Nika iimpendulo, abafundi bazikorekisha ngokwabo.

Xoxani ngezicatshulwa

- Sisiphi isicatshulwa osithande kakhulu? Ngoba?
- Ngaba akhona amanqaku amatsha owafundileyo? Amagama amatsha?

Ukukorekisha

- Beka unobumba wokuqala wegama kuphela. Bhala ukuba ngubani ongakwaziyo ukufunda nokuphendula imibuzo.
- Phendula imibuzo.



ULWAZI OLUSISISEKO

Ixesha lencwadi yomsebenzi yeDBE

30 imiz

Ukujonga uze unike ingxelo

- Jongani kunye imisebenzi kwiincwadi zomsebenzi zeDBE.
- Abafundi mabenze izilungiso okanye bagqibezele imisebenzi yabo.

Gqibezela amaphepha eDBE

- Incwadi yomsebenzi yezaKhono zoBomi 1 iphepha lesi-7 limvakalelo, iphepha le-14 nele-15.
- Incwadi yomsebenzi yoLwimi lwaseKhaya 1 iphepha lama-71 nelama-97.



EZEMITHAMBO

Izithishi zemisebenzi

25 imiz

- Landela inkqubo yezithishi zemisebenzi yezemithambo ekwiphepha lesi-5.

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa ikhosi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.



UPHONONONGO LWEVEKI LUKATITSHALA

Kule veki:

- ndizithathile iiNYY**, ndenza amanqaku ngokubhala.
- ndiwajongile ndawakorekisha amanye amaphepha eNYY**, ndazibona iindawo ezifuna ukunikwa ingqwalasela okanye abafundi abafuna uncedo oluthe kratya.
- ndiphinde ndajonga Isicwangciso seVeki**, ndazibona izifundo endingazigqibanga.
- ndiyijongisisile incwadi yam**, ndaqaphela abafundi abadinga uncedo lokufundiswa bebodwa okanye ukuziqhelisa ukufunda bekunye nam kwiveki ezayo.


Ndilicwangcisele ixesha leveki ezayo:

- lokuleqa umsebenzi wekhosi** okanye nayiphi na ingxelo efunekayo.
- lokufundisa **umfundi ngamnye**, umz. xa ikhosi ixakekile, okanye phambi kokungena kwesikolo.

Ndiyijongile iveki elandelayo ukuqinisekisa ukuba ndizilungiselele, kwaye ndinako konke endiza kukudinga ukuqala iveki.

ISICWANGCISO SEVEKI YESI-6

Ukugcina umzimba wam ukhuselekile



OKUZA KWENZIWA KULE VEKI

Abafundi baza:

- Kufunda ngokubamba ngendlela elungileyo/ukubamba ngendlela engalunganga, ngubani omawumthembe kunye nokugcina umzimba wakho ukhuselekile.
- Kudlala indima baziqhelanise nokuthi hayi kwiimeko ezahlukileyo.
- Kufunda malunga nemilinganiselo kunye nembonakalo, ukusuka kwi-3D ukuya kwi-2D.
- Kufunda baqonde isakhiwo nenjongo yebali.
- Kufunda ngezixhobo zonyango eziqhelekileyo.
- Kubhala izivakalisi besebenzisa intetho-ngqo kunye neempawu zentetho.
- Kubhala imihlathi emibini babalise ngamava abo.

AMALUNGISELELO

Oonotsheluzo

Isigama solwimi	ubushushu	ithemometha	umqala	isigulana	ihlehlisiwe
	temperature	thermometer	throat	patient	postponed

Isigama sezaKhono zoBomi	ukubamba	ukuthemba	intlonipho
	touch	trust	respect

Isivakalisi

“Ndiyagula, mama. Umqala wam ubuhlungu,” watsho uPhesi.
‘I am feeling sick. My throat is sore,’ said Percy.

IZIXHOBO ZEMISEBENZI

- Iphepha nepeyinti, pensile okanye iikhrayoni.
- Izixhobo ezifunekayo kwimisebenzi ekhethiweyo yezemithambo.

UHLOLO

Qokelela iincwadi uze uzikorekise: Isigama (Lwesithathu); Izivakalisi (Iimpawu zentetho – Lwesine); Ukubhala ngesandla (Lwesihlanu)

Olungekho sesikweni: Ukufunda amagama ngexesha elibekiweyo

Imisebenzi yovavanyo olusesikweni			
Mvulo–Lwesihlanu	Ezemithambo 1: Ugqatso lweembaleki	OWENZIWAYO	NT iph 59, 61, 63, 65, 67
Mvulo	Ukuphulaphula nokuthetha 1 (ukuthetha ngamava abo)	I-ORALI	NT iph 58, 60, 62, 64, 66
Lwesihlanu	Ukubhala 1 Xa Ngexesha ndandigula (ibali elilandeelanayo, imihlathi emibini)	OWENZIWAYO	NT iph 66

Umzimba wam ngowam

USofi uneminyaka elithoba, uhlala nomama wakhe kunye nekati yabo, egama layo linguNomkhitsi. USofi uva kamnandi xa uNomkhitsi ezigudla emilenzeni yakhe, abe yena ethanda ukuphulula umqolo kaNomkhitsi ngobunono ngolu hlobo (*bonisa*). Xa uNomkhitsi engafuni ukuphululwa, ubaleka ayokutshona phantsi kwebhedi. USofi nomhlobo wakhe osenyongweni, uNolitha bayakuthanda ukubambana ngezandla xa behamba endleleni. Badla ngokujiwuzisa iingalo zabo baze bacule kunye iingoma.

Kodwa okwedlula konke oku, yindlela uSofi akuthanda ngayo ukuziqhusheka kunina xa bebukele umabonakude ngokuhlwa. Uziqhusheka kumama wakhe aze umama amphulule iinwele okanye ingalo. Kodwa umama wakhe wamxelele okokuba, *"Kukho ukubamba ngendlela elungileyo nokubamba ngendlela engalunganga, Sofi. Hlala ukhumbula ukuba umzimba wakho ngowakho. Ungathi HAYI ukuba kukho into ongayithandiyo. Nguwe ophethe umzimba wakho."* USofi usoloko eyigcina into ethethwa ngumama wakhe.



ajonge. Ngoko wathi ngelizwi eliphezulu, *"Hayi, andiyithandi loo nto,"* waza waphakamisa izandla zakhe. Wakhumbula into awayeyixelelwa ngumama wakhe.

Amakhwenkwe amangaliswa. Akhangeleka eneentloni xa wayekhwaza. Umalume uPhindile, umqhubi weteksi waxelela amakhwenkwe ukuba kwiteksi yakhe wonke umntu uhloniphekile. NoSofi wabona ukuba la makhwenkwe ayayihlonela loo nto. Njengoko yayihamba iteksi, waqwalasela ukuba la makhwenkwe athe cwaka. Kwathi xa amanye amakhwenkwe amabini eqalisa ukuqhula bebethana, inkwenkwana enkulu yathi, *"Yekani loo nto nina ..."* baza bayeka.

USofi waxelela umama wakhe ukuba kwenzeke ntoni etekisini. Umama wakhe wamxelela ukuba xa eziva engakhululekanga ngento ethile, abokuxelela umalume uPhindile okanye utitshala wakhe. Kodwa umama wakhe wathi uyayithanda into yokuba uSofi emthembile, kwaye engenamfihlo kuye.

USofi uyamthanda umama wakhe, uNolitha kunye noNomkhitsi wakhe. Uyamthemba utitshala wakhe kunye nomalume uPhindile. Kwaye uzama kangangoko ukuhlonipha wonke umntu adibana naye.

Ufana njani wena noSofi?





UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA UHLOLO 1

Qhelanisa neveki ezayo
(iziganeko, injongo yokufunda.
njl.).

Cacisa umsebenzi wovavanyo olusesikweni 1: Xa ndandigula

- Umfundi ngamnye uza kuchaza ngexesha wayegula/wenzakala ngalo.

Ngexesha ndandigula

- Xela ukuba kwenzeka ntoni kwaye waye wabangcono njani.
- Bonisa ngokuthetha ngexesha owawugula ngalo.
- Uvavanyo lugala ngomso.

Lungiselela

- Izibini zixoxa ngoko baza kuthetha ngako.

15 imiz



Ukukorekisha:
Jonga iphepha 107
Amangaku: 10



IZANDI

Khangela amagama

- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwiBanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Bafunda amagama opelo ale veki kwiphepha le-122 leNYY.
- Chazela abafundi ukuba baza kuvavanywa kula magama.
- Abafundi baziqhelisa ukubhala la magama yonke imihla ekhaya.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekise umsebenzi kunye.



UKUBHALA NGESANDLA

Ukudibanisa ℓ , la

- Landela inkqubo yezifundo zokubhala ngesandla.
- Bhala ngokucinezela kumsebenzi wangoMvulo. Krwela eminye imigca yokuziqhelisa kwiincwadi zokubhalela.

iph. 87

12 imiz

KNF
iph. 8-13



UMLHA

Khangela the mogama angezantsi.

igwada

ingemahza
ingwiza

igwile
ingwenye

ingwane

a	a	s	i	n	g	w	a	m	z	a	i
g	q	j	p	y	w	i	i	b	n	p	g
i	f	d	f	i	g	w	a	d	a	g	h
w	e	m	r	j	b	c	g	r	k	c	f
e	c	y	i	n	g	w	e	n	y	a	o
l	a	x	m	q	w	c	u	s	a	a	s
e	a	c	i	g	w	i	n	y	a	h	k
y	j	i	n	g	w	a	n	e	c	s	v

Khetha amagama amathethu uze ubhale izivakalisi
esifutshane ngegama ngalinye.

1. _____
2. _____
3. _____

iph. 86

10 imiz

KNF
iph. 31-37

Ukubhala ngesandla

Ziqhelise aba nobumba kwincwadi yakho
yokubhalela ngasuku ngalunge.



	x	l	h	b	k
X	x	x	x	x	x
L	la	la	la	la	la
H	h	h	h	h	h
HI	hi	hi	hi	hi	hi
B	b	b	b	b	b
NB	nb	nb	nb	nb	nb
K	k	k	k	k	k
KL	kl	kl	kl	kl	kl
X	x	x	x	x	x
L	la	la	la	la	la
H	h	h	h	h	h
HI	hi	hi	hi	hi	hi
B	b	b	b	b	b
NB	nb	nb	nb	nb	nb
K	k	k	k	k	k
KL	kl	kl	kl	kl	kl



UKUFUNDA

Utitshala ufunda ngokuvakalayo

Phambi kokufunda

- Yazisa isihloko **sokubamba**:
 - Yintoni othanda ukuyibamba (iingubo, uboya)? Ingaba ukhona umntu othanda ukumanga (umninawa wakho omncinci, umama,inja)?
- Nika injongo yokumamela: Mamela ufumanise ukuba waziva njani uSofi ngexesha inkwenkwe yayoyame ngaye etekisini.

Fundela abafundi ibali

Emva kokufunda

- Jonga ukuqonda:
 - USofi waxelelwa ntoni ngumama wakhe?
 - Ufunde ntoni ebalini?

NT
iph. 57

15 imiz



ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO

- Fundisa isifundo esisuka kwinkqubo yoLwimi lokuQala oloNgezelelweyo.

15 imiz





UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

- **Ukufunda ngamaqela:** Iqela A kunye noB
- **Umsebenzi owenza wedwa:** Izivakalisi

iph. 88

30 imiz

KNF

iph. 28-30

UMHLA

Funda izivakalisi

Imuncu le ntlama, igwele lininzi.

Ingwenya sisilwanyana esihlala emanzini nasemhlabeni.

Ingwane ihlala emanzini kwaye inemilenze emininzi.

Musa ukugalela isepha eninzi, uza kuxakana nagwebu.

Abazingeli bavele phambi komgwebi.

? Ngobani abavele phambi komgwebi?

88 • IVEKI YESI-6 • MVULO

UKUFUNDA WEDWA



ULWAZI OLUSISISEKO

Funda umfanekiso 1 uze uxoxe

- Uthembe bani uSofi?
- Waxelelwa ntoni ngumama wakhe?

Funda umfanekiso 2 uze uxoxe

- Kwakutheni ukuze uSofi azive engakhululekanga?
- Waye wathini?

Umzimba wam ngowam

Funda umfanekiso 3 uze uxoxe

- Ngubani owafundisa amakhwenkwe amakhulu ngentlonipho?
- Bamhlonipha njani uSofi, kwaye bahloniphana njani?

Ukubhala Gqibezela umsebenzi okwiNYY uwedwa.

iph. 89

30 imiz

UMHLA

Umzimba wam ngowam

Ukubamba ngendlela elungileyo

Hayi! Andikhandi oo ofo

Ukubamba ngendlela elungileyo

Khumbul' Umzimba wam ngowam

Umzimba wam ngowam

90 • IVEKI YESI-6 • MVULO



EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Fundisa malunga nembono

- Jonga imbonakalo yesikolo – yintoni **ekwindawo engaphambili**, yintoni **ekwindawo engasemva**?
- Ingaba izinto ezikude zibonakala zilingana nezikufuphi?
- Amagcisa asebenzisa **imbono** ukubonisa ukuba ezinye izinto zikude nokuba ezinye zisondele.
- Kumzobo izinto **zibonakala zikude xa:**
 - zincinci kakhulu
 - ineendawo ezigqunyiweyo/ingasemva kwenye

Umboniso wobugcisa: Imbono

- iphezulu ephepheni
- ungqaliseko luncinci/umbala ongacacanga kakhulu

Xoxa

- Jonga umfanekiso okwiNYY: Zeziphi iindawo zomfanekiso ezibonakala zikufutshane? Ngoba? (*izinto ezigqumeneyo nezingaphambili; izinto ezinkulu ezisemazantsi ephepha*)
- Gqibezela umsebenzi okwiNYY.

iph. 90

30 imiz

UMHLA

Imbono

Lebelisha umfanekiso ngala magama.

Maggie Laubser, Basutoland Hills

ngaphambili ngasemva phakathi ukubona

90 • IVEKI YESI-6 • MVULO



EZEMITHAMBO UHLOLO 1

Ugqatso lweembaleki

25 imiz

Vavanya ukuthatha inxaxheba kwiintlobo ezintlanu zogqatso lweembaleki kule veki. Cwangcisa ukhuphiswano olunye kula alandelayo kusuku ngalunye kule veki, kwaye uvumele amaqela abafundi ukuba akhuphisane. Qwalasela isantya, umgama kunye nobude. Nika amanqaku ekupheleni kweveki.

- Ugqatso lwerilayi
- Ugqatso lokubaleka umgama omfutshane
- Ugqatso olungaqhelekanga (umzekelo, ugqatso lwekiriva/ugqatso lweengxowa/ugqatso lokubaleka ngomva)
- Ukutsiba umtsi omde
- Ukutsiba umtsi ophezulu

Ukukorekisha:

Jonga iphepha 115
Amanqaku: 5



LWESIBINI



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA UHLOLO 1

Ukubonisa

- Vumela abanye babafundi abazithembileyo ukuba babonise kuqala.
- Ikasi ingabaphulaphuli.

Ngexesha ndandigula
(Iyaqhubeka)

15 imiz

Ukukorekisha:

Jonga iphepha 107
Amanqaku: 10



IZANDI


Ukuziqhelanisa

- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwiBanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Bafunda amagama opelo ale veki kwiphepha le-122 leNYY.
- Chazela abafundi ukuba baza kuvavanywa kula magama.
- Abafundi baziqhelisa ukubhala la magama yonke imihla ekhaya.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekise umsebenzi kunye.

iph. 91

12 imiz

KNF
iph. 8-13




UKUBHALA NGESANDLA

Ukudibanisa h, hi

iph. 86

10 imiz

- Landela inkqubo yezifundo zokubhala ngesandla.
- Bhala ngokucinezela kumsebenzi wangoLwesibini. Krwela eminye imigca yokuziqhelisa kwiincwadi zokubhalela.



UKUFUNDA NOTITSHALA

Phambi kokufunda

- Funda nize nixoxe ngokufutshane ngesihloko nomzobo wokuqala. Wazi ntoni ngeli bali phambi kokuba siqale ukulifunda? Ucinga ukuba uPhesi uza kufunda siphil isifundo? (Oku kusebenzisa isakhono soqikelelo.)
- Nika injongo yokufunda: Makhe sifunde ukuze sifumanise ukuba sithini isifundo esiza kufundwa nguPhesi.

Ukufunda notitshala

- Funda ibali kunye nabafundi.

Ingqiqo

- Yima emva kwephepha ngalinye ubuze: Ucinga ukuba kuza kwenzeka ntoni futhi? (uqikelelo)


Emva kokufunda

Ufunde esiphi isifundo uPhesi?

- Ngqamanisa nesigama: *umqala, ubushushu, ithemometha, isigulana, ihlehliwiwe*
- Ngqamelanisa nezicatshulwa zokubhala wedwa zale veki: Kule veki sifunda banzi malunga nezixhobo ezisetyenziswa ngoogqirha.

iph. 79-84

15 imiz



UKUBHALA

Ingqiqo

Funde ze nixoxe ngemibuzo

- Hlaziya ifomathi yokukhetha impendulo echanekileyo.
- Funda imibuzo yomsebenzi othi, **Funda ucinge**. Xoxani ngeempendulo (Iimpendulo azikho kwindawo enye).
- Funda umbuzo wokugqibela, oza kufuna isivakalisi.

Bhala


- Gqibezela umsebenzi okwiNYY.

Jonga uze ukorekise

- Abafundi baza kuzikorekisha ngoLwesibini weveki ezayo.

iph. 85

15 imiz






UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

- Ukufunda ngamaqela: Iqela C kunye noD
- Umsebenzi owenza wedwa: *Isthethoskopu*

iph. 92

30 imiz

NY
iph. 24-27



ULWAZI OLUSISISEKO

Ukuthemba

Yazisa umxholo


- Ngamanye amaxesha kuba nzima ukwazi ukuba ngubani omawumthembe.
- Isenokungabi ngulo mntu unxibe kakuhle.
- Isenokungabi ngumntu oqhele ukumbona.

Funda uze uxoxe

- Jonga imifanekiso emithandathu.
- Yeyiphi ekhuselekileyo kuSofi?

iph. 93

30 imiz



EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Umfanekiso wembonakalo-mhlaba

30 imiz

Intshayelelo: Umfanekiso wembonakalo-mhlaba ngumfanekiso wembonakalo yendalo.

Cacisa umsebenzi


- Umsebenzi kukuzoba okanye ukupeyinta le ndawo, ubonisa imbono ngeendlela ezi-3 ezahlukileyo ubuncinane.
- Sebenzisa iphepha **ngokobume bembonakalo-mhlaba** (ngokuthe tyaba), uze ugcwalise iphepha.
- Lo msebenzi uza kuvavanywa.

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- Vala amehlo ucinge ngendawo (inokuba yeyokwenyani okanye ozakhele nje engqondweni). Leliphi ixesha lonyaka, leliphi ixesha lemini kunye nemozulu?

- Yenza uluhlu lwezinto ezili-10 onokuzibandakanya kumfanekiso wembonakalo-mhlaba (*intlobo ngeentlobo zemithi; imilambo, amachibi, iilwandle, iingxangxasi, njl.; iintaba; izigqumi mhlaba ezifana nengca, amatye, isanti, izilwanyana, izikhephe, iingcingo, izindlu, iibhulorho, njl.; imozulu, isibhakabhaka kunye namafu*)
- Uza kubonisa njani ukuba ezinye izinto zikude kunezinye?

Yigcine kwindawo ekhuselekileyo iza kugqityezelwa kwiveki ezayo.



EZEMITHAMBO UHLOLO 1

Ugqatso lweembaleki

25 imiz

Vavanya ukuthatha inxaxheba kwiintlobo ezintlanu zogqatso lweembaleki kule veki.

Ukukorekisha:
Jonga iphepha 115
Amanqaku: 5



LWESITHATHU



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA UHLOLO 1

Ukubonisa

- Qhubekeka nemiboniso.
- Ikasi ingabaphulaphuli.

Ngexesha ndandigula
(Iyaqhubeka)

15 imiz

Ukukorekisha:

Jonga iphepha 107

Amanqaku: 10



IZANDI


Bhala izivakalisi

- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwiBanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Bafunda amagama opelo ale veki kwiphepha le-122 leNYY.
- Chazela abafundi ukuba baza kuvavanywa kula magama.
- Abafundi baziqhelisa ukubhala la magama yonke imihla ekhaya.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekise umsebenzi kunye.
- Emva koko, abantwana bangafundela iqabane okanye ikasi izivakalisi zabo.

15 imiz

KNF

iph. 8-13




UKUBHALA NGESANDLA

Ukudibanisa
b, hb

iph. 86

10 imiz

- Landela inkqubo yezifundo zokubhala ngesandla.
- Bhala ngokucinezela kumsebenzi wangoLwesithathu. Krwela eminye imigca yokuziqhelisa kwiincwadi zokubhalela.



UKUFUNDA NOTITSHALA

Isigama

- Bonisa uze ufunde isigama seveki ebhodini okanye koonotsheluzi:

umqala

ubushushu

ithemometha

isigulana

ihlehlisiwe

Ukufunda notitshala

- Funda isicatshulwa sonke kunye nabafundi. Yimani xa nidibana nesigama.
- **Ukukhangela amagama:** Njengoko nifunda, abafundi bajonga amagama esigama kwisicatshulwa esikwiNYY. Bakrwela umgca ngaphantsi kwegama okanye babiyele igama ngalinye.
- Xoxani ngentsingiselo yegama kumxholo webali.

Abafundi bacwangcisa oonotsheluzi ngokulandelelana kwe-alfabhethi.

iph. 79-84

15 imiz



Uitshakazi Hagu wathi kubafundi bakhe: "Kuzo kubakho uvavanyo lwesibini ngomso." UPhesi wengxayela, ecinga ukuba akasokuze aluphumelele uvavanyo. Ngoko wenza icebo. Ukuphuma kwesibini, wathenga iliplop ebomvu.

IVEKI YESI-6 • 74



UKUBHALA

Isigama

IOrali

- Funda imisebenzi ekwiNYY ngokuvakalayo.


Bhala

- Gqibezela imisebenzi yokubhala kwiNYY. Jonga uze ukorekise.
- Abafundi bakhuphela amagama oonotsheluzi amahlanu kwizichazi-magama zabo.

Xhoma oonotsheluzi besigama kudonga lwamagama.

iph. 94

15 imiz



Isigama

Gqibezela isivakalisi ngasinye usebenzise elinye lamagama.

Isigulana	nobushushu
Umqala	ihlehlisiwe
Ithemometha	

1. ezifubeni sakho: wakho usuka eminyeni uye
2. Xa unomkhuhlane uba abuphazulu.
3. ngumntu ogulayo.
4. Intlanganisela kuba uyagula.
5. Intlanganisela ubushushu.

Bhala amagama ...
agala ngo-gw-
anamalungu amathathu:

94 • IVEKI YESI-6 • LWESITHATHU



UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

- Ukufunda ngamaqela: iqela E kunye no-A
- Umsebenzi owenza wedwa: *Ithemometha*

iph. 95

30 imiz

KNF

iph. 24-27

UMHLA

Ithemometha

Ithemometha yimithetho yomzimba. Ithemometha yomzimba yenza ukuba ukhanya ukuba umzimba uqheke. Ithemometha yomzimba yenza ukuba ukhanya ukuba umzimba uqheke.

Phanda ufumane

Laluphi uhlobo lwethemometha?

- olunetshushu yegasi?
- olunesikini?

Ngokukakwam/ngokuzimela

Laluphi uhlobo lwethemometha owakhe walubona?

UKUFUNDA WEDWA IVEKI YESI-6 - LWESITHATHU - 95



ULWAZI OLUSISISEKO

Intlonipho

Yazisa umxholo

- Xa sisithi umzimba wam ngowam, oko kuthetha ukuba siyayihlonipha imizimba yethu. Asizenzakalisi, siyayikhathalela imizimba yethu.
- Kufuneka siyihloniphe imizimba yabanye abantu ngokunjalo.

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- Yeyiphi imifanekiso ebonisa intlonipho? Cacisa.

iph. 96

30 imiz

UMHLA

Intlonipho

Phawula imifanekiso ebonisa abantu abantlonipho kwebanye abantu.

96 - IVEKI YESI-6 - LWESITHATHU



EZOBUGCISA BEQONGA

Ukudlala indima

30 imiz

Intshayelelo

- Xoxa ngendlela yokuthi hayi kwiimeko ezingakhuselekanga usebenzisa amagama (hayi), ilizwi (khwaza, eligqingqwa), umzimba (indlela yokuqheshwa, ukuma ngokuzithemba), izijekulo (ukunikina intloko, uphawu uhayi) kunye neembonakalo (ungancumi, ubuso obucaphukayo).
- Iklasi iziqhelanisa noku.

Umsebenzi

- Xoxa ngeemeko zokwenene apho umntwana unokungakhuseleki, kwaye kufuneka athi hayi, umz.
 - Ummelwane ucela umntwana ukuba eze endlwini yakhe esazi ukuba umntwana uyedwa.
 - Isihlobo esiphantsi kwempembelelo zotywala simema umntwana ukuba akhwele naso emotweni.
- Izibini zibe nomfanekiso-ngqondweni wemeko kunye nokulinganisa ukucela into ethile nokuthi hayi.
- Batshintshana ngeendima.
- Khetha imidlalo ebalaseleyo ukuze balinganisele iklasi ngomso.



EZEMITHAMBO UHLOLO 1

Ugqatso lweembaleki

25 imiz

Vavanya ukuthatha inxaxheba kwiintlobo ezintlanu zogqatso lweembaleki kule veki.

Ukukorekisha:

Jonga iphepha 115
Amanqaku: 5



LWESINE



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA UHLOLO 1

Ukubonosa

- Qhubekeka nemiboniso.
- Iklassi ingabaphulaphuli.

Ngexesha ndandigula
(Iyaqhubeka)

15 imiz

Ukukorekisha:

Jonga iphepha 107
Amanqaku: 10



IZANDI

Ukuziqhelanisa

- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwiBanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Bafunda amagama opelo ale veki kwiphepha le-122 leNYY.
- Chazela abafundi ukuba baza kuvavanywa kula magama.
- Abafundi baziqhelisa ukubhala la magama yonke imihla ekhaya.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekise umsebenzi kunye.

iph. 97

12 imiz

KNF

iph. 8-13

UMHLA

Gqibezela izivakalisi ngamagama achanekileyo.

Ingwe Ingwenya Ingwamza
ugwebu Igwele ligwala

- 1 USipho akathandi ukulwa kuba _____ aluninzi.
- 2 Xa ugalela isepha eninzi amanzi kubakho _____ yintaka ethandekayo.
- 3 _____ sisikwanya esihlala emanzini.
- 4 _____ inesikhumba esimabalaba.
- 5 _____ yenye gezithako zokwenza intlama yokubhaka isonka.

IVEKI YESI-6 • LWESINE • 47




UKUBHALA NGESANDLA

Ukudibanisa *k, kl*

- Landela inkqubo yezifundo zokubhala ngesandla.
- Bhala ngokucinezela kumsebenzi wangoLwesine. Krwela eminye imigca yokuziqhelisa kwiincwadi zokubhalela.

iph. 86

10 imiz



UKUFUNDA NOTITSHALA

Ulwimi

15 imiz

Yazisa isivakalisi

- Bhala isivakalisi ebhodini.
- Funda isivakalisi ngokucotha kunye nabafundi.
- Abafundi bafumana isivakalisi kwisicatshulwa esikwiphepha lama-91.
- Bayakrwela umgca ngaphantsi okanye bafake umbala isivakalisi.

Sebenza ngezivakalisi

- Chonga iimpawu zokubhala (unobumba omkhulu, isiphumlisi, isingxi, **iimpawu zentetho**).
- Krwela umgca ngaphantsi okanye ufake umbala amagama abiziweyo. (Amagama aphakathi kwiimpawu zentetho.)
- Ngombala owahlukileyo, krwela umgca ngaphantsi kwegama elisixelela ukuba oku kwenzeka kwixesha elidlulileyo? (*watsho*)

“Ndiyagula, mama. Umqala wam ubuhlungu,” watsho uPhesi.



UKUBHALA

Ulwimi

Bhala

- Phindani nakhe isivakalisi kunye.
- Bonisa indlela yokusebenzisa isivakalisi njengepatheni. Umzekelo: “Ndiyagula/ndidiniwe/ndinesicaphucaphu, njl. Imilenze yam/isisu/iingalo/intloko ibuhlungu/sibuhlungu/zibuhlungu/ziyaqaqamba.”

Bhala

- Gqibezela iphepha leNYY.

Fundela iqabane isivakalisi sakho uze ujonge ukwakheka kwesivakalisi esichanekileyo.

15 imiz

Ndiziva ndidiniwe.

Imilenze yam ibuhlungu.



UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

- Ukufunda ngamaqela: Iqela B kunye noC
- Umsebenzi owenza wedwa: I-othoskopu

iph. 98

30 imiz

KNF
iph. 24-27



ULWAZI OLUSISISEKO

Ukuphonononga umxholo

30 imiz

Ingxoxo yeklasi

- Hlaziya umxholo wokubamba ngendlela elungileyo nangendlela engalunganga.

Oobhontsi phezulu/oobhontsi phantsi

- Phakamisa oonotsheluzi abathathu beelwimi ezimbini zegama ngalinye, uze ubuze imibuzo.

Ukubamba ngendlela elungileyo

1. Ukubamba ngendlela elungileyo kukwenza uzive wonwabile.
2. Ukubamba ngendlela elungileyo kukwenza uzive ungakhululekanga.
3. Ukubamba ngendlela elungileyo kungakwenzakalisa.

Ukuthemba

1. Uziva ukhuselekile xa unabantu obathembileyo.
2. Uneemfihlo kubantu obathembileyo.
3. Xa uthemba umntu intliziyo yakho ibetha ngamandla, kwaye nezandla zakho ziyabala.

Intlonipho

1. Uyawuhlonipha umzimba wakho ngoko uyawukhusela.
2. Uyayihlonipha imizimba yabanye ngokubatswikila.
3. Uyayihlonipha imizimba yabanye ngokubaxhaphaza.

Uhlanganiso nesiNgesi: ukubamba (*touch*), ukuthemba (*trust*), intlonipho (*respect*)



EZOBUGCISA BEQONGA

Ukudlala indima

30 imiz

Intshayelelo

- Buyela kwiimeko ebeniziqhelanise nazo izolo.

Umsebenzi

- Vumela abanye abafundi balinganisele iklasi.
- Xoxa ngemeko nganye kunye nendlela umfundi athe hayi ngayo ngqongqo.



Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa iklasi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.



EZEMITHAMBO UHLOLO 1

Ugqatso lweembaleki

25 imiz

Vavanya ukuthatha inxaxheba kwiintlobo ezintlanu zogqatso lweembaleki kule veki.

Ukukorekisha:

Jonga iphepha 136
Amanqaku: 5

LWESIHLANU


**UKUPHULAPHULA
NOKUTHETHA UHLOLO 1**
Ukubonisa

- Qhubekeka nemiboniso.
- Ikasi ingabaphulaphuli.

**Ngexesha ndandigula
(Iyaqhubeka)**
15 imiz
Ukukorekisha:

 Jonga iphepha 107
Amanqaku: 10

IZANDI
**Ukufunda amagama ngexesha
elibekiweyo**

- Landela inkqubo yokufunda amagama ngexesha elibekiweyo.

iph. 99
12 imiz
KNF
iph. 16

UMHLA

Ukufunda amagama ngexesha elibekiweyo.

Funda la magama neqabane lakho.
Phawulani amagama aningawaziyo ukufunda.
Fundani amagama eningawaziyo.


phatha	umva	ujingi	igusha	phakama
amagama	nguye	uyoyika	ngoko	ifoto
bhaka	dlula	ipilisi	imbewu	idolo
ingaba	mhle	yima	jikeleza	ibali
ingxolo	xuba	igolide	lumka	yakha
ifowuni	umvundla	igogogo	qhekeza	linda
vula	ubhuti	ayeke	qhuba	luma
vala	ngomiso	azama	ufuna	xhuma

Ngoku funda ngomizuzu amnye. Mangaphi amagama awafundileyo?
Amagama awafunda ngokuchanekileyo.
Zama ukwenza ngaphazulu kwenqaku lakho lokuqala.

IVEKI YESI-6 • LWESIHLANU


UKUBHALA NGESANDLA
Uhlaziyo

- Landela inkqubo yezifundo zokubhala ngesandla.
- Bhala ngokucinezela kumsebenzi wangoLwesihlanu. Krwela eminye imigca yokuziqhelisa kwiincwadi zokubhalela.

iph. 86
10 imiz

UKUBHALA UHLOLO 1
Ngexesha ndandigula
15 imiz

- Abafundi babhala imihlathi emibini, umhlathi ngamnye ube nezivakalisi ezi-2-3.
- Ingxoxo yangaphambi kokubhala: Uza kubhala ngantoni?

Khangela: Inkcazo ngeemvakalelo, isigama esiphangaleleyo, ixesha elidlulileyo, njl. (jonga ukukorekisha).

Ukukorekisha:

 Jonga iphepha 111
Amanqaku: 10
**Isihloko:
Ngexesha
ndandigula**
Umhlathi 1:
 Wawuziva njani?

Umhlathi 2:
 Kwenzeka ntoni?
 Wabangcono njani/
 Yintoni eyakwenza
 waziva ngcono?

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

- **Ukufunda ngamaqela:** Iqela D kunye no-E
- **Umsebenzi owenza wedwa:** *Itshati yamehlo*

iph. 100
30 imiz
KNF
iph. 24-27

UMHLA

Itshathi yamehlo

Ngoku mino kungadingeka ukuba uqongwe amehlo. Uqinisa uza kuba nezithathi ezifundisa uqinisa. Iza kuba noombumba, amehlo kunye neemilo kuyo. Uqinisa kufuneka afumanise ukuba ubona izinto ngcono xa zikhula okanye xa zikhutshane no. Ukuba sidinga iindondo zamahla, uqinisa uza kusebenzisa isixhobo ukufumanisa ukuba kudingeka ziphi ilina kwiindondo zakho zamahla.

E P

Ngokukwam/ngokuzimela

Zizobe unxibe iindondo zamahla ezikhethekileyo.

100 • IVEKI YESI-6 • LWESIHLANU **UKUFUNDA WEDWA**



UKUFUNDA

Ukuphonononga

15 imiz

Funda uze uphendule imibuzo


- Fundela ikhosi izicatshulwa **zomSebenzi Owenza Wedwa** ngokuvakalayo. Abafundi bayalandela ezincwadini zabo.
- Emva kwesicatshulwa ngasinye, funda umbuzo/imibuzo. Banike iimpendulo, abafundi bayazikorekisha imisebenzi yabo.

Xoxani ngezi-catshulwa

- Sesiphi isicatshulwa osithande kakhulu? Ngoba?
- Ingaba lukhona ulwazi olutsha olufundileyo? Amagama amatsha?

Ukukorekisha

- Beka unobumba wokuqala wegama kuphela. Bhala ukuba ngubani ongakwaziyo ukufunda nokuphendula imibuzo.



ULWAZI OLUSISISEKO

Ixesha lencwadi yomsebenzi yeDBE

Ukujonga uze unike ingxelo

- Jongani kunye imisebenzi kwincwadi yomsebenzi yeDBE.
- Abafundi mabenze izilungiso okanye bagqibezele imisebenzi yabo.

Gqibezela amaphepha eDBE

- Incwadi yomsebenzi yezaKhono zoBomi 1, iphepha le-18 nelama-20.
- Incwadi yomsebenzi yoLwimi lwaseKhaya 1, iphepha lama-79 nelama-99.

30 imiz




EZEMITHAMBO UHLOLO 1

Ugqatso lweembaleki

25 imiz

Vavanya ukuthatha inxaxheba kwiintlobo ezintlanu zogqatso lweembaleki kule veki.

Ukukorekisha:
Jonga iphepha 115
Amanqaku: 5



UPHONONONGO LWEVEKI LUKATITSHALA

Kule veki:

- ndizithathile iiNYY**, ndenza amanqaku ngokubhala.
- ndiwajongile ndawakorekisha amanye amaphepha eNYY**, ndazibona iindawo ezifuna ukunikwa ingqwalasela okanye abafundi abafuna uncedo oluthe kratya.
- ndiphinde ndajonga Isicwangciso seVeki**, ndazibona izifundo endingazigqibanga.
- ndiyijongisile incwadi yam**, ndaqaphela abafundi abadinga uncedo lokufundiswa bebodwa okanye ukuziqhelisa ukufunda bekunye nam kwiveki ezayo.

Ndilicwangcisele ixesha leveki ezayo:

- lokuleqa umsebenzi wekhosi** okanye nayiphi na ingxelo efunekayo.
- lokufundisa **umfundi ngamnye**, umz. xa ikhosi ixakekile, okanye phambi kokungena kwesikolo.

Ndiyijongile iveki elandelayo ukuqinisekisa ukuba ndizilungiselele, kwaye ndinako konke endiza kukudinga ukuqala iveki.

ISICWANGCISO SEVEKI YESI-7

Ukugcina umzimba wam ukhuselekile



OKUZA KWENZIWA KULE VEKI

Abafundi baza:

- Kuqonda umba woncedo lokuqala ngokujonga ibali lemifanekiso.
- Kumamela intsomi bachonge injongo yebali.
- Kuyila baze benze iqela lomculo elisekelwe kwingoma yaseMzantsi Afrika.
- Kufunda intsomi eyahlulwe ngokwezahluko, besebenzisa izakhono zoqikelelo.
- Kubhala imihlathi emibini, ngamaxesha entetho amabini ahlukileyo, malunga nabo.
- Kuthatha inxaxheba kwisifubdo sokufunda ngamaqela kumaqela abo asisigxina kwikota yoku-1.

AMALUNGISELELO

Oonotsheluzi

Isigama solwimi	ubushushu	ithemometha	umqala	isigulana	ihlehlisiwe
	temperature	thermometer	throat	patient	postponed
Isigama sezaKhono zoBomi	ukuzola	ukuxolisa	umxhaphazi		
	calm	apologise	bully		

Isivakalisi

"Ndiyagula, mama. Umqala wam ubuhlungu," watsho uPhesi.
'I am feeling sick. My throat is sore,' said Percy.

IZIXHOBO ZEMISEBENZI

- Iphepha nepeyinti, pensile okanye iikhrayoni
- Izixhobo ezifunekayo ukwenza imisebenzi ekhethiweyo yezemiThambo

UHLULO

Qokelela iincwadi uze uzikorekische: Umsebenzi wesigama nolwimi (Lwesithathu)

Olungekho sesikweni: Ubizelo (Lwesihlanu), Ukuziqhelanisa notyibiliko (Lwesine)

Imisebenzi yovavanyo olusesikweni			
Mvulo	ULwazi olusiSiseko 1: Izivakalisi zoncedo lokuqala	NY Y iph 119	NT iph 71
Lwesibini	UkuPhulaphula nokuThetha 2: Ukumamela ngengqiqo	NY Y iph 116	NT iph 73
Lwesibini	ULwazi olusiSiseko 2: Ulandelelwano lwexesha	NY Y iph 120	NT iph 73
Lwesibini	EzobuGcisa obuBonwayo 1: Umfanekiso wembonakalo-mhlaba	OWENZIWAYO	NT iph 73
Lwesithathu	ULwazi olusiSiseko 3: Isigama	NY Y iph 121	NT iph 75
Lwesine	EzobuGcisa beQonga 1: Umlinganiso wamaqela womculo	OWENZIWAYO	NT iph 77
Lwesihlanu	Ukubhala 2: Ubomi bam ukuzokuthi ga ngoku	OWENZIWAYO	NT iph 78
Lwesihlanu	Izandi 1: Ubizelo	INCWADI YOKUBHALELA	NT iph 78

Ingonyama neenkunzi zenkomo ezine

Kwaye kukho uNgonyama owayekrelekrele, emdala ehlala ehlathini. Wayelambile kuba zonke iimbabala zaziye kwenye indawo, ziyokufuna amanzi wabe yena uNgonyama ekhangela into esiwa phantsi kwempumlo. Wahamba wahamba de waya kufika kwintsimi yomfama. Yayibiyelwe ngocingo. Kwakukho iinkunzi zenkomo ezine ezityebileyo ngaphakathi. Nanko uNgonyama ebona isikroba ecingweni. Wayesazi ukuba angangena edlelweni. Wavuzwa izingcwe akucinga ngokutya okunencasa.

Kodwa iinkunzi ezine zazihlala zingungene imini yonke, xa zisitya ingca. Umfama wayezixelele ukuba mazisoloko zihleli kunye ngoba kwakukho ingozi.

UNgonyama wayesazi ukuba angekhe akwazi ukulwa neenkunzi ezine. Xa iinkunzi zine loo nto ithetha iimpondo ezisibhozo ezibukhali kunye neempuphu ezomeleleyo ezili-16.

Kodwa uNgonyama waba necebo. Ebusuku waphosa ingca emnandi esazulwini sedlelo. Ngengomso, iinkunzi zenkomo zavuka zabona ingca emnandi. Endaweni yokwabelana ngayo ngokufanelekileyo, zaya zayitya ngokukhawuleza kangangoko zinako, zatyhalana zigxalathelana zifuna ngakumbi.

Yathi yakuba iphelile, iinkomo zazala ngumsindo. Zazicinga ukuba zikhona apho kuzo eziye zafumana ngakumbi kwingca emnandi. Zaba noxambuliswano olubi. Zawalibala amazwi omfama, zaza zohlukana. Iyileyo naleyo yaya kwimbombo eyahlukileyo yedlelo.

UNgonyama wazibona kwiindawo ezahlukeneyo zedlelo. Kwaba lula kuye ukuphutshuluka ecingweni ukuya kubamba eyona ikufutshane inkunzi yenkomo.

Yaba yimini yesidlo esikhulu kuNgonyama. Iinkunzi zenkomo zafunda isifundo sokuba kungcono ukuba nihlale nihlangene.



MVULO



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Iindaba


15 imiz

Cinga, Ngababini, yabelanani

- **Cinga:** Ingaba unazo iindaba ezikhethekileyo? Ubusenza ntoni ngempela-veki?
- **Ngababini:** Xelela iqabane lakho iindaba zakho. Phendulanani ngobubele.
- **Yabelanani:**
 - Abafundi abambalwa babelana neklasi ngeendaba zabo.

- Qinisekisa ukuba bonke abafundi bafumana ithuba kwikota nganye.
- Bhala oko ukuqwalaseleyo encwadini yakho.

Lungiselela abafundi iveki yesikolo ezayo (into efuneka baze nayo, lwazi malunga neziganeko ezikhethekileyo, njl.).



IZANDI

Ukuziqhelanisa

- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwiBanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Bafunda amagama opelo ale veki kwiphepha le-122 leNYY.
- Chazela abafundi ukuba baza kuvavanywa kula magama.
- Abafundi baziqhelisa ukubhala la magama yonke imihla ekhaya.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekise umsebenzi kunye.



UKUBHALA NGESANDLA

Ukudibanisa *e, ei*

- Landela inkqubo yezifundo zokubhala ngesandla.
- Bhala ngokucinezela kumsebenzi wangoMvulo. Krwela eminye imigca yokuziqhelisa kwiincwadi zokubhalela.


iph. 102

12 imiz

KNF
iph. 8–13

iph. 101

10 imiz

KNF
iph. 31–37

UKUFUNDA

Utitshala ufunda ngokuvakalayo

Phambi kokufunda


- Yazisa ibali
 - Ibali limalunga nengonyama eyaza necebo elikrelekrele.
- Abafundi kufuneka bamamele ngononophelo ngoba baza kuphendula imibuzo malunga nebali ngomso.

Fundu

- Fundela abafundi ibali.
- Cacisa amagama amatsha.

Emva kokufunda

- Xelela abafundi ukuba uza kuphinda ulifunde ibali ngomso.

NT
iph. 69
15 imiz

ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO

- Fundisa isifundo esisuka kwinkqubo yoLwimi lokuQala oloNgezelelweyo.

15 imiz





UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

- **Ukufunda ngamaqela:** Iqela A kunye noB
- **Umsebenzi owenza wedwa:** Izivakalisi

iph. 103

30 imiz

KNF

iph. 24–27

UMHLA

Funda izivakalisi

Wophuke igxalaba kumdlalo wombhoxo.

Itsho kamandi ingxolo yamanzi engangxasi.

Iihagu ziyawuthanda umgxobhazo.

Sihle isibhakabhaka xa sineenkenkwezi ebusuku.

Inwele zexhego zimhlophe qhwa.

Iihagu zithanda indawo enjani?

UKUFUNDA WEDWA IVEKI YESI-7 • MVULO • 103



ULWAZI OLUSISISEKO UHLOLO 1 Ingozi

Intshayelelo

- Yintoni uncedo lokuqala? Ulunika nini?
- Wakhe walufumana uncedo lokuqala okanye walunika emntwini?

Ukufunda notitshala

- Jonga ibali kunye neklasi.
- Balisa ibali ngokutolika imifanekiso.

Bhala

- Abafundi babhala isihloko somfanekiso ngamnye.

Ukukorekisha:
Jonga iphepha 112
Amanqaku: 10

NT

iph. 116

30 imiz

IGAMA _____ **UMHLA** _____

Ingozi

Bhala amanani ubonise ukulandelelana kweziganeko. Bhala izihloko zemifanekiso ezingekhaya.

6:00 3:00

4:05 3:30

5:00 4:10

116 IVEKI YESI-7 • MVULO UHLOLO LOKUPHULAPHULA I



UZOBUGCISA OBUBONWAYO

Umfanekiso wembonakalo-mhlaba

Intshayelelo


- Hlaziya umsebenzi (jonga kwiphepha 81). Khumbuza abafundi ukuba oku kuza kuvavanywa.

Yila

- Nika abafundi iphepha nepeyinti/iikhrayoni.

- Abafundi bayila owabo umfanekiso wembonakalo-mhlaba (baza kuwugqibezela ngomso).
- Titshala uyahamba-hamba apho egumbini, uze uxoxe nabafundi ngendlela ababonisa ngayo iimbono zabo.

30 imiz



EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

- Landela inkqubo yezitishi zemisebenzi yezemiThambo ekwiphepha lesi-5.

25 imiz

KNF

iph. 51–52



Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa iklasi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.

LWESIBINI



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA UHLOLO 2

Ukumamela ngengqiqo

Qaphela ukuba lo msebenzi wabelwe imizuzu engama-30 ukuqinisekisa ukuba bonke abafundi bayalugqiba uvavanyo lokumamela ngengqiqo. Akukho sifundo sokubhala ngenxa yoku.


Intshayelelo

- Yalela abafundi ukuba bajonge imibuzo kwiNYY. Funda imibuzo ngokuvakalayo.

Funda

- Phinda ufunde ibali, *Ingonyama neenkunzi zenkomo ezine* (NT iphepha 89) ungami ucacise nantoni na.
- Abafundi bagqibezela ukuphulaphula ngengqiqo ngokubiyela iimpendulo ezichanekileyo.

NT
iph. 117
15 imiz



Ukukorekisha: Jonga iphepha 107
Amanqaku: 10




IZANDI

Igramma

- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwiBanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Bafunda amagama opelo ale veki kwiphepha le-122 leNYY.
- Chazela abafundi ukuba baza kuvavanywa kula magama.
- Abafundi baziqhelisa ukubhala la magama yonke imihla ekhaya.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekische umsebenzi kunye.

iph. 104
12 imiz

KNF
iph. 8-13




UKUBHALA NGESANDLA

Ukudibanisa
f, fe

- Landela inkqubo yezifundo zokubhala ngesandla.
- Bhala ngokucinezela kumsebenzi wangoLwesibini. Krwela eminye imigca yokuziqhelisa kwiincwadi zokubhalela.

iph. 101
10 imiz



UKUFUNDA NOTITSHALA

Utyibiliko


Ukufunda notitshala

- Funda nawaphi na amaphepha ebali kunye nabafundi.
- Bonisa ukufunda **ngokutyibilika nangemvakalelo** (qaphela iziphumlisi, ubizo-magama, dlulisela intsingiselo ngemvakalelo, funda ngesantya esifanelekileyo).

Ukufunda ngababini

- Isibini sifunda iphepha benikana amathuba, siziqhelanise nokufunda ngokutyibilika nangemvakalelo.
- Mamela uze unike ingxelo njengoko uhamba-hamba apho egumbini, okanye usebenzise elixesha nokusebenza nomfundi ngamnye.

iph.
79-84
15 imiz





UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

- **Ukufunda ngamaqela:** Iqela C kunye noD
- **Umsebenzi owenza wedwa:** Ukhwaze uthi dyakalashe Isahluko 1

iph. 105

30 imiz

KNF
iph. 24–27



ULWAZI OLUSISISEKO UHLOLO 2

Ulandelelwano lwexesha lwengozi

Intshayelelo

- Xelela abafundi ukuba olu luvavanyo. Basebenza bebedwa.
- Cacisa umsebenzi: Nceda uKarabelo ukuzoba ulandelelwano lwexesha ukubonisa umama wakhe ukuba kwenzeke ntoni.
- Jonga ibali lemifanekiso kwakhona kunye nabafundi. Buza imibuzo embalwa ukujonga ukuqonda kwabo.

Bhala

- Abafundi bagqibezela ulandelelwano lwexesha lweziganeko.

Ukukorekisha:


Jonga iphepha 112

Amanqaku: 10

NT

iph. 118

30 imiz



EZOBUGCISA OBUBONWAYO 1

Umfanekiso wembonakalo-mhlaba

Gqibezela Umfanekiso wembonakalo-mhlaba

Bonisa uze uxoxe


- Abafundi bayachaza ukuba yintoni ekwindawo engaphambili, ephakathi nengasemva.

Ukukorekisha:

Jonga iphepha 113

Amanqaku: 5

30 imiz



EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

- Landela inkqubo yezitishi zemisebenzi yezemiThambo ekwiphepha lesi-5.

25 imiz

KNF
iph. 51–52



LWESITHATHU



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Izingqi

15 imiz

Isingqi

- Bonisa ezinye iindlela zokubethwa komzimba (ukuqhwaba, ukunqakraza, ukubetha izandla emgangathweni/emathangeni, njl.).
- Qalisa isingqi.
- Yenza isingqi sikhawuleze, uze ujonge ukuba ngubani ohambelana naso.

- Qala ngepatheni emfutshane, wandule ukonyula umfundi oza kuyiphinda, yongeza kuyo, 'udlulisele' ipatheni komnye umfundi.
- Abafundi bayayiphinda, baze bayidlulisele komnye umfundi de kubekho impazamo.



IZANDI

Ukuziqhelanisa

- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwiBanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Bafunda amagama opelo ale veki kwiphepha le-122 leNYY.
- Chazela abafundi ukuba baza kuvavanywa kula magama.
- Abafundi baziqhelisa ukubhala la magama yonke imihla ekhaya.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekise umsebenzi kunye.





UKUBHALA NGESANDLA

Ukudibanisa
o, lo

iph. 101

10 imiz

- Landela inkqubo yezifundo zokubhala ngesandla.
- Bhala ngokucinezela kumsebenzi wangoLwesithathu. Krwela eminye imigca yokuziqhelisa kwiincwadi zokubhalela.



UKUFUNDA

Isigama nolwimi

15 imiz

Hlaziya uze ujonge umsebenzi weveki ephelileyo

- Funda oonotsheluzi beveki ephelileyo: *ubushushu, ithemometha, umqala, isigulana, ihlehlisiwe*
- Abafundi bajonga umsebenzi weNYY weveki ephelileyo, baze benze izilungiso.

Uhlanganiso nesiNgesi

- Thetha ngendlela amagama abizwa ngayo ngesiNgesi.
- Xoxa ngendlela yokusivakalisa isivakalisi ngesiNgesi. Bhala ebhodini.
- Xoxani ngomsebenzi wegama ngalinye kwisivakalisi.

temperature
thermometer
throat
patient
postponed
calm
apologise
bully

I am feeling sick.



UKUBHALA

Ukuhlela

15 imiz

Umsebenzi wesivakalisi

- Abafundi basebenza ngezivakalisi zeveki ephelileyo.
- Chaza ikhrayitheriya yohlelo yale veki (ezimbini okanye ezintathu).
- Abafundi bahlela ezabo izivakalisi besebenzisa le khrayitheriya.

Funda

- Abafundi bafundelana izivakalisi zabo kunye neqabane.
- Abanye abafundi bafundela iklassi izivakalisi zabo.

Ingaba ndiye

- Ndafaka iziphumlisi?
- Ndizisebenzisile iimpawu zokuthetha?

iph. 24-27

iph. 51–52

LWESINE



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA **Izingqi**

- Vumela abafundi ukuba eli xesha balisebenzise nokuziqhelanisa ukulinganisa ngexesha lezobuGcisa beQongqa.

15 imiz




IZANDI Bhala izivakalisi

- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwiBanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Bafunda amagama opelo ale veki kwiphepha le-122 leNYY.
- Chazela abafundi ukuba baza kuvavanywa kula magama.
- Abafundi baziqhelisa ukubhala la magama yonke imihla ekhaya.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekishe umsebenzi kunye.

15 imiz

KNF
iph. 8-13



UKUBHALA NGESANDLA **Ukudibanisa**
A. m

- Landela inkqubo yezifundo zokubhala ngesandla.
- Bhala ngokucinezela kumsebenzi wangoLwesine. Krwela eminye imigca yokuziqhelisa kwiincwadi zokubhalela.

iph. 101

10 imiz

x	S	A	A	A	A	A	A	A	A
x	ms	mn	mn	mn	mn	mn	mn	mn	mn



UKUFUNDA **Ukuziqhelanisa notyibiliko**

Ukufunda notitshala


- Fundela abafundi itekisi.
- Abafundi bazifundela itekisi ngokwabo.

Kufunda amaqabane

Ingxelo

iph. 108

15 imiz



UKUBHALA NOTITSHALA Ixesha elidlulileyo nelangoku

- Bhala kunye nabafundi imihlathi emi-2 ekumaxesha entetho ahlukileyo.
- Ingxoxo yangaphambi kokubhala: Khetha umfundi oza kubhala malunga:
 - Umhlathi 1: Ndandihlala nomakhulu, ndandithanda iilolipop, ndandibukela umabonakude, njl.
 - Umhlathi 2: Ndihlala nomama, ndithanda iaysikhrim, ukudlala imidlalo yekhompuyutha, njl.
- **Khangela:** Ukusetyenziswa kwamaxesha entetho ahlukileyo, ukubhalwa kwemihlathi, izivakalisi ezipheleleyo.

15 imiz

KNF
iph. 38–41

Isihloko: UZodwa (igama) Kudala nangoku

- **Umhlathi 1: Kudala:**
Apho ndandihlala khona, izinto endandizithanda, izinto endandizenza, njl.
- **Umhlathi 2: Ngoku:**
Apho ndihlala khona ngoku, izinto endizithandayo, izinto endizenzayo, njl.



UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

- **Ukufunda ngamaqela:** Iqela B kunye no-C
- **Umsebenzi owenza wedwa:** Ukhwaze uthi dyakalashe Isahluko 3

iph. 109

30 imiz

KNF

iph. 24–27



ULWAZI OLUSISISEKO

Uncedo lokuqala

30 imiz

Ingxoxo

- Sebenzisa ibali likaKarabelo ukuxoxa ngezinye iindlela zoncedo lokuqala zokusikeka, ukophuka, ukutsha, ukubethwa ngumbane, ukuwa, njl.
- Gxininisa ukuba uncendo lokuqala yinto yexeshana. Umntu lowo kusafuneka ajongwe ngumntu omdala okanye ngugqirha.
- Xoxa ngekiti yoncedo lokuqala kunye nezinto onokuzifumana kuyo.
- Khuphela le theyibhile ingezantsi ebhodini ukwakhela ingxoxo.

Ukwenzakala	Uncedo lokuqala
Ukusikeka okanye ukugruzuka (kancinci)	Hlamba ngamanzi ahambayo
Ukusikeka (kakhulu)	Ngqanda ukopha ngelaphu elicocokileyo
Ukuwa kakubi	Musa ukumsusa/ukumphakamisa umntu. Zama ukumkhuthaza
Ukomiwa	Iphango (cinezelela ngaphakathi naphezulu)



EZOBUGCISA BEQONGA UHLOLO 1

Ukulinganisa kwamaqela omculo

30 imiz

Intshayelelo

- Cacisa amaxesha. Cinga ukuba iqela ngalinye uza kulinika imizuzu emingaphi.
- Xoxa ngokuba ngumphulaphuli olungileyo.

Ukulinganisa

- Amaqela ayalinganisa.

Ukukorekisha:

Jonga iphepha 114
Amanqaku: 5



EZEMITHAMBO

Izitiishi zemisebenzi

- Landela inkqubo yezitiishi zemisebenzi yezemithambo ekwiphepha lesi-5.

25 imiz

KNF

iph. 51–52



LWESIHLANU



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Ukuphonononga iveri

15 imiz

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Yeyiphi eyona nto enomdla oyifundileyo kule veki? Ubukhe wanobuntu komnye umntu kule veki? Zeziphi izinto ezintle ezenzeke kuwe kule veki?
- **Ngababini:** Xelela iqabane lakho.
- **Yabelanani:** Yintoni eniza kuyenza ngolunye uhlobo kule veki izayo?



IZANDI UHLOLO 1 Ubizelo

Landela inkqubo yobizelo ekwiphepha lesi-8.

Amagama obizelo: ingxangxosi, gxeka**Isivakalisi sobizelo:** Utata ugcine iingxowa zakhe zeentlumayo egxamesini.

15 imiz

KNF
iph. 10

ingxaki	gxeka
iingxangxasi	unxano
ngxala	nxakama
igxalaba	inxele
igxibha	isinxenxe


Ukukorekisha:Jonga iphepha 108
Amanqaku: 5

UKUBHALA NGESANDLA Uhlaziyo

iph. 101

10 imiz

- Landela inkqubo yezifundo zokubhala ngesandla.
- Bhala ngokucinezela kumsebenzi wangoLwesihlanu. Krwela eminye imigca yokuziqhelisa kwiincwadi zokubhalela.



UKUBHALA WEDWA UHLOLO 2

Ubomi bam kudala nangoku

- Abafundi babhala imihlathi emi-2-3 malunga nobomi babo.

15 imiz

KNF
iph. 38-41**Isihloko: Ubomi bam kudala nangoku**

- **Umhlathi 1:** Bhala malunga nawe ngexesha wawumncinci (izinto owawuzithanda, njl.)
- **Umhlathi 2:** Bhala malunga nawe ngoku (izinto ozithandayo, njl.)

Ukukorekisha:Jonga iphepha 130
Amanqaku: 10

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

- **Ukufunda ngamaqela:** Iqela D kunye no-E
- **Umsebenzi owenza wedwa:** Ukhwaze uthi dyakalashe Isahluko 4

iph. 110

30 imiz

KNF
iph. 24-27



UKUFUNDA

Ukuphonononga umsebenzi owenza wedwa

15 imiz

Funda uze uphendule imibuzo


- Fundela ikhosi izicatshulwa zomSebenzi Owenza Wedwa ngokuvakalayo. Abafundi bayalandela ezincwadini zabo.
- Emva kwesicatshulwa ngasinye, funda umbuzo/imibuzo. Banike iimpembelelo, abafundi mabazikorekisele umsebenzi wabo.

Xoxani ngezicatshulwa

- Sesiphi isicatshulwa osithande kakhulu? Ngoba?
- Ingaba lukhona ulwazi olutsha olufundileyo? Amagama amatsha?

Ukukorekisha

- Beka unobumba wokuqala wegama qha. Bhala ukuba ngubani ongakwaziyo ukufunda nokuphendula imibuzo.
- Phendula imibuzo



ULWAZI OLUSISISEKO

Ixesha lencwadi yomsebenzi yeDBE

Ukujonga uze unike ingxelo

- Jongani kunye imisebenzi kwincwadi yomsebenzi yeDBE.
- Abafundi mabenze izilungiso okanye bagqibezele imisebenzi yabo.

Gqibezela amaphepha eDBE

- Incwadi yomsebenzi yezaKhono zoBomi 1, iphepha 7 limvakalelo, iphepha lama-22 nelama-23.
- Incwadi yomsebenzi yoLwimi lwaseKhaya 1 iphepha lama-83 nelama-55.

30 imiz



EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

25 imiz

- Landela inkqubo yezitishi zemisebenzi yezemithambo ekwiphepha lesi-5.

KNF
iph. 51-52



Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa ikhosi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.

UPHONONONGO LWEVEKI LUKATITSHALA

Kule veki:

- ndizithathile iiNYY**, ndenza amanqaku ngokubhala.
- ndiwajongile ndawakorekisha amanye amaphepha eNYY**, ndazibona iindawo ezifuna ukunikwa ingqwalasela okanye abafundi abafuna uncedo oluthe kratya.
- ndiphinde ndajonga Isicwangciso seVeki**, ndazibona izifundo endingazigqibanga.
- ndiyijongisisile incwadi yam**, ndaqaphela abafundi abadinga uncedo lokufundiswa bebodwa okanye ukuziqhelisa ukufunda bekunye nam kwiveki ezayo.

Ndilicwangcisele ixesha leveki ezayo:

- lokuleqa umsebenzi wekhosi** okanye nayiphi na ingxelo efunekayo.
- lokufundisa **umfundi ngamnye**, umz. xa ikhosi ixakekile, okanye phambi kokungena kwesikolo.

Ndiyijongile iveki elandelayo ukuqinisekisa ukuba ndizilungiselele, kwaye ndinako konke endiza kukudinga ukuqala iveki.

Amalungelo noxanduva



OKUZA KWENZIWA KULE VEKI

Abafundi baza:

- Kuqonda umba wentlonipho ngokumamela ibali.
- Kuthelekisa amalungelo noxanduva, ekhaya nasesikolweni.
- Kuxoxa ngokuchasana, ipatheni kunye nokubambeka kweengqayi zesintu, baze benze ingqayi.
- Kufunda kwaye baphendule imibuzo malunga nentsomi yaseYurophu.
- Kuqonda isakhiwo sebali njengendlela yengqiqo.
- Kufunda ngeendidi ngeendidi zezimuncumuncu eziswiti.
- Kubhala izivakalisi zesiqalo sebali, nendawo elenzeka kuyo.
- Kubhala imihlathi emibini ngomfanekiso.

AMALUNGISELELO

Oonotsheluzo

Isigama solwimi	ihlathi	uxanduva	imithetho	isigebenga	umsombululi wengxaki
	forest	responsibilities	law	monster	problem solver
Isigama sezaKhono zoBomi	intlonipho	amalungelo	uxanduva		
	respect	rights	responsibilities		

Isivakalisi

Kwathi ke laloku ngantsomi, kwaye kukho intombazana nenkwenkwe, ababebizwa ngokuba nguHana noLizo. Babehlala kwindlu esekupheleni kwehlathi.

Once upon a time there were a boy and a girl, called Hansel and Gretel. They lived in a house at the edge of a forest.

IZIXHOBO ZEMISEBENZI

- Khetha imifanekiso emihlanu eyahlukileyo kwiimagazini okanye kumaphephandaba, uze nawo ube mnye ngosuku, umz. umfanekiso wembonakalo-mhlaba, abantu abenza into ethile, ukutya, izilwanyana, iimoto, njl. Uza kubonisa indlela yokuchaza imifanekiso.
- Abafundi kufuneka beze nemifanekiso yabo eklasini ukuze bayichaze ngoLwesithathu nangoLwesine.
- Udongwe lokwenza iingqayi
- Izixhobo ezifunekayo ukwenza imisebenzi ekhethiweyo yezemiThambo

UHLOLO

Qokelela iincwadi uze uzikorekise: Ukubhala wedwa (ukuchaza ngomzobo), isigama (Lwesithathu), Izivakalisi (Ukwazisa ibali, Lwesine)

Olungekho sesikweni: Ukufunda amagama ngexesha elibekiweyo (Lwesihlanu)

Uvavanyo olusesikweni			
Mvulo-Lwesihlanu	Ukufunda 1: Ukufunda ngokuvakalayo ngexesha loFQNT	I-ORALI	NT iph 103, 105, 107, 109, 111
Lwesibini	Izandi 2: Izandi	NYI iph 129	NT iph 104
Lwesibini	Ukufunda 2: Ingqiqo	NYI iph 130	NT iph 104
Lwesihlanu	Ukubhala ngesandla 1	NYI iph 138	NT iph 110
Lwesine & Lwesihlanu	Ezemithambo 2: Imidlalo	OWENZIWAYO	NT iph 109, 111

Ukuhloniphana



Kwakungentseni yangoMvulo, uNkskz Kepe, utitshala weBanga lesi-3, wayebhala ebhodini. Abafundi babesebenza ngokuzolileyo ezidesikeni zabo.

Ngequbuliso kwavakala isithonga esingathi sisitulo sisiwa phantsi, kwabakho umntu otsho isikhalo! UNksk Kepe wajika ngokukhawuleza wajonga kubafundi. Kwakusilwa amakhwenkwe amabini apha phambi kwakhe.

“Lebo, Akhona, hlalani phantsi nobabini,” watsho uNkskz Kepe ngokungqingqwa. “Nilwela ntoni?”

“ULEbo uthi ndisisiyatha esingenangqondo, akandihloniphi,” watsho u-Akhona.

“UAkhona undibethile, wawisa isitulo sam,” watsho uLebo.

“Uthini umthetho kwesi sikolo malunga nokulwa?” wabuza uNkskz Kepe.

“Akuvumelekanga misi,” watsho uLebo. “Kufuneka sisombulule iingxaki zethu ngoxolo,” wongeza watsho u-Akhona.

“Ewe Unelungelo lokuhlonitshwa, kodwa unoxanduva lokuhlonela omnye umntu,” watsho uNkskz Kepe. “Ngoku celani uxolo omnye komnye, nize nihlale phantsi.”

Abafana bacela uxolo baxhawulana. “Nenze kakuhle!” watsho uNkskz Kepe, waza naye wabaxhawula.

MVULO



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA **lindaba**

15 imiz

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Ingaba unazo iindaba ezikhethekileyo? Ubusenza ntoni ngempela-veki?
- **Ngababini:** Xelela iqabane lakho iindaba zakho. Phendulanani ngobubele.
- **Yabelanani:**
 - Abafundi abambalwa babelana neklasi ngeendaba zabo.

- Qinisekisa ukuba bonke abafundi bafumana ithuba kwikota nganye.
- Bhala oko ukuqwalaseleyo encwadini yakho.

Lungiselela abafundi iveki yesikolo ezayo (izinto ekufuneka baze nazo, iziganeko ezikhethekileyo, njl.).

- Abafundi kufuneka beze nomfanekiso abawuthandayo (umz. ophuma kwiimagazini okanye kumaphephandaba).
- Bonisa eyakho imifanekiso, uze uthi uza kuthetha ngayo kule veki.



IZANDI **Khangela amagama**

- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwiBanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Bafunda amagama opelo ale veki kwiphepha le-122 leNYY.
- Chazela abafundi ukuba baza kuvavanywa kula magama.
- Abafundi baziqhelisa ukubhala la magama yonke imihla ekhaya.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekise umsebenzi kunye.

iph. 120

12 imiz

KNF
iph. 8-13

UMHLA

Khangela la magama angezantsi.

ibhokhwe	ingwe	unonkala	igwada								
intsimbi	ihlati	undwendwe									
u	n	o	n	k	a	l	a	u	i	w	s
i	h	l	a	t	h	i	e	f	g	b	z
n	d	u	n	d	w	e	n	d	w	e	u
d	j	d	c	u	z	w	m	a	r	k	
i	b	h	o	k	h	w	e	e	d	b	o
i	n	g	w	e	r	g	s	l	a	h	k
y	n	n	i	n	t	s	i	m	b	i	t
p	f	a	i	k	l	a	t	h	i	c	p

Khetha amagama amathathu uze ubhale isivakalisi esifutshane ngegama ngalinye.

- _____
- _____
- _____

120 - IVEKI YESI-8 - MVULO



UKUBHALA NGESANDLA **Ukudityaniswa**

- Landela inkqubo yezifundo zokubhala ngesandla.
- Bhala ngokucinezela kumsebenzi wangoMvulo. Krwela eminye imigca yokuziqhelisa kwiincwadi zokubhalela.

iph. 119

10 imiz

KNF
iph. 31-37

Ukubhala ngesandla

Ziqhelise abo nobumba kwincwadi yakho yokubhalela ngosuku ngalinye.

x	u	n	o	n	k	a	l	a	u	i	w	s
x	h	l	a	t	h	i	e	f	g	b	z	
x	n	d	u	n	d	w	e	n	d	w	e	u
x	d	j	d	c	u	z	w	m	a	r	k	
x	i	b	h	o	k	h	w	e	e	d	b	o
x	i	n	g	w	e	r	g	s	l	a	h	k
x	y	n	n	i	n	t	s	i	m	b	i	t
x	p	f	a	i	k	l	a	t	h	i	c	p

IVEKI YESI-8 - IVEKI



UKUFUNDA **Utitshala ufunda ngokuvakalayo**

Phambi kokufunda

- Kuthetha ukuthini ukuhlonipha? Ungayibonisa njani intlonipho kwabanye abafundi?

Fundela abafundi ibali

Emva kokufunda

- Ingaba sinawo umthetho omalunga nokulwa esikolweni?
- Yintoni amalungelo? Ungacinga nawaphi na amalungelo onawo?
- Yintoni uxanduva? Ungacinga naluphi na uxanduva onalo?

NT
iph. 81

15 imiz



ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO

- Fundisa isifundo esisuka kwinkqubo yoLwimi lokuQala oloNgezelelweyo.

15 imiz





UKUFUNDA UHLOLO 1

Ukufunda eyedwa (Iqela A)

KNF
iph. 28-30

- Iqela A liza ngaphambili neeNYY zabo.
- Khetha ibali lokufunda notitshala ebelifundwe neklasi.
- Mamela umfundi ngamnye efunda ngokuvakalayo.

Ukukorekisha:

Jonga iphepha 128

Amanqaku: 10



- Umsebenzi owenza wedwa:** Izivakalisi

iph. 121

30 imiz

KNF
iph. 24-27

Funda izivakalisi

Isikolo sethu singena ngentsimbi yesibhozo.

Ekhaya kufike undwendwe luphethe umphako.

Indwe ineentsiba ezinomtsalane.

Sibone unonkala ehamba ngecala.

Mna nabahlaba bam siyakuthanda ukuhleka intsini xa sidibene.

Yintoni le yenziwa ngesindwe?

UKUFUNDA WEDWA IVEKI YESI-6 - MVULO - IZI



ULWAZI OLUSISISEKO

Umzimba wam ngowam

Yazisa umxholo

- Ngawaphi amalungelo akho? (Khumbuza abafundi ngengxoxo yangexesha lomsebenzi wokuFunda ngokuVakalayo)
- Yintoni uxanduva lwakho?
- Yintoni umahluko phakathi kwelungelo noxanduva?

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- Cinga:** Yintoni osele uyazi ngamalungele noxanduva.
- Ngababini:** Yabelana neqabane lakho ngempendulo zenu.
- Yabelanani:** Xoxani notitshala.

Ukubhala notitshala

- Bhala igalelo labafundi kumqolo woku-1 wethshathi yakho yeKWL ebhodini.
- Buza: Yintoni ongathanda ukuyifunda malunga namalungelo noxanduva? Bhala oku kumqolo wesi-2.
- Abafundi bakhetha into ibe nye kumqolo ngamnye ukuze bakhuphele kwiitshathi zabo zeKWL.

30 imiz

KNF
iph. 45

Into esiYaziyo

Into esiFuna ukuyazi

Into esiyiFundileyo



EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Umboniso wobugcisa: lingqayi

30 imiz

Malunga neengqayi

lingqayi zesiZulu ezifana nezi ngokwesiko zisetyenziselwa ukugcina nokugalela utywala. Zenziwe ngesandla kwaye zihonjiswe ngeendlela ezahlukeneyo. Ngamanye amaxesha amaqhuma amancinane (amasumpa) athi nca kumphezulu, kwaye ngamanye amaxesha atyhalelwe ngaphandle. lingqayi zitshiswa emlilweni ukuze udongwe luhlale luqinile oko. Emva koko, zigudiswa ngelitye.

Ngababini

- Jongisisa umfanekiso wengqayi.

Ingxoxo yeklasi

- Ukuchasana** kuthetha umahluko, ngakumbi xa lo mahluko uphawuleka kakhulu. Imizekelo yimizobo egudileyo/erhabaxa, imibala ekhanyayo/emnyama, okanye imigca engqindilili/ebhityileyo.
- Ipatheni** kuxa uphinda umgca, imilo okanye umbala wenza ipatheni.
- Ukuphatheka** yindlela into evakala ngayo xa iphethwe. Wazi njani ukuba ezi ngqayi zivakala zigudile okanye zirhabaxa?



EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

Lungiselela

- Khetha imisebenzi emine eyohlukileyo yale veki kwiphepha lesi-5.
- Lungisa izixhobo zale misebenzi.
- Yahlula iklasi ibe ngamaqela amane ale veki.

Yazisa izitishi zemisebenzi

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa iklasi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.

25 imiz

KNF
iph. 51-52



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Xoxa ngomfanekiso

15 imiz

Intshayelelo

- Bonisa omnye wemifanekiso yakho. Wuchaze, ukuhlaziya lo mixholo (qhagamshela kwisifundo somfanekiso wembonakalo-mhlaba sezobuGcisa): indawo, indawo engaphambili, indawo engasemva kunye nokwenzekayo emfanekisweni.
- Bonisa umfanekiso wesibini ekuzakuxoxwa ngawo ngababini.

Ngababini

Iqabane loku-1 lichaza umfanekiso katitshala (iindima ziza kutshintshwa ngomso):

- Wenzelwe phi umfanekiso (iimo ezingqongileyo)?
- Yintoni **ekwindawo engaphambili**?
- Yintoni **ekwindawo engasemva**?
- Ingaba kukho into eyenzekayo emfanekisweni? Yintoni?
- Uyawuthanda umfanekiso? Ngoba?



IZANDI UHLOLO 2


Bhala izandi

- Biza izandi ezintlanu: **gw ndl ntl ngx gx**
- Abafundi babhala izandi kwizikhewu ezihambelanayo kwiNYY.

Fakela isandi esishiyiweyo

- Abafundi bagqibezela amagama ngokufakela oonobumba abashiwiweyo.

Ukukorekisha:
Jonga iphepha 108
Amangaku: 10




UKUBHALA NGESANDLA **Ukudityaniswa**

iph. 119

10 imiz

- Landela inkqubo yezifundo zokubhala ngesandla.
- Bhala ngokucinezela kumsebenzi wangoLwesibini. Krwela eminye imigca yokuziqhelisa kwiincwadi zokubhalela.



UKUFUNDA UHLOLO 2

Cacisa umsebenzi

- Siza kufunda ibali kunye, emva koko, niza kubhala umbhalo wengqiqo.

Phambi kokufunda (amalungu ebali)

- **Jonga isihloko kunye nomfanekiso woku-1.**
La magama ngamagama abantwana ababini.
Ngabalinganiswa **abaphambili**.

Ingqiqo – amalungiselelo

- Ucinga ukuba ibali lenzeka phi (ehlathini)? Le **yindawo yebali**.
- Masifunde kwaye sive ukuba kwenzeka ntoni kwaba bantwana ebalini. **Uvilo lwebali (iploti)**

Ukufunda notitshala

- Funda ibali **kunye** nabafundi.
- Yima ucacise naliphi na igama, umz. Ukusebenzisa imifanekiso okanye izithethantonye.



UKUFUNDA UHLOLO 2 Inggqigo

Ingqibo


- Chaza ukuba luvavanyo olu, kwaye abafundi kufuneka basebenze bebedwa.
- Fundani imibuzo kunye.

Bhala

- Abafundi baqgibezela umsebenzi okwiNYY.

Thatha iiNYY uzikorekisha.

Ukukorekisha:
Jonga iphepha 109
Amanqaku: 10





UKUFUNDA UHLOLO 1

Ukufunda eyedwa (Iqela B)

- Iqela B liza ngaphambili neeNYY zabo.
- Khetha ibali lokufunda notitshala ebelifundwe neklasi
- Mamela umfundi ngamnye efunda ngokuvakalayo.

Ukukorekisha:
Jonga iphepha 109
Amanqaku: 10



- Umsebenzi owenza wedwa:** *Itshokolethi*

iph. 123

30 imiz

KNF
iph. 24-27

UMHLA

Itshokolethi

Itshokolethi zizimuncunco. Itshokolethi gcinwe ngombeni gomthi, abizwa ngokuba ngumthi wekhaki. Imibini gcinwa ngokuba xa uyigca ikwazi. Ukwazi imibini ibuyitshokolethi zingamisa, zicelwe, zize ngqongile. Ukwazi imibini ngokumbi, kufunyanwa iswekile, i-si alunge ukusi. Uninzi lwemibini yekoko lukhulisa eNtshona Afrika.

Phanda ufumane
Iphuma kweyiphi imibini itshokolethi?

Ngokukakwam/ngokuzimela
Yeiphi itshokolethi angathanda ukuyigca ngoku?

UKUFUNDA WEDWA IVEKI YESI-8 - LWESIBINI - 123



ULWAZI OLUSISISEKO

Ukuphonononga umxholo

- Wenza ntoni ukunceda usapho lwakho ekhaya? Ingaba ukunceda usapho lwakho lilungelo okanye luxanduva?
- Yintoni olindele ukuba usapho lwakho lukwenzele yona ekhaya? Ingaba ngamalungelo okanye luxanduva?

Xoxani ngephepha leNYY

- Ingaba into nganye ekwitheiyibhile lilungelo okanye luxanduva?

Amalungelo noxanduva ekhaya

- Ngqamanisa ingxoxo namava abafundi, umz. Ingaba unalo ixesha lokudlala? Ingaba uyazigcina izinto zakho zicocekile kwaye ziqoqoshekile?

Faka umbala ubhale

- Abafundi bafaka imibala kumalungelo ngombala omnye noxanduva ngomnye umbala.
- Abafundi babhala isivakalisi malunga nendlela abancedisa ngayo ekhaya.

iph. 124

30 imiz

UMHLA

Amalungelo noxanduva lwam ekhaya

Faka umbala kwizikwere. Sebenzisa umbala omnye kumalungelo nomnye luxanduva.

Ukuba nekhaya elicocekile	Ukukhathala indawo endikhala kuyo	Ukukhathala amalungelo asapho lwam	Ukuba nekhaya okwanelile
Ukuzigcina ndisemilweni ngokuzalolanga	Ukuba nexesha lokudlala	Ukukhuseleka ekhaya	Ukugcina izinto zam ziqokelele kwaye zicocekile
Ukuphathwa ngobubale	Ukukhathala xa nadigula	Ukungamshi ukutya	Ukukhabela imithetho galhuseleka

Bhala isivakalisi esichaza indlela onceda ngayo ekhaya.

124 - IVEKI YESI-8 - LWESIBINI



EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Ingqayi

30 imiz

Udinga: Iqhekeza lodongwe lomfundi ngamnye, amanzi axutywe nodongwe ukugudisa ingqayi.

Iingcebiso

- Musa ukubakhuthaza abafundi ukuba baqale ekuqaleni kwakhona – oku kwenza udongwe lome.
- Lumkela ukucudisa umphezulu ngoba uza kubhitya kakhulu kwaye wophuke.

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa ikhosi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.

1. Iqhekeza lodongwe
2. Lenze libengqukuva
3. Cofa ngobhonsi kudongwe
4. Cinezela ze ujje
5. Yenza imbiza ibe banzi
6. Yigudise



EZEMITHAMBO

Izitimshi zemisebenzi

- Landela inkqubo yezitimshi zemisebenzi yezemithambo ekwiphepha lesi-5.

25 imiz

KNF
iph. 51-52



LWESITHATHU



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Xoxa
ngomfanekiso

15 imiz

Intshayelelo

- Chaza ukuba abafundi kufuneka beze nemifanekiso yabo ngoLwesine nangoLwesihlanu.
- Bonisa omnye wemifanekiso yakho.

Ngababini

Iqabane lesi-2 lichaza umfanekiso katitshala:

- Wenzelwe phi umfanekiso (iimo ezingqongileyo)?
- Yintoni **ekwindawo engaphambili**?
- Yintoni **ekwindawo engasemva**?
- Ingaba kukho into eyenzekayo emfanekisweni? Yintoni?
- Uyawuthanda umfanekiso? Ngoba?



IZANDI

Ukuziqhelanisa

15 imiz

KNF
iph. 8–13

- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwiBanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Bafunda amagama opelo ale veki kwiphepha le-122 leNYY.
- Chazela abafundi ukuba baza kuvavanywa kula magama.
- Abafundi baziqhelisa ukubhala la magama yonke imihla ekhaya.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekise umsebenzi kunye.





UKUBHALA NGESANDLA

Ukudityaniswa

iph. 119

10 imiz

- Landela inkqubo yezifundo zokubhala ngesandla.
- Bhala ngokucinezela kumsebenzi wangoLwesithathu. Krwela eminye imigca yokuziqhelisa kwiincwadi zokubhalela.



UKUFUNDA NOTITSHALA

Isigama

iph. 112–117

15 imiz

Isigama

- Bonisa uze ufunde isigama seveki ebhodini okanye koonotsheluzi:

Ihlathi ilungelo imithetho isigebenga umsombululi wengxaki

Ukufunda notitshala

- Phinda ufunde isicatshulwa **kunye** nabafundi.
- Ukukhangela amagama:** Njengoko nifunda abafundi bajonga amagama esigama kwisicatshulwa esikwiNYY. Mabakrwele umgca ngaphantsi kwegama okanye babiyele igama ngalinye.
- Xoxani ngentsingiselo yegama kumxholo webali.

Abafundi bacwangcisa oonotsheluzi ngokulandelelana kwealfabhethi.



UKUBHALA

Isigama

iph. 125

15 imiz


IOrali

- Funda imisebenzi yeNYY ngokuvakalayo.

Bhala

- Gqibezela imisebenzi yokubhala ekwiNYY. Jonga uze ukorekise.
- Abafundi bakhuphela amagama oonotsheluzi amahlanu kwizichazi-magama zabo.

Xhoma oonotsheluzi besigama kudonga lwamagama.





UKUFUNDA UHLOLO 1

Ukufunda eyedwa (Iqela C)

- Iqela C liza ngaphambili neeNYY zabo.
- Khetha ibali lokufunda notitshala ebelifundwe neklasi.
- Mamela umfundi ngamnye efunda ngokuvakalayo.

Ukukorekisha:
Jonga iphepha 109
Amanqaku: 10



UmSebenzi Owenza Wedwa: Iilekese

iph. 126

30 imiz

KNF

iph. 24-27

UMHLA

Iilekese

Iilekese zizimuncunucu. Zenziwe ngoswile, evela kwistaylo esibiza ngokuba ngumoba. Ifama zamoba ungabona KwaZulu-Natal. Iindiza zamoba zayitshala, zicodise kugame amanzi aswati. Loo manzi ayabizwa, aze omise, kwenziwe iswile. Ukwazi iilekese, iswile igumbilile, zizifake umbala, incasa, okanye kufakwe geli. Kukho indidi ngeendidi zeelekese, ezifana neelaprop, iilekese ezimunguwayo kunye nezeli.

Phanda ufumane
Iswelele isuka kwesiphi istaylo?

Ngokukakwam/ngokuzimela
Bhala ezona lekese uzithandayo ezimbini.

126 - IVEKI YESI-8 - LWESITHATHU UKUFUNDA WEDWA



ULWAZI OLUSISISEKO

Amalungelo noxanduva esikolweni

Funda uze uxoxe

- Funda inkcazelo nganye kunye nabafundi, nize nixoxe ngomfanekiso.
- Buza malunga ngamnye ukuba ngaba lilungelo okanye luxanduva na. Nceda abafundi babone ukuba ngamanye amaxesha uxanduva lwam ingaba ngamalungelo enu.

Bhala

- Abafundi bakhuphela iinkcazelo phantsi kwesihloko esichanekileyo kwitheyeibhile.
- Bongeza ilungelo elinye kunye noxanduva lwabo.

iph. 127

30 imiz

UMHLA

Amalungelo noxanduva lwam esikolweni

Tshatsha ilungelo noxanduva. Cinga ngelinye ilungelo nelunge noxanduva. Wobhale kwitheyeibhile.

- Ukukhulitshwa
- Ukwenza impasamo
- Ukuziphatha ukwenza ukuba abanye bafunde
- Ukumamela izimvo zabanye abantu
- Ukukhulitshwa abanye abantu
- Ukufunda kwimpasamo zam
- Ukuba neezimvo zam
- Ukufunda

Amalungelo am	Uxanduva lwam
1. Ukukhulitshwa	1. Ukukhulitshwa abanye abantu
2.	2.
3.	3.
4.	4.
5.	5.

IVEKI YESI-8 - LWESITHATHU - 127



EZOBUGCISA BEQONGA

Cacisa umsebenzi

- Abafundi bahamba ngokwemiyalelo yakho, umz. baleka, gabadula, ngcileza, khasa, ngcotsha, njalo njalo.
- Xa usithi, 'Yima!' balungisa imizimba yabo ngokungathi bazizitatyu ezintle.

Izitatyu

- Nabani na othe washukuma uyaphuma kude kube ngumjikelo olandelayo.

Yenza

- Abafundi bazama ukwenza izitatyu ezinomdla.

30 imiz



EZEMITHAMBO

Izitatishi zemisebenzi

- Landela inkqubo yezitatishi zemisebenzi yezemithambo ekwiphepha lesi-5.

25 imiz

KNF

iph. 51-52



Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa iklasi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.

LWESINE



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Xoxa ngemifanekiso

15 imiz

Ngababini

- Abafundi bachaza imifanekiso yabo.
- **Isikhumbuzo:** Abafundi kufuneka beze nemifanekiso yabo kwakhona ngomso ukuze bazokubhala.

Qwalasela

- Sebenzisa incwadi yakho yamathanga ukubhala phantsi okuqwalaseleyo malunga nokuphulaphula nokuthetha.



IZANDI

Gqibezela izivakalisi

- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwiBanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Bafunda amagama opelo ale veki kwiphepha le-122 leNYY.
- Chazela abafundi ukuba baza kuvavanywa kula magama.
- Abafundi baziqhelisa ukubhala la magama yonke imihla ekhaya.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekise umsebenzi kunye.




UKUBHALA NGESANDLA

Ukudityaniswa

iph. 119

10 imiz

- Landela inkqubo yezifundo zokubhala ngesandla.
- Bhala ngokucinezela kumsebenzi wangoLwesine. Krwela eminye imigca yokuziqhelisa kwiincwadi zokubhalela.



UMHLA

Gqibezela izivakalisi ngamagama achanekileyo.

Ingwe, unonkala, ingxangxasi, undwendwe, ixhwane, iintsiba

1. Ekhaya kufike undwendwe luphethe umphako.

2. Ndi bone _____ ngasemlanjeni ehamba ngecala.

3. _____ sisilwanyana sasahlathini.

4. Igusha incanisa _____ layo.

5. Zintle _____ zendwe.

6. _____ yintaka enemilenze emide.

128 - IVEKI YESI-8 - LWESITHATHU



UKUFUNDA NOTITSHALA

Ulwimi

15 imiz

Yazisa isivakalisi

- Bhala isivakalisi ebhodini.
- Funda isivakalisi ngokucutha kunye nabafundi.
- Abafundi bafumana isivakalisi kwisicatshulwa esikwiphepha le-132.
- Bayakrwela umgca ngaphantsi kwesivakalisi okanye bafake umbala isivakalisi.

Sebenza ngezivakalisi

- Chonga iimpawu zokubhala (unobumba omkhulu (amagama nesiqalo sesivakalisi), isiphumlisi, isingxi).
 - Khangela amagama asixelela ukuba:
 - Ibali **lingabani** (abalinganiswa)
 - Lenzeka **phi** ibali (indawo)
 - Lenzeka **nini** ibali (ixesha)
 - **Amagama okuqala** (Kwathi ke kaloku ngantsomi)

Kwathi ke kaloku
ngantsomi,
kwaye kukho
intombazana
nenkwenkwe,
ababebizwa
ngokuba
nguHana noLizo.
Babehlala
kwindlu
esekupheleni
kwehlathi.



UKUBHALA

Ulwimi

iph. 152

15 imiz

Bhala

- Phindani nakhe isivakalisi ngomlomo kunye.
- Funda ipatheni yesivakalisi. Fumana iingcebiso zokugqibezela isivakalisi. Khuthaza ukuba nomfanekiso-ngqondweni, umz. uhlobo lwehashe elingaqhelekanga, indawo ekude.
- Bonisa ingcebiso ibenye ebhodini. Umzekelo: Kudala dala kwakukho inkwenkwe nentombazana, egama linguZami noMpho. Babehlala kwindlu esemthini, esekupheleni kwentlango.

Kudaladala
kwakukho
inkwenkwe
nentombazana,
egama linguZami
noMpho.
Babehlala kwindlu
esemthini,
esekupheleni
kwentlango.



UKUFUNDA UHLOLO 1

Ukufunda eyedwa (Iqela D)

- Iqela D liza ngaphambili neeNYY zabo.
- Khetha ibali lokufunda notitshala ebelifundwe neklasi.
- Mamela umfundi ngamnye efunda ngokuvakalayo.

Ukukorekisha:
Jonga iphepha 109
Amanqaku: 10



- Umsebenzi owenza wedwa: ijem**

iph. 129

30 imiz

UMHLA

Ijem

Ijem sismuncuncu esizwi. Yezwe ngezihlomo neswele. Izihlomo zangqesha sibe ngamagqesha amancinci, size sibilwe namandla neswele. Ezinye ijem zenzwa kwimzimba, kodwa unakho ukuzenzela ijem ekhaya. Izihlomo ezithile kuphela ekukwenziwa ngazo ijem. Izihlomo ezinye ngama-orenji, ipesika, isigqiki, namagqesha ekukwenziwa ngazo ijem. Izangweji zaziem kunye nebhatale yamandlamane zenza isilo sasemini esimandli.

Phanda ufumane

Yenza ngantani ijem?

Ngakukakwam/ngakuzimela

Laluphi uhlobo lwjem oluthandayo?

UKUFUNDA WEDWA

IYEKI YESI-8 - LWESINE - 129



ULWAZI OLUSISISEKO

Ukuphonononga umxholo

Itshathi yeYFF

- Nceda abafundi bagqibezele umqolo wokugqibela wetshathi yeYFF.

Oobhontsi phezulu/oobhontsi phantsi

- Phakamisa oonotsheluzi abathathu beelwimi ezimbini zegama ngalinye, uze ubuze imibuzo.

intlonipho

- Xa uhlonipha umntu uyazithoba kuye.
- Xa uhlonipha umntu uyazimamela izimvo zakhe.
- Xa ukrwada ebantwini ubonisa intlonipho.

amalungelo

- Abantwana abanawo amalungelo.
- Amalungelo zizinto ekufuneka ubenazo.
- Abantwana banelungelo lokufunda.

uxanduva

- Ngabantu abadala kuphela abanoxanduva.
- Abantwana banoxanduva.
- Abantwana banoxanduva lokufunda kangangoko banako.

Uhlanganiso nesiNgesi: intlonipho (respect), amalungelo (rights), uxanduva (responsibilities)



EZOBUGCISA BEQONGA

Umboniso wobugcisa

30 imiz

Yazisa umsebenzi

- Yakha isangqa. Xelela abafundi ukuba baza kuba zizitatyu kumboniso wezobugcisa.

Yenza

- Biza umxholo womboniso wezobugcisa namhlanje, umz. izilwanyana, abadanisi, imithi, ihip-hop, amajoni.
- Yithi, **Kwindawo yomboniso wezobugcisa**, ze abafundi baye kwiindawo zabo.

- Hamba-hamba ngokungathi ukumboniso wezobugcisa, uze uphawule ngokuvakalayo ngezitatyu ezahlukileyo.



Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa iklasi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.



EZEMITHAMBO UHLOLO 2

Imidlalo

Jonga uze uvavanye **isiqingatha** sabafundi kwesi sifundo.

Khetha umdlalo

- Khetha ukusuka kwimpuku nekati okanye ibhola yeqakamba, ibhola ekhatywayo okanye usikurume.

Cacisa umsebenzi

- Xelela abafundi imithetho yomdlalo owukhethileyo.

- Jonga ukuba bayayiqonda imithetho ngokubabuza imibuzo.
- Banike nasiphi na isixhobo esifunekayo. Dlala umdlalo.

Dlala umdlalo

- Abafundi badlala umdlalo.
- Jonga uze uvavanye abafundi.

25 imiz



Ukukorekisha:
Jonga iphepha 115
Amanqaku: 5

LWESIHLANU



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Ukuphonononga iveki

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Ngowuphi umthetho wesikolo owulandele ngononophelo kule veki?

- Uluthathile uxanduva kule? Njani/phi (ekhaya okanye esikolweni)?
- **Ngababini:** Yabelana neqabane lakho.
- **Yabelanani:** Yintoni oza kuyenza ngolunye uhlobo kule veki izayo?

15 imiz



IZANDI

Ukufunda amagama ngexesha elibekiweyo

- Landela inkqubo yokufunda amagama ngexesha elibekiweyo ekwiphepha lesi-8.

iph. 130

12 imiz

KNF
iph. 16

UMHLA

Ukufunda amagama ngexesha elibekiweyo.

Funda la magama neqabane lakho. Phawulani amagama eningawaziyo ukufunda. Fundani amagama eningawaziyo.

uhambile	watya	kwakhona	ingatha	linda
funisa	izilwanyana	utotai	elandelayo	ihobe
umsebenzi	inganga	xhela	umakhulu	qhekeza
catha	nyamezela	umphathiswa	ebolani	uyogika
umntwana	intlolo	batsala	itshintshi	ipere
umntu	ikhwapha	baghelela	wacinga	isele
utata	ungaze	thuthuzela	ungawo	emva
ingqokuba	ingalo	thimla	nyathela	vuthela

Ngoku funda ngamizuzu amnye. Mangaphi amagama awafundileyo? Amagama owafula ngokuchanekileyo: _____ Zama ukwenza ngokhulu kwenqubo lakho lokufunda.

130 • IVEKI YESI-8 • LWESIHLANU



UKUBHALA NGESANDLA UHLOLO

Abafundi bayabhala


- Abafundi bakhuphela oonobumba bosuku kwiNYY.

Zithathe uzikorekisha.

Ukukorekisha:
Jonga iphepha 110
Amanqaku: 5

iph. 119

10 imiz



UKUBHALA WEDWA

Umfanekiso wam

- Abafundi bangabhala nantoni ngemifanekiso yabo.
- **Khangela:** ukubhalwa kwemihlathi, ukuqwalasela okunika umdla, indlela exhaswe ngayo impendulo.

15 imiz

KNF
iph. 38-41

Isihloko: Umfanekiso wam

- Ubonisa ntoni umfanekiso wakho?
- Kutheni ukhethe ukuyizoba?



UKUFUNDA UHLOLO 1

Ukufunda eyedwa (Iqela E)

- Iqela E liza ngaphambili neeNYY zabo.
- Khetha ibali lokufunda notitshala ebelifundwe neklasi.
- Mamela umfundi ngamnye efunda ngokuvakalayo.

Ukukorekisha:
Jonga iphepha 128
Amanqaku: 10



- **Umsebenzi owenza wedwa:** libhiskithi

iph. 131

30 imiz

KNF
iph. 24-27

UMHLA

Ibhiskithi

Ibhiskithi zizimuncunco eziswi. Uninzi lwebhiskithi zenziwe ngomgubo, ibhotolo kunye neswekile. Izithako zizutswa kunye, zenziwe mabini, aze zibhalewe e-ontini. Izinto ezahlukeneyo zingadibane kwebhiskithi, njengebhiskithi, amandlangomane okanye izihlolethi. Ibhiskithi ziyenziwa nakumzi-mveliso okanye ekhaya. Ibhiskithi zidla ngokukhawuleza kakhulu zibekwe emva.

Phanda uFumane
Zenziwe ngantoni ibhiskithi?

Ngokukhawuleza/ngokuzimela
Loluphi uhlobo lwebhiskithi oluthandayo?

UKUFUNDA WEDWA **IVEKI YESI-8 • LWESIHLANU • 131**



UKUFUNDA

Ukuphonononga umsebenzi owenza wedwa

15 imiz



Funda uze uphendule imibuzo

- Fundela ikhosi izicatshulwa zomSebenzi Owenza Wedwa ngokuvakalayo. Abafundi bayalandela ezincwadini zabo.
- Emva kwesicatshulwa ngasinye, funda umbuzo/imibuzo. Banike iimpendulo, abafundi mabazikorekisehele umsebenzi wabo.

Xoxani ngezicatshulwa

- Sesiphi isicatshulwa osithande kakhulu? Ngoba?
- Ingaba lukhona ulwazi olutsha olufundileyo? Amagama amatsha?

Ukukorekisha

- Beka unobumba wokuqala wegama kuphela. Bhala ukuba ngubani ongakwaziyo ukufunda nokuphendula imibuzo.



ULWAZI OLUSISISEKO

Ixesha lencwadi yomsebenzi yeDBE

Ukujonga uze unike ingxelo

- Jongani kunye imisebenzi kwincwadi yomsebenzi yeDBE.
- Abafundi mabenze izilungiso okanye bagqibezele imisebenzi yabo.

Gqibezela amaphepha eDBE

- Incwadi yomsebenzi yezaKhono zoBomi 1, iphepha lama-28 nephepha lama-29.
- Incwadi yomsebenzi yoLwimi lwaseKhaya 1, iphepha le-113 nele-117.

30 imiz



EZEMITHAMBO UHLOLO 2

Imidlalo

Jonga uze uvavanye isiqingatha sabafundi kwesi sifundo

Khetha umdlalo

- Khetha ukusuka kwimpuku nekati okanye ibhola yeqakamba, ibhola ekhatywayo okanye usikurume.

Cacisa umsebenzi

- Xelela abafundi imithetho yomdlalo owukhethileyo.

- Jonga ukuba bayayiqonda imithetho ngokubabuzela imibuzo.
- Banike nasiphi na isixhobo esifunekayo. Dlala umdlalo.

Dlala umdlalo

- Abafundi badlala umdlalo.
- Jonga uze uvavanye abafundi.

25 imiz

KNF
iph. 51-52



Ukukorekisha: Jonga iphepha 137
Amanqaku: 5

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa ikhosi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.

UPHONONONGO LWEVEKI LUKATITSHALA

Kule veki:

- ndizithathile iiNYY**, ndenza amanqaku ngokubhala.
- ndiwajongile ndawakorekisha amanye amaphepha eNYY**, ndazibona iindawo ezifuna ukunikwa ingqwalasela okanye abafundi abafuna uncedo oluthe kratya.
- ndiphinde ndajonga Isicwangciso seVeki**, ndazibona izifundo endingazigqibanga.
- ndiyijongisisile incwadi yam**, ndaqaphela abafundi abadinga uncedo lokufundiswa bebodwa okanye ukuziqhelisa ukufunda bekunye nam kwiveki ezayo.

Ndilicwangcisele ixesha leveki ezayo:

- lokuleqa umsebenzi wekhosi** okanye nayiphi na ingxelo efunekayo.
- lokufundisa **umfundi ngamnye**, umz. xa ikhosi ixakekile, okanye phambi kokungena kwesikolo.

Ndiyijongile iveki elandelayo ukuqinisekisa ukuba ndizilungiselele, kwaye ndinako konke endiza kukudinga ukuqala iveki.

ISICWANGCISO SEVEKI YE-9



Amalungelo noxanduva

OKUZA KWENZIWA KULE VEKI

Abafundi baza:

- Kuxoxa kwaye babhale imithetho yeklasi, kufunda ngemithetho yelizwe (umgaqo-siseko).
- Kusebenza ngokwamaqela benze ibali ngemifanekiso eqingqiweyo eyenziwe kwiveki yesi-8.
- Kumamela intsomi yaseYurophu.
- Kubethelela ingqiqo yesakhiwo sebali ngokubalisa kwakhona amabali anesiqalo, isiqu kunye nesiphelo.
- Kuphendula imibuzo malunga nebali kwaye bafunde ngeendawo ngeendawo eziseMzantsi Afrika.
- Kubhala imihlathi emibini ngomzobo, besebenzisa iindlela zokuhlalutya ngokubonwayo.
- Kuhlanganisa ukubhala ngesandla okubhalwe kule kota.

AMALUNGISELELO

Oonotsheluzi

Isigama solwimi	ihlathi	uxanduva	imithetho	isigebenga	umsombululi wengxaki
	forest	responsibilities	law	monster	problem solver
Isigama sezaKhono zoBomi	umgaqo		ummi	umthetho	
	rule		citizen	law	

Isivakalisi

Kwathi ke kaloku ngantsomi, kwaye kukho intombazana nenkwenkwe, ababebizwa ngokuba nguHana noLizo. Babehlala kwindlu esekupheleni kwehlathi.

Once upon a time there were a boy and a girl, called Hansel and Gretel. They lived in a house at the edge of a forest.

IZIXHOBO ZEMISEBENZI

- Ipeyinti nebrashi zokuhombisa ingqayi.
- Izixhobo ezifunekayo ukwenza imisebenzi ekhethiweyo yezemiThambo

UHQLOLO

Qokelela iincwadi uze uzikorekische: Ukubhala wedwa (ukuchaza ngomzobo), isigama (Lwesithathu), Izivakalisi (Lwesine), Ukubhala ngesandla (Lwesihlanu)

Olungekho sesikweni: Ukuziqhelanisa notyibiliko (Lwesine), Ubizelo (Lwesihlanu)

UNosambatho Sibomvu

Utitshala ufunda eli bali ngoMvulo (jonga iNT iphepha 94).

Kwathi kekaloku ngantsomi, kwaye kukho intombazanyana egama linguNosambatho Sibomvu. Wayesoloko enxibe isambatho esibomvu esinomqwazi. Umakhulu wakhe wayehlala kwelinye icala lehlathi. Umama kaNosambatho Sibomvu wayenomthetho othi, “Xa utyelela umakhulu, hamba ngendlela. Musa ukuhamba wedwa ehlathini.”

UNosambatho Sibomvu wayeyintombazana enobuntu, kwaye wayethanda ukusa izimuncumuncu kumakhulu wakhe rhoqo ngooLwezihlanu. Wathatha iibhiskithi kunye nejam ngebhaskithi encinci. Ngomnye uLwesihlanu wacinga, “Ndiza kuhamba ngehlathi namhlanje. Akukho nto inokundehlela.” Wayewulibele umthetho kanina.

Ehlathini wadibana nengcuka. “Uya phi na ntombazanyana?” yabuza. “Ndiya kwamakhulu, kwelinye icala lehlathi. Ndimphathele izimuncumuncu.”



